## ISILUMKISO/INKQUBO YOKUHLELA

Molweni

Namkelekile kwaNECT kwinkqubo yoLwimi lwaseKhaya!

Qaphela ukuba ubhalo lwale nkqubo yoLwimi LwaseKhaya, Ikota yesi-3 lwenziwe kwixesha elifutshane kakhulu. Ngaso ke esi sizathu, siyavuma siqonda ukuba lungakho uhlelo notshintsho olungenzeka.

Singathanda ke ukuba ungathatha ubumnini kule nkqubo, ze usebenzisane neqela labahleli bethu ekuyiqwalaseleni kwakhona le nkqubo, ngenjongo zokuphucula olu guqulo. Ukuba uthe wafumana iimpazamo, nantsi imiqathango ngezantsi omawuyilandele:

1. Thumela iimeyile kwidilesi engqamene nolwimi lwakho kwezi zingezantsi:
   xitsonga@homelanguage.co.za
   tshivenda@homelanguage.co.za
   sepedi@homelanguage.co.za
   siswati@homelanguage.co.za
   isizulu@homelanguage.co.za
   isindebele@homelanguage.co.za
   isixhosa@homelanguage.co.za
   sesotho@homelanguage.co.za
   setswana@homelanguage.co.za
   afrikaans@homelanguage.co.za
   english@homelanguage.co.za
2. Kula mgca ukubuza ngesizathu sokuthumela iimeyile, cacisa ngokuthe gca ofuna kutshintshwe. Umzekelo kwi: BANGA 3 IKOTA 4 KWISICWANGCISO SESIFUNDO, AMAPHEPHA 45–47.
3. Kwiimeyile ubuqu, bhala uluhlu lwazo zonke iimpazamo ofuna zilungiswe. Okanye unganceda ngokuzenza ezi zilungiso kwikopi yakho yesicwangciso ze uzisikene okanye uthathe ifoto yephepha, ze uzithumele ngeimeyile.
4. Ukuba kukho ezinye iingxaki ezinkulu ozibonayo ongafuna zifumane ingqwalasela yethu, bhala kwakhona usebenzisa la dilesi yeimeyile, ze kula mgca obuza isizathu kwiimeyile bhala ngokucacileyo. Umzekelo: UBUNGQINA BOLWINI OBUSETYENZISWA KWINGINGQI YAM.
5. Ze kubuqu beimeyile, unike ingcaciso ethe vetshe ngomba lowo.
6. Nceda uthumele iimeyile enamagama akho, isikhundla sakho nenombolo zefowuni ofumaneka kuzo; ukuze sikwazi ukukufumana ukuba sifuna ezinye ingcaciso okanye sibe nengxoxo nawe.
7. **Sibulela kakhulu ngokufaka ubuchwephesha bakho kule nkqubo! Sifuna ukuqinisekisa ukuba siphuma nesicwangciso esinyanisekileyo nesamkelekileyo kwiilwimi zonke ezikule nkqubo.**

# Isiqulatho


Ezolawulo Ngale Nkqubo v
Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo xiii

**Iveki 1 Umxholo: Ukubaluleka kwemfundo 1**
Ngomvulo 3
Ngolwesibini 9
Ngolwesithathu 16
Ngolwesine 24
Ngolwesihlanu 29

**Iveki 2 Umxholo: Ukubaluleka kwemfundo 33**
Ngomvulo 35
Ngolwesibini 41
Ngolwesithathu 48
Ngolwesine 56
Ngolwesihlanu 61

**Iveki 3 Umxholo: Ukuziva sizolile kwaye sikhululekile 65**
Ngomvulo 67
Ngolwesibini 73
Ngolwesithathu 79
Ngolwesine 87
Ngolwesihlanu 91

**Iveki 4 Umxholo: Ukuziva sizolile kwaye sikhululekile 95**
Ngomvulo 97
Ngolwesibini 103
Ngolwesithathu 109
Ngolwesine 117
Ngolwesihlanu 122

**Iveki 5 Umxholo: Usizi nentlungu 127**
Ngomvulo 129
Ngolwesibini 134
Ngolwesithathu 140
Ngolwesine 148
Ngolwesihlanu 152

# Ezolawulo Ngale Nkqubo

## Isiphumo sesiFundo

Kule Kota, abafundi bakho kumele babe bazifumene ezi ziphumo zesifundo ezilandelayo;

### UKUMAMELA NOKUTHETHA

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukutsho okanye bacule imibongo emi 4 okanye iingoma.
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo kwigumbi lokufundela besabelana ngolwazi olungaphambili.
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwingxoxo engebali eli belifundwa noTitshala besebenzisa isicwangciso/isakhelo sengxoxo njengesikhokelo.
4 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukwakha awabo amabali
5 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukwabelana ngemisebenzi yabo yokubhala.
6 Abafundi kumele ukuba bayasiqonda kwaye bayakwazi ukusisebenzisa esi sigama silandelayo.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ingxaki | sombulula | isisombululo | ubuchule | ukujonga | ubugcisa |
| umzobi | khuthaza | ipeyinti | yila | umbona | mandulo |
| intsomi | ubukrelekrele | ukomelela | ubuchule | tshintsha | uphumelele |
| impazamo | ixesha lonyaka | Ubusika | Ntlakohlaza | Ihlobo | Ekwindla |
| enoboya | ukulingana | ubungakanani | ukuqina | ukukhula | ukuhlutha |
| ukubhideka | ikhari | izithako | iziqholo | ukugqquma /sangxola | galela |
| ukugreyitha | ukunqunqa | ukubila | tshintsha ingqondo | uluvo | imbali |
| edlulileyo | ngoku | indawo yokucheba iinwele | itram | mosque | isynagogue |
| tshabalalisa | ugandaganda | inkumbulo | izinyanya | umthunywa | umyalezo |
| itoliki | ukuzula | indalo | ixabiso | inkcubeko | yobuthixo |
| umntanezulu othandazayo | ukufunda isifundo | inzululwazi | isitofu sokugonya | ulingo | isifo |
| tofa | inaliti | eziyingozi | umngcipheko | amajoni omzimba | ukhuseleko |
| uyaphila | ufile | usindile | umhlaba | izondlo | iivithamini |
| idatha | ukukhanya kwelanga | isithole | qaphela | | |

## IZANDI NEZANDI

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuziva ze bazitsho izandi
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzibona ezi izandi zilandelayo
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula ze baphinde bawadibanise amagama

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| dy | kr | oo | ii | mn | mh |
| ndl | ntl | ndw | ndy | ngc | nqw |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula la magama alandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| idyasi | idyoko | idyudyu | dyobha | iyadyudyuza | ikrele |
| krasa | kroba | kruna | ikrakra | oomama | oobawo |
| oodade | oomalume | iinkomo | iinkabi | iintente | iimoto |
| iitafile | imnandi | umnikazi | umnumzana | umninawe | imhemhe |
| imhemfu | mhomha | imhokamhoka | indlu | indlovu | indlela |
| indlala | indlebe | intlaka | intlama | intloko | intluva |
| intliziyo | indwendwe | undwebile | indwalutho | indyebo | indyondyo |
| indyandya | ingca | ingcawe | ingcambu | ukungcola | ingcongconi |
| nqwala | inqwaba | inqwelo | | | |

## UKUFUNDA

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzicalula ezi izandi zilandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| idyasi | idyoko | idyudyu | dyobha | iyadyudyuza | ikrele |
| krasa | kroba | kruna | ikrakra | oomama | oobawo |
| oodade | oomalume | iinkomo | iinkabi | iintente | iimoto |
| iitafile | mna | imnandi | umnikazi | umnumzana | umninawe |
| imhemhe | imhemfu | mhomha | imhokamhoka | indlu | indlovu |
| indlela | indlala | indlebe | intlaka | intlama | intloko |
| intluva | intliziyo | indwendwe | undwebile | indwalutho | indyebo |
| indyondyo | indyandya | ingca | ingcawe | ingcambu | ukungcola |
| ingcongconi | nqwala | inqwaba | inqwelo | | |

## ABAFUNDI KUMELE UKUBA BAYAKWAZI UKUFUNDA LA MAGAMA ABONWA NJALO

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ipowusta | edongeni | umzobo | ixhonywe | qwalasela | yinxalenye |
| balangazelela | inkolo | endle | izithixo | ibhatyi | umnqwazi |
| ofukufuku | emthubi | qhaqhazela | wazicola | igalikhi | izinongo |
| wangcamla | amaqamza | iinkcubeko | iintlanga | iingingqi | ucalucalulo |
| iinkqubo | umntanezulu | ookhokho | inxalenye | isinambuzane | bakholelwa |
| ingqakaqha | izixhobo | ugonyo | isifo | ubofu | ukunakekela |
| izityalo | ziphefumla | imitha | ngengqayana | | |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukulubona unxulumano kwibali njengakulo mzekelo ulandelayo

| |
|---|
| Umama uthenge intloko yegusha. Ubhuti uthanda intloko yehagu. Uthi imhemfu yehagu imnandi. Mna ndithanda indlebe. |

## UKUQIQA NOKUQONDA

1. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuqikelela okuza kwenzeka ebalini besebenzisa imifanekiso
2. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukukhumbula iinkcukacha ngebali .
3. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubalisa ibali elifundiweyo.
4. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuchaza okwenzeka kuqala okulandelayo nokokugqibela ebalini.
5. Abafundi kumele ukuba bayakuqonda ukuba kuthetha ukuthini ukuba nomfanekiso ngqondweni, ukuyifunda ivaliwe nokucinga ngebali.
6. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuxoxa ngebali besenzisa isakhelo sengxoxo.
7. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuphendula imibuzo yebali.

## UKUBHALA

1. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzoba umfanekiso obonisa ukuqonda ibali.
2. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukufakela iinkcukacha kwimizobo yabo.
3. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala izivakalisi ezifutshane besebenzisa isakhelo sokubhala.

### UKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA

1. Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi abakumgangatho wayo bekunye notitshala kwiqela elikumgangatho olingana nowabo.
2. Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukusebenzisa ukwazi ngezandi, imizekelo ebonakalayo ze bakwazi ukubona amagama axhonyiweyo xa befunda.
3. Abafundi kufuneka bakwazi ukuqala ukuzilawula ngokwabo ukuqaphela amagama nengqiqo nokuqonda

## IziXhobo zokuFunda eziphuma nale nkqubo

**Qaphela: Izixhobo ezi ziphuma nale nkqubo zezesikolo. Kwaye ziphuma kube kanye, ngako ke qinisekisa ukuba ziyabhalwa phantsi ze ziphatheke ngononophelo.**

Kwikota yesi-3 uTitshala ufumana ezi zixhobo zilandelayo:

1. **Iitshati ezixhonywayo ezimabala-bala x 4**
   Sebenzisa ezi tshati ukuxhoma umsebenzi wakho weveki. Kwiveki nganye xhoma: izandi zeveki namagama aqala ngezandi, amagama abonwa njalo, amagama asekelwe kumxholo, imifanekiso enamagama esekelwe kumxholo nesakhelo sokubhala.
2. **Iitshati zokufundisa ukubhala ngesandla**
   Ezi tshati mazixhonywe ngaphambili eklasini ukuqinisekisa ukuba ziyabonakala kubo bonke abafundi. Kwibanga loku-1 nelesi-2 ooTitshala baza kufumana iitshati zokubhala ngesandla, ze kwibanga lesi-2 nelesi – 3 ooTitshala bafumane iitshati zokubhala ngesandla nezokubhala ngokudibanisa.
3. **Isicwangciso seSifundo Ikota yesi-4**
   Sebenzisa esi sicwangciso ukukukhokela kwizakhono ekufuneka uzifundisile. Iindlela zokuFundisa ezinguNdoqo zicacisa indlela yokufundisa isifundo ngasinye. Kwiiveki ezimbini zokuqala kwiKota yesi-2 uza kulandela inkqubo yokuziqhelanisa nale nkqubo.
4. **Ikota yesi-4 iTreka**
   Sebenzisa itreka yakho ukuzalisa Isicwangciso sakho sonyaka nesekota. Faka uphawu nomhla kwisifundo ngasinye nomsebenzi wohlolo njengoko ubonisiwe. Emva kwesifundo ngasinye bhala iingcinga zakho ngesifundo.
5. **Ikota yesi-4 INcwadi eNkulu**
   Sebenzisa amabali akwiNcwadi eNkulu ngexesha Lokufunda noTitshala. Amabali kule Kota asi – 8, oko kuthetha ukuba ibali elinye ngeveki.
6. **Ikota yesi-4 Izixhobo Zokufunda**
   Izixhobo zokufunda ziquka oku kulandelayo:
7. **Oonotsheluza bamagama** baquka amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nezandi magama. Wasike la magama ze uwabeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

**8** **Imifanekiso enamagama asekelwe kumxholo** le mifanekiso inamagama inikwezwe apho kufanelekileyo. Yisike ze uyibeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

**9** **Imisebenzi esekelwe kuBugcisa bokubalisa ibali** ikhona kumxholo ngamnye. Le misebenzi iquka imifanekiso emi-3 ukuya kwemi-4 ebalisa ibali. Umfanekiso ngamnye unamaphepha ali-10 omsebenzi. La maphepha alingana nenani lala maqela mancinane ngako ke iqela ungalinika amaphepha afanayo. Kopa / Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

**10** **Incwadi yoMsebenzi wokuHlola** uyinikiwe ukubhala iziphumo zabafumdi nokucaphula ngokwenzekileyo kwiKota.

**11** **Ikota yesi-4 Amaphepha omsebenzi wokufunda x 8**

**12** Amaphepha omsebenzi wokufunda asi-8 uwanikiwe kule kota. Usebenzisa iphepha elinye ngeveki ukuqala kwiveki yoku-1 ukuya kweye – Sebenzisa la maphepha neklasi yonke ngexesha lokufunda namaqela ngoncedo lukaTitshala. Kopa/ Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

## Ezesiqhelo zeveki: 7 iiyure

1. Le nkqubo yokufunda ilandela imisebenzi eminye yemihla ngemihla iveki neveki.
2. Oku kwenza kube lula kooTitshala nabafundi ukulandela le nkqubo.
3. Abafundi bangalungiselela umsebenzi olandelayo xa sebeyazi inkqubo yemisebenzi yemihla ngemihla.
4. Lo msebenzi wesiqhelo usekelwe kwixesha elincinane elinikwe kwi – CAPS kuLwimi LwaseKhaya eliziiyure ezisi-7 ngeveki.
5. Ezesiqhelo zakhiwe ngendlela yokuba zisebenze ngokufanayo kuLwimi LwesiNgesi oluyinxalenye yale nkqubo yePSIRP.
6. Nceda uxhome lo msebenzi wesiqhelo kwigumbi lakho lokufundela, uwufunde de uwazi ngentloko!

| **NGOMVULO** | | **NGOLWESIBINI** | | **NGOLWESITHATHU** | | **NGOLWESINE** | | **NGOLWESIHLANU** | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 |
| | | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 |
| UkuBhala ngesandla | 15 | UkuBhala ngesandla | 15 | UkuBhala ngesandla | 15 | | | | |
| Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 | | | Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 |
| UkuBhala | 30 | | | UkuBhala | 30 | | | | |
| Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 |
| **1.45** | | **1.15** | | **1.45** | | **1.00** | | **1.15** | |

## Ulungiselelo lweveki

Kubalulekile ukukhumbula ukuba le nkqubo seyibenzele ooTitshala isicwangciso sesifundo, oku kunceda ukunciphisa ixesha njengoko uTitshala ENGASACWANGCISI, kodwa UKUZILUNGISELELA ukufundisa isifundo kuyafuneka kakhulu. Udinga nje imva kwemini enye uze uzilungiselele uncedisana noogxa bakho abafundisa kwesi sigaba.

**Xa nizilungiselela, khumbulani oku:**

1. Fundani isicwangciso sesifundo seveki.
2. Qinisekisani ukuba niyakwazi kwaye niyakuqonda ekufuneka kwenziwe, ukuba aniqinisekanga yiyani Kwiindlela zokuFunda ezinguNdoqo nihlaziye ulwazi lwenu.
3. Okulandelayo, jongani ukuba ngabaphi oonotsheluza nemifanekiso efunekayo kumxholo, amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nesakhelo sokubhala.
4. Oonotsheluza nemifanekiso mabalungiswe ngolu hlobo:
   a. Sika oonotsheluza okanye sika imifanekiso.
   b. Ncamathelisa kwiphepha okanye kwibhokisi.
   c. Ukuba unako faka iplastiki okanye ulamineyithe.
   d. Gcina aba notsheluza kwimvulophu okanye ubafake irekeni.
5. Qokelela zonke ezinye izixhobo onokuthi uzifune kuquka imifanekiso nezinto eziphathekayo.
6. Jonga ukuba unayo na iNcwadi eNkulu.
7. Funda yonke imisebenzi ekwincwadi yeDbe ekumele uyenze.
8. Ziqhelanise nomsebenzi wonke wokubhala.
9. Qinisekisa ukuba iTreka yakho uyizalisile kumsebenzi weveki ephelileyo, waye ucaphule ngezifundo zakho zeveki ephelileyo.

## Uludwe lwenkqubo yokuFunda neMixholo

| INANI LEVEKI | UMXHOLO | ITEKISI YOKUFUNDA NOTISHALA | AMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| 1 | Ukubaluleka kwemfundo | Ubomi obungenamida | 1 |
| 2 | Ukubaluleka kwemfundo | UMalala ulwela imfundo | 2 |
| 3 | Ukuziva sizolile kwaye sikhululekile | UZandile ufunda ukumeditheytha | 3 |
| 4 | Ukuziva sizolile kwaye sikhululekile | UMunene ufumana uncedo | 4 |
| 5 | Usizi nentlungu | UBantu uziva elusizi | 5 |
| 6 | Usizi nentlungu | Sikhumbula uTio Pablo | 6 |
| 7 | Imbali | Uhambo olukhulu lukaShamiso | 7 |
| 8 | Imbali | Iqhawe eligama linguSimon Nkoli | 8 |

## Ikota yesi 4 Inkqubo YoHlolo

Inkqubo yoHlolo iyilwe ngokwe 'Abridged Section 4 of CAPS '. Le nkqubo iyafumaneka ngasemva kwiTreka yekota nganye.

## Iitshati ezixhonywa kwigumbi lokufundela

### ITSHATI EZIXHONYWAYO

**1** Njengenxalenye yale nkqubo uza kunikwa iitshati ezine ezinkulu ezimabala-bala zokuxhoma eklasini.
**2** Umbala ngamnye uza kusetyenziswa ukuxhoma isigama esahlukileyo seveki.
**3** Sebenzisa ezi tshati ngolu hlobo:
- **a** **Itshati eluhlaza okwengca** – xhoma amagama eveki asekelwe kumxholo nemifanekiso yawo.
- **b** **Itshati eluhlaza okwesibhakabhaka** – xhoma amagama esiwabona njalo kulo veki
- **c** **Itshati etyheli**-xhoma izandi namagama asekelwe kwizandi zeveki.
- **d** **Itshati epinki** – xhoma isakhelo sokubhala seveki.

**4** La magama axhonywa kwezi tshati makahlaziywe iveki neveki.
**5** Nceda ungayeki amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo axhonywe unyaka wonke. Okuxhonywe kwezi tshati makungqamane nomxholo owenzayo. Ukuba uwayeka onke la amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo, iklasi yakho

ixinana kakhulu kwaye abantwana baphele sebengazi apho kufuneka bejonge khona. Bavele bayeke ukujonga kwaphela

6 Xa uwothula amagama nemifanekiso qinisekisa ukuba uwagcina kakuhle.
7 Khumbula la magama nemifanekiso uza kuphinda uwasebenzise kunyaka ozayo.

### ITAFILE YOMXHOLO

1 Yakha itafile esekelwe kumxholo lo wenziwayo eklasini yakho.
2 Sebenzisa le tafile ukubonisa imifanekiso nezinto eziphathekayo ezingqamane nomxholo.
3 Ziphawule ngamagama ezi zinto ukuze abafundi bawazi amagama azo, befunda nesigama esitsha.

# Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo

## Ulawulo kwigumbi lokufundela

Ezinye zendlela zokulawula kwigumbi lakho lokufundela sizifake njengeendlela zokufundisa ezingundoqo. Ezi ndlela zokufundisa sizisebenzisa lonke ixesha kule nkqubo, ngoko ke kubaluleke kakhulu ukuba uziqhelanise nazo de uzazi.

***Injongo yezi ndlela zokufundisa ezingundoqo:*** *Kukuphucula ixesha olithathayo ukugqiba umsebenzi ngamnye, indlela abaziphatha ngayo abafundi nokuphucula intsebenziswano phakathi kwabafundi. Ukunciphisa ukuphazamiseka ekufundeni nokwazisa isakhono sokudlala ekufundeni.*

### UKUHLALA NAMAQELA AMANCINCANE

1. Kubalulekile ukunika ixesha nengqwalasela kwindlela ohlalisayo ngayo abafundi kwigumbi lokufundela.
2. Xa usenza oko, naku ekufuneka kuqwalaselwe:
   a. **Baxube abafundi ngokwezakhono zabo ezahlukeneyo** – awufuni kuhlalisa abafundi ekunzima kubo bodwa kananjalo ungafuni ukuhlalisa abafundi ababukhali bodwa. Baxube abafundi bakho ukwenzela ukuba igumbi lakho lonke lokufundela libe ngumxube.
   b. **Hlalisa abafundi bakho ngenyameko ukukhusela ingxabano nengxolo kwigumbi lokufundela.** Sukuhlalisa abafundi abathanda ukuhluphana ndawonye. Sukuhlalisa nabafundi abathanda ukuthetha ndawonye. Baleka ezi ngxaki ngokubohlula aba bafundi.
3. Kule nkqubo kukho imisebenzi embalwa efuna ukuba abafundi basebenze kunye kumaqela amancincane.
4. La maqela aquka abafundi aba-3 ukuya kwaba – 4, behleli kufutshane omnye komnye. Wenza oku ukwenzela ukuba xa uxelela abafundi ukuba mabasebenze kumaqela abo amancincane bakwenze oko ngokukhawuleza bengachithi xesha kuba abahambi kakhulu.
5. Ukuba bafundi bakho bahlala ngokwemiqolo indlela elula yokwakha la maqela kukuba abafundi ababini kumqolo wokuqala mabajike bajonge abafundi ababini kumqolo osemva kwabo. Oku kwenza iqela elinabafundi aba-4 ngokukhawuleza nangempumelelo.
6. Lo msebenzi sukuwuyekela kubafundi. Gqiba ngendlela oza kuyisebenzisa ukwakha la maqela, ze ufundise abafundi bakho indlela yokuya kumaqela ngokukhawuleza bethe cwaka.

7 Ukuba uyabona ukuba kukho iqela elingasebenzisani kakuhle, litshintshe elo qela unganyanzeli.

## UKULAWULA IINGXOXO KUMAQELA

1 Kule nkqubo, kukho imisebenzi efuna abafundi babambe iingxoxo kumaqela.
2 Fundisa abafundi bakho ukwenza oku kulandelayo:
   a Okukuqala, abafundi mabahlale kumaqela abo amancinci
   b Okwesibini, mabathathe ingqalelo kumbuzo nngxoxo okanye isakhelo
   c Wonke umfundi makanikwe ithuba lokuphendula umbuzo:
      - Umfundi woku– I makaphendule umbuzo woku –1
      - Umfundi wesi– 2 makaphendule umbuzo woku –1
      - Umfundi wesi– 3 makaphendule umbuzo woku – 1
      - Umfundi wesi– 4 makaphendule umbuzo woku –1
      - Umfundi woku–I makaphendule umbuzo wesi-2
      - Umfundi wesi–2 makaphendule umbuzo wesi-2
      - Umfundi wesi–3 makaphendule umbuzo wesi-2
      - Umfundi wesi–4 makaphendule umbuzo wesi-2
      - Njalo njalo
3 Ingaba licebo elihle ukusebenzisa' intonga ethethayo'/ ilitye / nantoni na ephathekayo ukulawula oku.
   a Nika iqela ngalinye into ephathekayo enjenge litye okanye intonga ezotywe ngemibala –bala.
   b Lo mntu ubambe ilitye okanye intonga nguye onelungelo lokuthetha abanye eqeleni bamamele.
   c Xa egqibile ukuthetha ilitye okanye intonga mayidluliswe kolandelayo njalo njalo.
4 Ukuba kufuneka kunikwe ingxelo, emveni kokuba wonke umfundi ethethile eqeleni, makuvotelwe ezona mpendulo zigqwesileyo kumbuzo ngamnye.

## IMISEBENZI YOKUZIHLAZIYA EYENZIWA XA KUFUNDWA

1 Xa kufundwa ngamaqela ngoncedo lukaTitshala, uTitshala makasebenze namaqela amabini kuphela.
2 Phambi kokuba ahoye iqela lokuqala, kubalulekile ukuba abafundi bamnike inzolo utitshala. Njengoko uTitshala eza kusebenza namaqela amabini kubalulekile ukuthatha ithuba ashukumise abafundi phambi kokuba baqhubeke nomsebenzi wesibini kwiphepha lomsebenzi wokufunda.
3 Yenza oku kanje:
   a Xa ugqibile ukusebenza thumela iqela lokuqala ezidesikeni zabo
   b Abafundi mabayeke oko bakwenzayo bakunike inzolo.
   c Yenza umsebenzi wokuhlaziya abafundi ubashukumise.
   d Wakugqiba bahlalise phantsi ze bajonge Iphetshana lomsebenzi Wokufunda.
   e Cacisa umsebenzi olandelayo omawenziwe kwelaPhetshana lomsebenzi Wokufunda

- **f** Uyabakhumbuza abafundi ukuba baqinisekise ukuba bawugqibile lo bebewenza umsebenzi phambi kokuba benze olandelayo.
- **g** Biza iqela lesibini lizo kufunda nawe.

**4** Sicebisa le migaqo mi-4 yokufunda nabafundi bakho:

## Umsebenzi woku – 1: UTitshala uthi

1. Phakamani bafundi.
2. Ndiza kunicacisela ngeentshukumo ezahlukeneyo esiza kuzenza, njengo kuzibamba entloko, ukubhabhisa ikayithi, ukushukumisa impumlo, ukuxhuma-xhuma kathathu; njalo njalo.
3. Ukuba ndithi 'utishala uthi', yenza oko kutshiwo ndim.
4. Ukuba anditshongo ukuba" utitshala uthi", yimani ngxi.
5. Ukuba umfundi uye washukuma ndingatshongo ukuba utishala uthi, lo mfundi uyaphuma emdlalweni ngokuthi ahlale phantsi.
6. Ophumelelayo ngulowo uzakushiyeka eme yedwa.

## Umsebenzi wesi-2: Umjayivo

1. Yalela abafundi baphakame.
2. Bacacisele ukuba uza kudlala umculo efowunini yakho.
3. Xa abafundi besiva umculo mabajayive.
4. Xa umculo ucima mabaqine.
5. Umculo mawulayitwe ucinywe amatyeli amabalwa, ukwenzela abafundi bajayive baphinde baqine amatyeli ambalwa!

## Umsebenzi wesi- 3: Shukuma, shukuma, qina

1. Yalela abafundi baphakame.
2. Yithi: shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, qina !
3. Abafundi mabatsho kunye nawe shukuma, shukuma njengoko beshukumisa imizimba yabo'.
4. Xa kufikwa kuqina nkqi bathi cwaka!
5. Phinda phinda oku amatyeli ambalwa.

## Umsebenzi we – 4: Isitulo sam nam

1. Umfundi makaphakame ame ecaleni kwesitulo sakhe. Makubekho umgama wokushukuma eklasin.

2 Nika abafundi imiqathango emayilandelwe – mabenze konke oku ngokukhawuleza bethe cwaka.
3 Yonke le miqathango yayamene nesitulo befunda umbekwa-phambili.
4 Nika imiqathango ngolu hlobo:
   - Yima emveni kwesitulo sakho
   - Phakamisa isitulo sakho
   - Khwela esitulweni sakho
   - Nyathela ngaphaya kwesitulo sakho
   - Njalo njalo etc.

## Imisebenzi ye-orali

Xa kuqala izifundo zoLwimi LwaseKhaya ngoMvulo, ngolwesiThathu nangolwesiHlanu uya kufundisa i-orali. Ezi zizifundo zokuphulaphula nokuthetha zale nkqubo, ezilungiswe ngobuchule ukunika abafundi amathuba okuthetha umntu eyedwa.

### Fundisa amaGama aSekelwe kuMxholo

***Injongo:*** *Kukuphuhlisa izakhono zabafundi zokuqiqa nokucinga besebenzisa ulwimi lwezemfundo, ukuze kuphuhle isakhono sokufunda ngengqiqo nentekelelo nangolwazi oluphangaleleyo. Ukuxhobisa abafundi ngcono ngokusetyenziswa kolwimi olufanelekileyo ukuze bamelane nesiGaba samaBanga aPhakathi.*

1 Fundisa abafundi amagama amathathu asekelwe kumxholo.
2 Sebenzisa imethodi iPATS xa ufundisa amagama amatsha.
3 IPATS sisifinyezi sika Khomba, Lingisa, Xela, Yitshoa.
4 Awuzisebenzisi zonke ezi zakhono ngexesha elinye ukhetha ezilungele elo gama ulicacisayo
   a P – Khomba umfanekiso okanye into yokwenyani.
   b A – Lingisa igama xa unako.
   c T – Xelela abafundi ukuba igama lithetha ukuthini ubanike nomzekelo.
   d S – Yitsho igama kwisivakalisi abantwana balibize emva kwakho.
5 Xa uwafundise onke amagama eveki asekelwe kumxholo waxhome kwibhodi yemiboniso edongeni kunye nemifanekiso yawo.
6 Asingabo bonke abafundi abaza kuwakhumbula onke la magama kwangoko. Ungazikhathazi ngoku, kwaye ungabenzi abafundi baphindaphinde igama amathuba amaninzi!
7 Abafundi baza kuhlangana nala magama matsha amathuba amaninzi kumxholo, kwaye baza kunikwa ithuba lokwakha isigama esise sabo.

## Ingoma okanye umbongo


***Injongo**: Ukuhlanganisa ulwazi lwamagama amatsha afundiswe abafundi. Ukufunda usebenzisa ukudlala.*

1. Ingoma okanye umbongo oza kuwufundisa abafundi ufumaneka kwisicwangciso sesifundo/seklasi.
2. Ekuhambeni kwexesha abafundi baza kuziqhela ezi ngoma nale mibongo de bazicule ngokuzenzekelayo.
3. Kodwa xa beqala ukuyifundiswa ingoma okanye umbongo, kufuneka ubafundise amagama, iintshukumo nesingqi (ukuba sikhona)
4. Fundisa ingoma okanye umbongo umqolo ube mnye ngexesha ngolu hlobo:
   - **a** Cula okanye ucengceleze umbongo wonke phambi kwabafundi. Cacisela abafundi intsingiselo xa kuyimfuneko.
   - **b** Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala abafundi balandele emva kwakho.
   - **c** Cengceleza okanye ucule umqolo wesibini abafundi balandele emva kwakho.
   - **d** Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala nowesibini kunye nabo, emva koko abafundi balandele emva kwakho.
   - **e** Qhuba ngolu hlobo de ugqibe ukufundisa umbongo okanye iingoma.
5. Yenza iintshukumo ezihambelana nengoma okanye umbongo rhoqo.
6. Nika abafundi ithuba lokuchonga ze bacule ingoma abayithandayo ekupheleni kosuku. Le yindlela emnandi yokuqukumbela usuku nokugxininisa amagama amatsha abawafundileyo.

## Yazisa umxholo: Ukukhangela ulwazi abanalo

***Injongo:** Ukuqonda ulwazi abafundi abanalo ngomxholo ukuze wakhe phezu koko bakwaziyo ngomxholo. Ukufundisa abafundi ukucwangcisa nokuhlela ulwazi abanalo ngemifanekiso usebenzisa ubuchule bemephu yengqondo.*

1. Kulo msebenzi utitshala uqala ngokwenza imephu yengqondo ngokukhawuleza ebhodini
2. Utitshala uzoba isangqa esinegama lomxholo embindini webhodi.
3. *Okulandelayo, utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Nazi ntoni ngalo mxholo?*
4. Utitshala ubhala imibono/iimpendulo zabafundi kwimephu yengqondo. Kufuneka utitshala azame ukuhlanganisa ndawonye iimbono ezingqameneyo. Umzekelo ukuba umxholo uthi ‘ubuhlobo’ unganemephu yengqondo elolu hlobo:




5 Kwiveki yesibini kumjikelo weeveki, utitshala uza kusebenzisa le mephu yengqondo ukuncedisa abafundi ukuhlaziya obekufundwe kwiveki yokuqala yomxholo.

6 Utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Zintoni ezintsha, ezinika umdla esizifundileyo kulo mxholo ukuza kufikelela apha?

## Ubugcisa bokubalisa ibali iVeki 1

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo nobugcisa ukuze bayile ibali elinentsingiselo. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

1 Lo msebenzi unika abafundi ithuba lokusebenzisa intelekelelo nobugcisa babo, amagama amatsha asetyenziswe kumxholo, isakhono sabo sokucwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo beyila ibali elitsha.

2 Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.

3 Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo. Eli phepha lifumaneka kwiPekhi yeziXhobo.

4 La maphepha anemifanekiso emi-3–4 enokusetyenziswa ukuyila ibali elihambelana nomxholo.
5 Xelela abafundi ukuba mabacinge ngebali elihambelana nemifanekiso.
6 Nika abafundi umzuzu ukuya kwemibini yokucinga ngeembono zabo.
7 Okulandelayo, umfundi ngamnye kwiqela lakhe makanikwe ithuba lokwabelana nabanye ngebali lakhe aliyilileyo.
8 Jikeleza, umamele abafundi abohlukeneyo bebalisa amabali abo.
9 Qokelela amaphepha uwagcine kakuhle aza kuphinde asebenze kwiveki elandelayo.
10 Khuthaza abafundi ukuba babalisele umntu ekhaya ngebali abaliyilileyo.

## Ubugcisa bokubalisa ibali iveki 2

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo ukuze bayile ibali elitsha. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

1 Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki edlulileyo basebenzise imifanekiso ukuyila awabo amabali.
4 Kule iveki, abafundi masebenze njengeqela ukuthatha isigqibo ngebali leqela labo.
5 Khumbuza abafundi ukuba ibali kufuneka libonise ubugcisa bokucinga nengqiqo, kwaye kufuneka lihambelane nemifanekiso!
6 Cela abafundi bathule, bajonge kuwe.
7 Cela iqela elinye okanye amabini abalise amabali awo.
8 Bulela abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Ingxoxo ngoMxholo wokuFunda noTitshala

***Injongo:*** *Ukufundisa abafundi izakhono zokuqiqa nokucinga nokujonga iimeko nkalo zonke, isakhono sokushwankathela, ukuqeqesha ingqondo ukuze kuphuhle ezi zakhono. Ukunika abafundi amathuba ophuhlisa ukuzithemba ngokubanika amathuba enene angangxengwanga nokuvelisa iimbono zabo, ukuhlola/ukuvavanya, ukuqhagamshelanisa nokusifunda isimo sivaliwe.*

1 Ingxoxo ngeTekisi yokuFunda noTitshala ibali ngooLwesiHlanu.
2 Qala ubhale isakhelo sengxoxo ebhodini.
3 Okulandelayo, funda ze ucacisele abafundi isakhelo sengxoxo.
4 Abafundi kufuneka bazi ukuba nayiphi na impendulo yamkelekile, iimbono neempendulo. ezingafaniyo neziphikisanayo zamkelekile.
5 Ekupheleni kwesifundo, cela abafundi bakujonge baphulaphule.

6 Kwimizuzu embalwa yokugqibela cela abafundi abohlukeneyo okanye elinye lamaqela likunike iimpendulo.
7 Bulela abafundi ngeempendulo, neembono zabo
8 Ukuba iimpendulo zabafundi azichanekanga okanye zifuna ukuphuhliswa balungise okanye ubuze imibuzo enyanzelisa ukuba impendulo ziphuhle

## Ukuqiqa nokuva izandi/ izandi/ukubhala ngesandla

**Ibanga 1& 2 (kude kuphele inkqubo yezandi)**

Ukuva nokwazi izandi, nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo

### Ukuqukumbela/ukuhlanganisa: ngeMivulo

***Injongo**: Ukuhlola ngokungekho sikweni ulwazi lwabafundi lokwahlula izandi abazivayo, isakhono sokukhumbula izandi abazifundileyo kunye nokubhala ngesandla. Ukulungisa okanye uhlanganise ulwazi ngezandi nokubhala ngesandla beziqwalasela bazilungise iimpazamo ngokwabo. Ukusebenzisa okuqwalaselwe ngexesha lohlolo ngeenjongo zokwazi okuqhubekayo.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala behlaziya izandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala. Bakugqiba mababhale umhla.
3 *Okulandelayo xelela abafundi bagobe iphepha embindini, ecaleni komgca ekhohlo badwelise amanani 1–4, embindini badwelise amanani 6–10. (inani lamagama, amalungu egama nezandi, ziza kwahluka ngokwezifundo ezahlukeneyo).*
4 Yalela abafundi ukuba ecaleni kwenani ngalinye mababhale isandi okanye igama olibizayo, xa bengayazi impendulo mababhale umgca –
5 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawelezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kuzihlola ngokwabo inqanaba labo lokubhala ngesandla nokwazi izandi.
   - Kufuneka bazihlole ukuba bayakwazi na ukuva babhale izandi, amalungu egama namagama ngokuchanelekileyo.
   - Kufuneka bazibone ukuba bayakwazi na ukubhala izandi ngokufanelekileyo
7 Bizela izandi, amalungu egama namagama akwisicwangciso sesifundo/seklasi.
8 Okulandelayo yalela abafundi bathathe ikhrayoni enombala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
9 Bhala iimpendulo ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwachaza nendlela eyiyo yokusibhala njengoko usenza.

**10** Xelela abafundi abatsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala unobumba othile kufuneka baziphe ixesha bazifunde apha evekini.
**11** Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, ze uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo.

## Ukufunda izandi namagama amatsha ngolwesiBini nangoLwesiThathu

***Injongo:*** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandela inkqubo eqingqiweyo yokwahlula izandi umfundi azivayo. Ukufundisa gca nangokulandelelanayo ukwahlula izandi zolwimi lwasekhaya azivayo umfundi kunye namalungu amagama.*

### Yazisa isandi esitsha

1. **Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo /c/**
2. Biza isandi uze uyalele abafundi basiphinde isandi kathathu.
3. Bonisa abantwana ukuba esi sandi /c/ sohlukile kwesesiNgesi.
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ oonobumba
5. Buza abafundi: Ninawo amagama eniwaziyo anesandi /c/?
6. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo**: cela, cima, coca, cika, icici**

### Yazisa amagama amatsha

1. Biza igama ngokucacileyo njengoko ubonisa unotsheluza**: cela, cima, coca, cika, uceba, icici**
2. Cela abafundi babize amagama belandele emva kwakho
3. Ncamathisela oonotsheluza bala magama kwiBhodi/Tshati yamaGama yeMiboniso

## Ukubhala u(oo)Nobumba namaGama amaTsha: ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

***Injongo*****:** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandelayo ulwazi lwabafundi lokubhala ngokuchanekileyo nangokutyibilikayo ukubiza ze babhale izandi ezingqamene nezandi abazifundisiweyo.*

1. Fundisa abantwana indlela efanelekileyo yokubhala isandi esifundiswayo
2. Yenza umfuziselo wokubhala isandi ebhodini – Cacisa inkqubo yokubunjwa kwesandi njengoko ubhala.
3. Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
4. Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
5. Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho nibhale isandi emoyeni.
6. Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.

7 Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecalani kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
8 Emva koku yalela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.
9 Ekugqibeleni, boniswa abafundi indlela yokubhala isa(za)ndi namagama ebhodini.
10 Abafundi mababhale isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
11 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esitsha esifundiweyo kuwo onke amagama nezivakalisi abazibhalileyo.

## Ukucalula nokuhlanganisa: ngoLwesiNe

***Injongo:*** *Ukufundisa uphuhlisa gca, nangokulandelayo inkqubo eqingqiweyo yokucalula nokuhlanganisa amalungu egama, ukuze bakwazi ukufunda nokubhala ngokuzimeleyo. Ukuphuhlisa ukuqiqa nokufunda amalungu egama ngokuzenzekelayo.*

### Ndiyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cela**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/c/ – /e/ – /l/ – /a/**
4 **Biza isandi sokuqala /c/**
5 **Biza isandi esilandelayo /e/**
6 **Isandi esilandelayo /l/**
7 **Biza isandi sokugqibela /a/**
8 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: cela**
9 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise izandi ukwenza igama /c/ – /e/ – /l/ – /a/**
10 **Okulandelayo, biza ilungu lokuqala legama /ce/**
11 **Biza ilungu lesibini le gama /la/**
12 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganisa amalungu egama ukwenza eligama /ce/ – /la**
13 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu

### Siyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cika**
3 **Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweli gama? /c/**
4 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesibini kweli gama? /i/**
5 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesithathu kweli gama?/k/**
6 **Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela kweli gama? /a/**
7 **Bhala igama elipheleleyo: cika**
8 **Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe /c/ – /i/ – /k/ – /a/=cika**

9 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /ci/**
10 **Biza ilungu lesibini legama /ka/**
11 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /ci/ – /ka**
12 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu

## Ukukhangela amagama: ngoLwesiHlanu

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba. Ukunika abafundi ithuba lokuziqhelisa isakhono sokuhlanganisanokwakha amagama. Ukwandisa isakhono sokubona izandi ngokuzenzekelayo.*

Bhala ebhodini le theyibhuli inezandi ezifundiweyo, eziquka izandi ozifundisileyo ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **c** | **m** | **p** |
| **k** | **d** | **a** |
| **l** | **e** | **i** |

### Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo /c/** no **/m/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 **Bonisa abafundi ukwakha igama usebenzisa isandi ekujoliswe kuso njengo /c/ – /i/ – /m/ – /a/**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini akunyanzelekanga ukuba basebenzise u – **/c/** no **/m/**
6 **Bonisa abafundi ukwakha elinye igama /p/ – /e/ – /l/ – /a/ = pela**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo – **cima** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **pela**

### Abafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **c, m**
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako.
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo. Babonise indlela yokwakha la magama namanye: **cela, coca, cika, dela, dada, lala, mama, idama, imela, icici**

## Ukuqiqa nokuva izandi zopelo/ izandi/ ukubhala ngesandla

**Ibanga 2&3 (emva kokuphela kwenkqubo yezandi)**

Ukuva nokwahlula izandi zopelo nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo

### IBANGA 2: IKOTA 3–4

#### UKUBHALA NGESANDLA

#### Ukuguqula/ ukutshintsha amagama: NgoMvulo

***Injongo**: Ukulungisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa ngokwakho. Ukunceda abafundi babone apho amagama okanye izivakalisi zitshintsha khona ze zitshintshe nentsingiselo yamagama.*

***Qaphela**: Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala ngokuqhelekileyo baze bathi xa bekwazi ukudibanise bayalelwe ukubhala NGOKUDIBANISA ngokupheleleyo.*

1. NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga <u>ukubhala ngokudibanisa</u>, ngokuhlalutya bezikhumbuza izandi, namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2. Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala ze babhale umhla.
3. *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4. Bhala isivakalisi osinikiweyo kwisicwangciso sesifundo/seklasi ebhodini ecaleni kwenani ngolu hlobo:
   - Ndifuna incwadi**.**
5. Yalela bafundi bakhuphele esi sivakalisi ezincwadini zabo.
6. Okulandelayo, yalela abafundi ukuba babhale isivumelanisi sesimelabizo soqobo ecaleni kwenani
   - U
   - Ni
   - Si
   - Ba
7. Yalela abafundi babhale izivakalisi besebenzisa isivumelanisi sesimelabizo soqobo
8. Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
9. Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala.
10. Ekupheleni kwesifundo, bhala iimpendulo nguchanekileyo ebhodini, ubiza izandi ucacisa nendlela eyiyo yenkqubo yokubhala ngokudibanisa.
11. Cela abafundi bakhombe apho babona khona ipatheni, njengalapho isivakalisi sitshintsha khona.

12 Krwela umgca phantsi kwepatheni ngolu hlobo:
- Ufuna incwadi.
- Nifuna incwadi.
- Sifuna incwadi.
- Bafuna incwadi.

13 Yalela abafundi bathathe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
14 Xelela abafundi ukuba batsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundindise apha evekini.
15 Ekupheleni kosuku qokelela iincwadi zabafundi, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye abafundi banokuba batsala nzima kwizandi, ngelixa abanye ikukubhala ngokudibanisa.

## IBANGA 3: IIKOTA 1–2

### UKUBHALA NGESANDLA

### Isinye usisa kwisininzi: NgeMivulo

***Injongo**: Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda ngokunceda abafundi babone bakwazi nokulindela iphatheni zotshintsho kwigama ngenxa yesivumelanisi segama.*

***Qaphela**: Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba ngokuqhelekileyo, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa bayalele bawugqibezele lo msebenzi bebhala ngokudibanisa.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ngezandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo
2 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko ‘Amagama esiNye usiya kwisiNinzi’
3 *Yalela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
5 Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala
6 Bizela amagama anesinye, abafundi bawabhale ecaleni kwamanani ngolu hlobo,
**Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**
- ikati
- inkwenkwe
- imoto
- impukane
- umntwana

7 Okulandelayo, yalela abafundi babhale isininzi sala magama.

8 Kwimizuzu emihlanu eshiyekileyo yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9 Cela abafundi bakubonise iipatheni abazibonayo umzekelo: apho izivakalisi zahluka khona.
10 Krwela umgca ngaphantsi kwezi patheni ngolu hlobo:
**Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**
1 ikati
iikati
2 Inkwenkwe
amakhwenkwe
3 imoto
iimoto
4 impukane
iimpukane
5 umntwana
abantwana
11 Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala
12 Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo
13 Xelela abafundi ukuba xa betsala nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba othile ngokudibanisa, kufuneka baziphe ixesha bazifundindise apha evekini
14 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye bangatsala nzima ukuqonda izandi ngelixa abanye betsala nzima ukubhala ngokudibanisa!

## IBANGA 3 IIKOTA 3–4

### UKUBHALA NGESANDLA

### IsiNye usisa kwisiNinzi: NgeMivulo

***Injongo***: *Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa izakhono zokufunda ngokunceda abafundi bakwazi ukubona nokulindela iiphatheni zotshintsho kwisivakalisi ngokulawulwa sisivumelanisi sesibizo.*

***Qaphela***: *Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba NGOKUQHELEKILEYO, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa lo msebenzi kufuneka bawubhale wonke NGOKUDIBANISA.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla, abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala ngokudibanisa behlaziya amagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo
2 Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko
**IsiNye usisa kwisiNinzi**

3. *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4. Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakhumbula na ukubhala amagama abawafundileyo.
5. Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala
6. Bizela izivakalisi ezinesinye kwisicwangciso sesifundo. Abafundi mabazibhale ezi zivakalisi ecaleni kwamanani ngolu hlobo,

   **Izivakalisi ezinesiNye zisiya kwisiNinzi**

   1. Ikati isela ubisi.
   2. Inkwenkwe ikhaba ibhola.
   3. Imoto imile.
   4. Impukane iyabhabha.
   5. Indlu iwile.
7. Okulandelayo, yalela abafundi babhale ezi zivakalisi kwisininzi.
8. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yesifundo, bhala izivakalisi ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9. Cela abafundi bakubonise apho izivakalisi zahluka khona krwela umgca phantsi kwephatheni ngolu hlobo:

   **Izivakalisi zesiNye zisiya kwisiNinzi**

   1. Ikati isela ubisi.
      Iikati zisela ubisi.
   2. Inkwenkwe ikhaba ibhola.
      Amakhwenkwe akhaba ibhola.
   3. Imoto imile.
      Iimoto zimile.
   4. Impukane iyabhabha.
      Iimpukane ziyabhabha.
   5. Indlu iwile.
      Izindlu ziwile.
10. Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala.
11. Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
12. Xelela abafundi ukuba batsale nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundise apha evekini.
13. Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo kwizandi nokubhala ngokudibanisa.

## IZANDI

### Ukuhlalutya izandi ngokuzihlahlela nokuzihlanganisa: NgolwesiBini nangolwesiThathu

***Injongo:*** *Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo ukuqonda izandi zopelo kwabafundi, nokuba nako ukuhlanganisa babuye bacazulule izandi zopelo namalungu amagama, ukuze bafunde bekwabhala ngokuzimeleyo. Ukwandisa ukuqonda izandi zopelo namalungu amagama ngokuzenzekelayo.*

**Ndiyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini
2 **Biza eli gama: Iposi**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/i/-/p/-/o/-/s/-/i/**
4 **Biza isandi sokuqala segama: /i/**
5 **Biza isandi esilandelayo segama: /p/**
6 **Biza isandi sesithathu segama: /o/**
7 **Biza isandi sesine segama: /s/**
8 **Biza isandi sokugqibela segama: /i/**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini**: **iposi**
10 **Yenza umfuziselo wokuzikhomba nokuzihlanganisa izandi ukwenza eli gama = iposi**
11 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /i/**
12 **Okulandelayo, Biza ilungu lesibini legama /po/**
13 **Biza ilungu lesithathu legama /si/**
14 **Yenza umfuziselo wokuwakhomba nokuwahlanganisa amalungu ukwenza eli gama= iposi.**
15 Qhuba ngale migaqo usebenzisa igama olifundise elikwisifundo sangolwesiThathu

**Siyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini.
2 **Biza eli gama: imizi**
3 **Buza abafundi: Sithini isandi sokuqala kweli gama? /i/**
4 **Buza abafundi: Sithini isandi sesibini? /m/**
5 **Buza abafundi: Sithini isandi sesithathu?/i/**
6 **Buza abafundi: Sithini isandi sesine?/z/**
7 **Buza abafundi: Sithini isandi sokugqibela? /i/**
8 **Cela abafundi ukuba bahlahlele igama bakhuphe isandi ngasinye /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/ =imizi**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: imizi**
10 **Yalela abafundi ukuba bahlanganisa izandi ukwenza eli gama kunye nawe: /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/imizi**
11 **Buza abafundi lithini ilungu lokuqala legama? /i/**
12 **Buza abafundi lithini ilungu lesibini le gama? /mi/**

**13** **Buza abafundi lithini ilungu lokugqibela legama? /zi/**
**14** **Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /i/ – /mi/-/zi/**
**15** Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesiThathu

**Uyenza...**

**1** Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale umhla nesihloko: amagama ano-**p**
**2** *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
**3** Bizela amalungu egama amahlanu okanye amagama afumaneka kwisicwangciso sesifundo.
**4** Abafundi mababhale la magama ecaleni kwenani elichanekileyo. Mabasebenzise ulwazi lwabo lokuhlahlela nokuhlanganisa amagama.
**5** Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso kwigama ngalinye ukubanceda bapele la magama.
**6** Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini, uze ukrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
**7** Xelela abafundi bakorekishe umsebenzi wabo besebenzisa ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala.
**8** Cacisela abafundi ukuba kwisifundo esilandelayo baza kufunda ukubhala esi sandi NGOKUDIBANISA.

### UKUBHALA NGESANDLA

## Ukubhala izandi ezitsha: NgolwesiBini nangolwesiThathu

***Injongo***: *Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo kwabafundi, babhale ngokuchanekileyo amalungu egama ahambelana nezandi zopelo ezifundisiweyo.*

**1** Fundisa abantwana indlela echanelekileyo yokubhala isandi esifundisiweyo ngokudibanisa.
**2** Bonisa abafundi indlela eyiyo yokubhala unobumba omncinci nomkhulu.
**3** Yenza umfuziselo ubhala isandi ebhodini – Cacisa indlela eyiyo yokubhala esi sandi ngonobumba njengoko ubhala.
**4** Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
**5** Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
**6** Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho njengoko ubhala isa(za)ndi emoyeni.
**7** Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.
**8** Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecalani kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
**9** Emva koku, xelela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.

10 Ekugqibeleni, bonisa abafundi kwakhona kube kanye indlela yokubhala esi sa(za)ndi namagama ebhodini.
11 Abafundi mababhale isandi/amagama/nesivakalisi ezincwadini zabo.
12 Xa usenza umfuziselo wamagama, gxininisa indlela oonobumba abaqhoboshelana okanye abadibana ngayo omnye komnye.
13 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi kuwo nawaphi amagama/izivakalisi ezibhaliweyo.

## IZANDI

### Ukutshintsha oonobumba: ngolwesiNe

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda, ngokubanceda bafundi bagqale ze babone utshintsho lwesandi esinye esibangela ukutshintsha kwentsingiselo yegama.*

#### Ndiyenza ...

1 Cacisa ukuba namhlanje siza kufunda silolonge isakhono sokuqwalasela umahluko omncinane emagameni. Esi sakhono sisinceda sibe ngabafundi nabhali abangcono.
2 Bhala ebhodini amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: bila, sila
3 Cacisa ukuba siza kujonga la magama mabini sikhangele umahluko phakathi kwawo.
4 Yenza umfuziselo ukhangelela abafundi umahluko kula magama **bila**, **sila**
5 Cacisa ukuba umahluko kwizandi, izandi u – **/b/** no /**s**/ zivakala ngokwahlukileyo kodwa zonke ezinye izandi ziyafana!

#### Siyenza ...

**Isiqendu 1**
1 Bhala amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: **sela, sala**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi abemnye akrwele umgca apho abona khona umahluko kula magama**:** **sela, sala**
4 Cacisa umahluko kula magama mabini

**Isiqendu 2**
1 Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **bila**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
3 Bhala iimpendulo zabafundi ebhodini ngolu hlobo: mila, lila; bela, bala

**Uyenza …**
1 Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **mila**

2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
3 Yalela abafundi ukuba bakhe amagama amaninzi kangangoko betshintsha isandi esinye egameni.
4 Ekupheleni kwesifundo, biza abafundi babe kunye.
5 Biza abafundi abohlukeneyo ukuba baye ebhodini babhale amagama abo
6 Funda amagama abo ubonise apho kutshitshwe khona izandi: **bila, lila, mela, sila**

**IZANDI**

## Ukukhangela amagama: ngolwesiHlanu

***Injongo**: Ukunika abafundi ithuba lokuhlanagasa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa nokulolonga isakhono sokucalula/ ukuhlahlela nokuhlanganisa amagama namalungu egama ngokuzenzekelayo.*

Bhala le theyibhuli ebhodini. Iquka izandi ezifundiweyo kunye nezifundisiweyo kunye ngolwesiBini nangolwesiThathu, ikwaquka nezinye izimaphambili.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ph** | **u-** | **p** | **ama-** |
| **th** | **b** | **a** | **isi-** |
| **l** | **e** | **m** | **izi-** |

## Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo ph/** no **/th/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezikwitshati ebhalwe ebhodini
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso: **/th/** – **/e/** – **/th/**-**/a/** = **thetha**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi kwizandi ezisebhodini, akunyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/th/ okanye /ph/**.
6 Bonisa abafundi indlela yokwakha elinye igama **/u/** – **/m/** – **/a/** – **/m/** – **/a/** = **umama**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa izandi ekujoliswe kuzo, njengo **thetha** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **umama**

## Ahafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **ph, th**.
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako

**4** Nika abafundi ithuba lokukrekisha umsebenzi wabo. Babonise indlela yokwakha la magama (namanye): **phuma, thuma, isithuba, izithuba, amathuba, thetha, amaphupha, thatha, zethu, lethu, latha, pam, izibele, ibele, mela, lala, lam, amaphela, phupha**

## Ukufunda notitshala okuneendlela zobuchule zokufundela ukuqonda

Ibali lokufunda notitshala elitsha lifundwa ngeveki nganye.

Ukufunda notitshala kwenziwa ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| NgoMvulo: | Phambi kokufunda |
| NgolwesiBini: | Ufundo lokuqala |
| NgolwesiNe: | Ufundo lwesibini |
| NgolwesiHlanu: | Emva kokufunda |

Kwezi seshoni zokufunda notitshala, qinisekisa ukuba bonke abafundi bahleli phantsi bazolile kwaye bayibona ngokucacileyo imifanekiso yencwadi enkulu. Bakhumbuze abafundi ngokulindeleyo ngexesha lokufunda notitshala, okufana noku:

- Hlala kakuhle UZOLE
- Beka IZANDLA zakho phezu kwamathanga akho
- Gcina AMEHLO akho neengcinga zakho ebalini
- AMAZWI enu athi cwaka (yenza isijekulo esibonisa imilebe eqhotyoshiweyo)

***Imigomo engundoqo yokuFunda noTitshala kule nkqubo ime ngolu hlobo:***

**1** *Abafundi baxhamla indlela ekuyiyo ukufunda ibali elipheleleyo elinobugocigoci kunokuba bebenokuzifundela bebodwa. Kuba ngoku bengenaxhala ngenkqubo yokufunda, bamilisela iingqondo kwisimo sebali kunye nabalinganiswa. Abafundi kwakhona banokonwabela amabali baze baphuhlise uthando lokufunda.*

**2** *Njengoko utitshala efunda ibali ekhwaza, uthi engaqondanga enze umfuziselo wezakhono ezithile zokufunda; ufunda ukusuka kwiphepha lokuqala aye kuma kwelokugqibela; ufunda ukusuka phezulu ephepheni aye kuma ezantsi kulo; ufunda ukusuka ekhohlo ukuya ekunene; uyaziqaphela iimpawu zokubhala neziphumlisi, ufunda ngokutyibilikayo ngesantya esifanelekileyo, kwaye ufunda ebonakalisa imvakalelo, ethi yongeze intsingiselo kwitekisi. Abafundi bathi bengaqondanga bafunde izakhono ezininzi ngokuqwalasela lowo ufunda ngokutyibilikayo.*

**3** *Njengoko utitshala efunda, umilisela intsingiselo ngoku: ukukhomba indawo ethile emfanekisweni; ngokusebenzisa isijekulo okanye intshukumo; kunye nokongeza imvakalelo kwilizwi lakhe. Utitshala ukwayongeza ngokukodwa intsingiselo ngokunqumama acacise igama elithile okanye ibinzana. Ngokuphulaphula utitshala nokujonga kuye, abafundi bafumana izakhono ezitsha zolwimi.*

**4** *Ngoko, kubalulekile ukuba ngexesha lokufunda notitshala, utitshala abafundise abafundi ukucinga ngebali elo, nendlela yokwakha ukuqonda kwabo ibali. Kule nkqubo, sikhethe*

*ukwakha izakhono zengqiqo nokuqonda ibali ngokwenza ngokulinganisa sikwafundisa iindlela zobuchule ezahlukeneyo zengqiqo nokuqonda. Kusetyenziswa ezi zakhono zilandelayo zengqiqo nokuqonda:*

- *Qikelela*
- *Bona umfanekiso-ntekelelo*
- *Khangela kwitekisi*
- *Shwankathela*
- *Cinga ngetekisi (mangala)*
- *Dibanisa okusebalini nokuthe kwehla kuwe*
- *Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini*
- *Yenza uhlolo*

## IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDISA INGQIQO NOKUQONDA

Le theyibhuli ingezantsi inika iinkcukacha ngendlela nganye yobuchule.

| **Indlela yobuchule 1: Qikelela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beqikelela, bachaza oko bacinga ukuba kuza kwenzeka ebalini. Abafundi banokuqikelela into eza kwenzeka ngokujonga imifanekiso encwadini. Banako nokuqikelela okuza kulandela emva kokufunda iphepha letekisi. Okokugqibela, abafundi banokuqikelela indlela abacinga ukuba liza kuphela ngayo ibali. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza abafundi baqikelele, ubenza bacinge ngebali phambi kokuba balifunde. Abafundi basebenzisa ufifi abalunikwayo bazame ukuqashela ukuba ngoobani abalinganiswa, kwaye ziyintoni iziganeko eziphambili eziya kwenzeka. Ngokuqikelela, abafundi baphuhlisa isakhono sabo sengqiqo yokuqonda ngokucinga ngebali.* |
| Amanqwanqwa<br>*(okuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Jonga umfanekiso.<br>**2** Buza abafundi: Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula, nika impendulo engumzekelo kwimpendulo.<br>**5** Bonisa ukuba iqhoboshelana njani imifanekiso omnye komnye ukwakha ibali. |
| Imizekelo<br>*(yokuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**2** Ucinga ukuba uziva njani lo mlinganiswa? Kuba kutheni?<br>**3** Ucinga ukuba uza kubona ntoni kumfanekiso olandelayo? |
| Amanqwanqwa<br>*(okuqikelela unayo itekisi)* | **1** Funda iphepha letekisi.<br>**2** Buza abafundi: ucinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula umbuzo, banike impendulo yombuzo engumzekelo. |
| Imizekelo<br>*(yokuqikelela unayo itekisi)* | **1** Yintoni ocinga ukuba iza kulandela yenzeke?<br>**2** Ucinga ukuba lo mlinganiswa ulandelisa ngokwenzani?<br>**3** Ucinga ukuba eli bali liphela njani? |

| **Indlela yobuchule 2: Yenza umfanekiso-ntekelelo** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi besenza umfanekiso-ntekelelo, kufuneka bacinge ngokuqhubeka ebalini njengomboniso okumboniso-bhanyabhanya. Kufuneka bazame ukulibona ibali ezingqondweni zabo njengoko lisenzeka. |
| *Imigomo* | *Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kunceda ukunikeza intsingiselo kumagama asephepheni ngokuwaguqula abe ngumboniso okumboniso-bhanyabhanya kwiingqondo zabafundi. Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kukwanceda abafundi babone ukuba iziganeko ezikwitekisi ziqhoboshelene njani, esinye kwesinye. Oku kubanceda ekwakheni ukuqonda, bacinge ngebali njengento enye, kunokucinga ngephepha nephepha ngokwahlukeneyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi ekwiphepha.<br>**2** Yithi: Ngoku siza kwenza umfanekiso-ntekelelo ngebali ngokungathi sibukele umboniso-bhanyabhanya.<br>**3** Yalela abafundi bavale amehlo abo. Bacacisele ukuba mabaphulaphule amagama ze benze umboniso-bhanyabhanya ezingqondweni zabo.<br>**4** Funda itekisi kwakhona.<br>**5** Baxelele abafundi ukuba wenze umfanekiso-ntekelelo wantoni. (Yenza umfuziselo wesi sakhono.)<br>**6** Babuze abafundi: Nibone ntoni? (Kwenzeke ntoni kumboniso-bhanyabhanya wenu?)<br>**7** Mamela ze uxoxe ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi zingqamene nokwenzeka ebalini. |
| Imizekelo | **1** Ndenza umfanekiso-ntekelelo kaJoe ephumelela ugqatso. Ndiwubonile umbilo uqengqeleka entlokweni yakhe ubhabha macala onke. Ndiwabonile amehlo akhe emiliselwe entanjeni esiphelweni, nomzimba wakhe usebenza nzima kangangoko unako.<br>**2** Uthini owakho umfanekiso-ntekelelo? Kwenzeke ntoni kowakho umboniso-bhanyabhanya? |

| **Indlela yobuchule 3: Khangela kwitekisi** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Imibuzo yokukhangela kwitekisi yeyona iluhlobo olusisiseko kwimibuzo yengqiqo nokuqonda. Le mibuzo ibuza abafundi ukuba bacinge ngento okanye bajonge amagama akwiphepha, ze bakhumbule ulwazi oluthile. |
| *Umgomo* | *Le mibuzo isisiseko sokujonga ukuqonda amagama asephepheni. Le ndlela yobuchule ibonisa abafundi indlela yokuchonga nokukhangela igama-ntloko eliya kubanceda baphendule le mibuzo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ngolwazi olukwitekisi, njengolu: Ebefuna ukogqitha bani uJoe kolu gqatso?<br>**3** Bavumele abafundi baphendule umbuzo.<br>**4** QAPHELA: Bancede abafundi bafumane iimpendulo ngokuchonga igama-ntloko eliluncedo, ze bakhangele kwitekisi elo gama. Amaxesha amaninzi oku kungabakhokhelela kwimpendulo. |
| Imizekelo | **1** Wayefuna ukogqitha **bani** uJoe elugqatsweni?<br>**2** Wenza ntoni uJoe phambi kogqatso?<br>**3** Wazilolonga **nini** uJoe ukulungiselela ugqatso?<br>**4** Lwalubanjelwe **phi** ugqatso? |

| **Indlela yobuchule 4: Shwankathela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beshwankathela, bacinga ngokwenzeke ebalini. Banako nokucinga ngezinye izinto, ezinjengezi: oko bakuthandileyo ngebali; noko bathe bakufunda ebalini. |
| *Umgomo* | *Ukushwankathela kubonisa ukuba umfundi uliqondile waza wacinga ngalo ibali. Ukucela abafundi ukuba bashwankathele ibali yeyona ndlela ingcono yokujonga ukuqonda kwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi.<br>**2** Khumbuza abafundi: Xa sishwankathela, sicinga ngawona macandelo abalulekileyo ebalini. Sinako nokucinga ngoko sithe sakuthanda ngebali, noko sithe sakufunda ebalini.<br>**3** Nika abafundi umzuzu bacinge ngebali.<br>**4** Bayalele abafundi baguquke bajongane bathethe ze babelane neqabane ngezishwankathelo zabo.<br>**5** Ekugqibeleni, ungabacela ukuba babhale phantsi izishwankathelo zabo, besebenzisa isakhelo ukubanceda. |
| Imizekelo | Ibali: UJoe uphumelela ugqatso<br>Abafundi banokulishwankathela ibali ngolu hlobo:<br>**Eli bali linge**nkwenkwe egama linguJoe efuna ukodlula eyona nkwenkwe inamendu esikolweni, uSizwe kugqatso lweembaleki. UJoe uziqhelisa ngokuzilolonga lonke ixesha, aze ekugqibeleni amodlule uSizwe.<br>**Ndiyithandile** le ndawo apho uJoe aqhawula intambo ekupheleni kogqatso – ibisenza imincili kakhulu.<br>**Ndifunde ukuba** xa uzama ngamandla unganikezeli ungaphumelela. |

| **Indlela yobuchule 5: Cinga ngetekisi (Mangala)** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa utitshala (emangele) ecinga ukuba ingaba kutheni, utitshala ucingela ngaphandle ngetekisi. Wenzela ukuba abafundi beve oko akucingayo ngetekisi. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza umfuziselo wendlela yokucinga/ukumangala ngetekisi, sifundisa abafundi izinto ezimbini. Okokuqala, sifundisa abafundi ukuba abantu abafunda kakuhle abafundi nje amagama kuphela, basoloko becinga ngoko bakufundayo. Okwesibini, sibonisa abafundi iindidi zeengcinga abathi babe nazo ngetekisi abantu abafunda kakuhle. Ngokwenza oku, sibonisa abafundi indlela yokucinga ngetekisi, enobugcisa nechubekileyo. Ethubeni, abafundi baya kuqalisa nabo ukuzenzela oko.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Cinga ngombuzo okanye uluvo anokuba nalo umntu ofunda ngokutyibilikayo ngetekisi. (Izimvo zinikiwe kwiibloko zoFundo lokuQala noFundo lesiBini kwizicwangciso zesifundo.)<br>**3** Yithi: Ndibona/ndiqaphela …<br>**4** Yithi: Ndiyamangala …?<br>**5** Abafundi abanyanzelekanga ukuphendula umbuzo. |
| Umzekelo | **Ndibona** ukuba uSizwe wamhleka uJoe xa engenela ugqatso. **Ndiyamangala** ingaba oku kuyakumkhathaza na uJoe? |

| **Indlela yobuchule 6: Dibanisa okusebalini nokwakhe kwakwehlela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi *bedibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela,* bathelekisa ibali kunye nobomi babo (kusuka kwitekisi kuye kwisiqu sakhe umntu), okanye kwenye itekisi (itekisi ukuya kwitekisi), okanye kwenye into ekwihlabathi jikelele (itekisi ukuya kwihlabathi jikelele). |
| *Umgomo* | *Ukudibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela kunceda abafundi bayiqonde nzulu itekisi ngokuyidibanisa kwezinye izinto abasele bezazi, okanye ezakhe zabebhlela. Kubabonisa ukuba banako ukwenza iindidi ezahlukeneyo zokudibanisa: itekisi kwenye itekisi; itekisi kuwe buqu; kubomi babo; netekisi kwihlabathi lilonke – kolunye ulwazi abasele benalo ngehlabathi.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo, ofana nalo: Kwakunini apho wawukhe wafuna ukuphumelela into njengoJoe?<br>**3** Yenza umfuziselo ukunika impendulo engumzekelo, ngolu hlobo: indikhumbuze indlela endandisoloko ndikhuphisana ngayo kunye nodade wethu esikolweni. Wayesoloko efumana amanqaku aphezulu kwinto yonke, kwaye abazali bam babezidla ngaye. Ndandifuna ukwenza abazali bam bazidle nangam. |
| Imizekelo | **1** Kukukhumbuza njani oku ngobomi bakho?<br>**2** Ndixelele ngexesha apho kwathi kwenzeka into efana nale kuwe.<br>**3** Ukuba ubunguJoe, ucinga ukuba ubuya kwenza ntoni xa uSizwe ekuhleka?<br>**4** Ucinga ukuba waziva njani uSizwe akodlulwa nguJoe?<br>**5** Ingaba oku kukukhumbuza ngowuphi omnye umlinganiswa? |
| **Indlela yobuchule 7: Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini** | |
| Ingcaciso | Ukubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini kuquka ukusebenzisa oko sele ukwazi, kudibane noko uthe wakufunda ukuze uqashele kakuhle ngento ekhoyo ebalini. Oku ke 'kukuyifunda ivaliwe'. Xa abafundi bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, baqashela kakuhle ngento ekwibali. Ngamanye amaxesha, umbhali akazibhali zonke iinkcukacha zebali. Uthi ke umbhali aziyeke ezinye iindawo zingagqitywanga, ukuze abo bafundayo bazigqibele ngokwabo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kufuneka bazigqibele ngokwabo ezinye iindawo zebali bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini – kufuneka bafunde 'ukuyifunda ivaliwe'. Ukuze benze oku, kufuneka basebenzise oko kubhaliweyo, kunye noko sele bekwazi ukuze bazame ukugqiba ngoko kungathanga kwabhalwa ngokugqibeleleyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi: nazi ntoni ngoku? Ithini itekisi?<br>**3** Buza abafundi: yintoni enye esinokuyiqashela ngoku? Ingaba ikhona into engaxelwayo yitekisi?<br>**4** Buza abafundi: yintoni esinokubonisa ngayo ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, ngoJoe kwindlela athe gqolo waziqhelisa ezilolonga ngayo?<br>**5** Mamela ze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi ziyavakala.<br>**6** Ukuba abafundi batsala nzima, banike umzekelo wokubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini. Sebenzisa esi sakhelo sesivakalisi ukunceda: Xa sithathela kwi … ndicinga ukuba … |

| | |
|---|---|
| Umzekelo | **Itekisi:**<br>Umntakwethu wenze isicelo sokuya eDyunivesithi. Ndifike ekhaya ndambona ephethe ileta encumile. Umama ebekhala, ehleka emgona.<br>**Ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini:**<br>Xa sithathela kwinto yokuba umntakwethu enze isicelo sokuya eDyunivesiti, nokuba ephethe ileta abonakala echwayitile, sinako ukuqashela sithi isicelo sakhe sibe yimpumelelo. |
| **Indlela yobuchule 8: Ukwenza uHlolo** | |
| Ingcaciso | Xa sihlola itekisi, siyigweba ngokomba wetekisi leyo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kunyanzelekile bafundiswe ukuba kufuneka besoloko bekuhlola oko bakufundayo, ukuze bakwazi ukuxhasa okanye bangqine iziphumo zohlolo lwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ohlolayo, uze ubacele baxhase impendulo yabo. Umzekelo: Ucinga ukuba u – x wenze into efanelekileyo? Ngoba okanye hayi ngoba?<br>**3** Mamela uze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabo ziyavakala.<br>**4** Ukuba batsala nzima abafundi, yabelana nabo ngolwakho uhlolo njengomzekelo: **Ndicinga ukuba** u – x wenze into elungileyo **kuba** u – x |
| Umzekelo | **Eminye imibuzo yohlolo iqala ngo:**<br>**1** Ingaba ucinga...<br>**2** Ingaba uyavumelana no...<br>**3** Ngokubona kwakho...<br>**4** Uyithandile... |

Ngezantsi yinkcazelo yeendlela zokufundisa ezibandakanya konke, ngesifundo ngasinye sokuFunda noTitshala: Phambi kokufunda; UFundo lokuQala; UFundo lwesiBini; kunye naseMva kokuFunda. Funda ezi nkcazelo ukuze ufumane ukuqonda ngokucacileyo ukutyibilika kwesifundo ngasinye.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: PHAMBI KOKUFUNDA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

Phambi kokuFunda, sakha izakhono zengqiqo nokuqonda ngokwenza abafundi bacinge ngebali phambi kokuba lifundwe.

**1** Baxelele abafundi ukuba namhlanje baza kujonga imifanekiso esebalini, baze bacinge ngebali.

**2** Baxelele abafundi ukuba, ukuthathela koko bakubonayo, baza kwenza uqikelelo ngebali. Oku kuthetha ukuba baza kusebenzisa imifanekiso bazame ukuqashela ukuba lingantoni ibali.

**3** Cacisela abafundi ukuba bangacingi ngomfanekiso ngamnye uwodwa. Mabacinge ukuba izalana njani imifanekiso omnye nomnye. Kufuneka ukuba badibanise yonke imifanekiso omnye nomnye bazame ukuqonda ukuba lingantoni ibali xa liphelele.
**4** Babonise abafundi uqweqwe lwebali uze ufunde isihloko ukhwaze.
**5** Babuze abafundi: Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni kweli bali?
**6** Okulandelayo, jonga umfanekiso ngamnye ebalini, uze uthi njengoko ujonga ubuze abafundi:
  **a** Nibona ntoni kulo mfanekiso?
  **b** Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
  **c** Nicinga ukuba yintoni elandelayo enokwenzeka?
**7** Ukuba abafundi bayalibala ukudibanisa imifanekiso eyahlukeneyo, bathundeze ukuba benze oko. Umzekelo: 'Nisakhumbula ukuba le nkwenkwe ibisenza ntoni kumfanekiso wokugqibela? Yenza ntoni ngoku? Nicinga ukuba kwenzeka ntoni?'
**8** Xa ufika kumfanekiso wokugqibela, buza abafundi: Nicinga ukuba liza kuphela njani eli bali (ukuba lichanekile)?
**9** Babulele abafundi ngokuqikelela kwabo.
**10** Ukuba unexesha, funda ibali lonke kube kanye ungakhange ume.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LOKUQALA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: INDLELA YOBUCHULE EMELE UKUSETYENZISWA ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

KuFundo lokuQala, siqala sakhe izakhono zengqiqo nokuqonda ngokufunda ze ucacise ibali kubafundi. Senza nomfuziselo wendlela ekucingwa ngayo ngebali. Phambi kokufunda, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha into efana nale: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Nikhumbule, qho xa sifunda okanye simamela ibali, kubalulekile ukusoloko sicinga ngebali. Namhlanje ndiza kunibonisa ukuba mna, ndicinga njani ngebali. Oku ndiza kukwenza (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kuzenzela umfanekiso-bhanyabhanya webali engqondweni yam.'*

**1** Funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda sebenzisa izijekulo, iintshukumo nembonakalo yobuso, uze utshintshe imvakalo-zwi yelizwi lakho uqaqambisa intsingiselo.
**2** Apho kufanelekileyo yima, uze ucacisele abafundi igama okanye ibinzana.
**3** Ngaxeshanye, ngexesha loFundo lokuQala, sikwamilisela iingqondo ekwenzeni umfuziselo nokufundisa abafundi indlela yobuchule yengqiqo nokuqonda.
**4** Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala kunye noFundo lwesiBini.
**5** Xa ugqibile ukufundela abafundi iphepha elo, nqumama uze ubonakalise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuseblokweni. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – ukuba ayivakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.

6 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala neyoFundo lwesiBini.
7 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
8 Babonise abafundi ukuba kungakho iimpendulo ezingaphaya kwenye ezichanekileyo xa kuphendulwa umbuzo, kwaye abafundi banokuba neembono ezahlukileyo.

### UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LWESIBINI

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: LE NDLELA YOBUCHULE KUFUNEKA ISETYENZISIWE ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

Kufundo lwesiBini, siyaqhuba ngokwakha izakhona zengqiqo nokuqonda ngokufundela abafundi ibali, nokwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kwakhona, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha okufana noku: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Khumbulani, qho xa nifunda okanye niphulaphule ibali, kubalulekile ukusoloko nicinga ngebali. Namhlanje, ndiza kunibonisa ukuba ndicinga njani ngebali. Ndiza kukwenza oku (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kwenza umboniso-bhanyabhanya webali engqondweni.*

1 Okulandelayo, funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda, sebenzisa izijekulo, iintshukumo, inkangeleko yobuso, uze utshintshe nemvaka-lozwi ukuqaqambisa intsingiselo.
2 Ngaxeshanye, ngoFundo lwesiBini, uyakwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali.
3 Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala noFundo lwesiBini.
4 Xa ugqibile ukubafundele eli phepha abafundi, nqumama ubonise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuphakathi kwibloko yoFundo lwesiBini. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – xa ingavakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.
5 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala nolwesiBini.
6 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
7 Okokugqibela, cela abafundi baqulunqe umbuzo ngetekisi.
   a Cela abafundi umntu azimele acinge ngombuzo anokuwubuza ngetekisi.
   b Ukuba kuyimfuneko, bakhumbuze abafundi ngamagama athile okanye amabinzana emibuzo, umzekelo: ngubani; yintoni; kwakunini; phi; njani; kwakutheni; ngokweembono zakho; ucinga ukuba; dwelisa; njl, njl.
   c Xelela abafundi baguquke ze bathethe, babelane ngemibuzo yabo.
   d Emva koko, cela abafundi abambalwa babelane neklasi ngemibuzo yabo.
   e Nika abanye abafundi ithuba lokuphendula le mibuzo.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: EMVA KOKUFUNDA

Injongo yomsebenzi waseMva kokuFunda kukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa ukuqonda kwabo ibali nokuziqhelisa ukusebenzisa ulwimi olutsha abalufundlileyo.

**Emva kokufunda, uya kwenza omnye kwimisebenzi emine:**

1 Zoba itekisi
2 Linganisa ibali
3 Balisa kwakho ngomlomo okanye ngokubhala iindawo ezithile ebalini
4 Ingqiqo nokuqonda okubhalwayo

### ZOBA ITEKISI

1 Hlalisa abafundi kwiidesika zabo, beneencwadi zabo zokubhala okanye iphepha elingabhalwanga, ipensile kunye neekrayoni.
2 Xelela abafundi ukuba baza kuzenzela umfanekiso-ntekelelo ngento ethile kwitekisi. Bakhumbuze ukuba xa besenza umfanekiso-ntekelelo ngento ethile, bacinga ngokuba ikhangeleka injani, inuka njani, ivakala njani xa uyibamba, kwaye isandi sayo sinjani. Mabenze nomfanekiso-ntekelelo wendlela abaziva ngayo ngomlinganiswa, isiganeko okanye into ekwitekisi.
3 Bacele abafundi bavale amehlo ze baphole. Bafundele itekisi kwakho kube kanye.
4 Emva koko, bacele bawavule amehlo, ze bazobe oko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako kuvela kwitekisi. Abafundi banokongeza iimpawu bacacise ivumba, incasa, njl, njl.
5 Emva koko abafundi mabasebenzise isi/ziqali-sivakalisi babhale isivakalisi nokuba zibini ngoko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako.
6 Okokugqibela, bavumele baguquke ze bathethe, babelane ngemifanekiso-ntekelelo yabo neqabane.

### LINGANISA IBALI

1 Hlalisa abafundi kwimethi okanye indawo ethe cwaka phandle.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje baza kulinganisa iindawo ezithile zebali abalifundileyo.
3 Bambela phezulu incwadi enkulu. Funda iphepha lokuqala.
4 Nika abafundi imiyalelo yento ekufuneka bayilinganise. (ekwisicwangciso sesifundo)
5 Linganisa imiyalelo kunye nabafundi.
6 Phinda kwiphepha ngalinye.
7 Baqeqeshe abafundi ukuba kwakubonisswa ngophawu ukuba mabathi cwaka baphulaphule mabenze njalo, njengoko ufunda iphepha usenza neentshukumo.


### UKUBALISWA KWAKHONA OKANYE UKUBHALWA KWEENDAWO EZITHILE ZEBALI

1 Hlalisa abafundi bazole ukuze bamilisele iingqondo kuwe.
2 Landela amanqwanqwa kwisicwangciso sesifundo ukubalisa kwakhona indawo ethile kwibali kunye nabafundi.

3 Okokuqala, uza kwenza umfuziselo wokubalisa ukhumbula into esebalini.
4 Okulandelayo, uza kubaxelela abafundi ukuba bacinge ngento ethile ebalini – mabangalinganisi umzekelo wakho.
5 Baza kuthi ke ngoku abafundi BAGUQUKE ZE BATHETHE babelane bebalisa kwakhona kunye neqabane.
6 Okokugqibela, uya kubiza babe mbalwa beze kwabelana neklasi babalise kwakhona.
7 Ukuba isifundo sesokubalisa ngokubhala, abafundi baya kuzoba/ babhale ibali kwakho ezincwadini zabo zomsebenzi.

### OKUBHALWAYO KWENGQIQO NOKUQONDA

1 Phambi kwesifundo, bhala isihloko setekisi njengesihloko ebhodini.
2 Emva koko bhala imibuzo yengqiqo nokuqonda ebhodini, kunye neziqali-zivakalisi zeempendulo. (Apho kufanelekileyo.)
3 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala baze babhale isihloko.
4 Baxelele abafundi ukuba namhlanje, baza kucinga ze babhale iimpendulo zale mibuzo.
5 Funda imibuzo nabafundi, uze ucacise xa kuyimfuneko.
6 Baxelele abafundi banokungayibhali phantsi imibuzo, mababhale iimpendulo kuphela.
7 Hamba hamba ujikeleze uze uncede abafundi abatsala nzima.
8 Kwimizuzu emibini yokugqibela, phendula imibuzo kunye nabafundi, bavumele bakorekishe imisebenzi yabo.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala

***Injongo:*** *Ukuphulaphula nokunika umfundi ngamnye ithuba lokuzifundela ngaphandle, nokuphuhlisa gca izakhono zokufunda ngengqiqo nokuqonda. Ukunika abanye abafundi eklasini ithuba lokuziqhelisa ukufunda izandi, amagama avela kakhulu kwitekisi, amagama afundeka lula ngokuhlahlela, nokudibanise izandi namalungu egama, phambi kokubhala umsetyenzana ohlola ukuqonda nengqiqo.*

Kubalulekile ukuba umamele umfundi ngamnye ezifundela nokuba kukanye ngeveki

### EKUFUNEKA UKWENZE NABANYE BAFUNDI EKLASINI

1 Phambi kokuqala kwesifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, qiniseka ukuba abanye abafundi apha eklasini baneencwadi zabo zokubhala kunye nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele
2 Qiniseka ukuba iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele likhuselekile ngokulifaka kwifayili okanye isingxotyana seplastiki.
3 Qeqesha abantwana ngemigaqo emayilandelwe xa ilithuba lokufunda ngamaqela notitshala
   a Nika bonke abafundi iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele
   b Cacisela abafundi ukuba umsebenzi wokuqala kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.

- **c** Biza iqela lize kukufundela.
- **d** Xa sele umamele umfundi ngamnye kwiqela elo bayalele babuyele kwidesika zabo.
- **e** Yalela abafundi benze umdlalwana wokuphumza ingqondo umzekelo ingonyana okanye umdlalo.
  - *Qaphela: imizuzu engama-30 mininzi abafundi behleli besenza umsebenzi omnye umntu eyedwa. Ngenxa yesi sizathu kubalulekile ukuba ubaphumze ngokwenza umdlwana okanye ingonyana enika umdla.*
- **f** Phinda ubahlalise ubanike nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele.
- **g** Cacisela abafundi ukuba umsebenzi olandelayo kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.
- **h** Biza elinye iqela lize kukufundela.

**4** Bubuchule ukuhlalisa umfundi osilelayo ekufundeni kunye nomfundi okwaziyo ukufunda ukuze bancedisane.

### ISIMO SEPHEPHA LOMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

**1** Iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele linemisetyenzana eli-10 qho ngeveki. Kukho amathuba alishumi evekini okuba utitshala asebenze namaqela. Oko kuthetha ukuba abafundi baza kuyigqiba imisebenzi ngeeseshoni ezil-9.

**2** Imifanekiso ikhumbuza abafundi ngemabakwenze ngexesha lesifundo ngesuku ngalunye.

- **a** Umlomo ubakhumbuza ukuba babize izandi zegama ngalinye.
- **b** Iliso likhumbuza abafundi ukuba bafunde amagama ngokuwabona.
- **c** Umfanekiso onomntwana omnye ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba umntu ngamnye azifundele.
- **d** Abantwana ababini bakhumbuza abafundi ukuba lithuba lokufunda bebabini
- **e** Umfanekiso wesandla esibambe usiba lokubhala ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba bazobe okanye babhale.

**3** Kugcinwa uluhlu oluyintloko olunazo zonke izandi namagama asetyenziswa njalo afundisiweyo. Amabali amatsha akhiwa kusetyenziswa izandi namagama eveki asetyenziswa njalo, nangokuquka izandi namagama asetyenziswa njalo asele efundisiwe. Oku kuthetha ukuba abafundi abahlangani namagama abangazange bawabona kwiphepha labo lomsebenzi.

### UKWAHLULA AMAQELA NOKUKHETHA ITEKISI YOKUFUNDWA KWISIFUNDO SOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTUTSHALA.

**1** Kwiveki ezimbini zokuqala zokuvulwa kwezikolo, mamela umfundi ngamnye efunda eyedwa

**2** Sebenzisa le rubriki ingezantsi ukwahlula abafundi ngokomgangatho wabo wokufunda

**3** Hlela abafundi, ubafake kumaqela, iqela ngalinye libe nabafundi abafunda ngokufanayo/ kumgangatho olinganayo.

**4** Le nkqubo inezifundo ezilishumi ngeveki zokumamela abafundi befunda. Kufuneka uhlele ube namaqela alishumi. Ukuba unamaqela angaphantsi kweshumi ungalisebenzisa eli thuba ukusebenza namaqela atsala nzima ukufunda ukufunda.

**5** Kwitreka yakho uza kufumana ifomu yokubhala amagama abafundi ngokwamaqela abo, kunye netheyibhuli yokubhala itekisi abayafundayo nokujonga inkqubo yabo xa befunda.

**6** **Qaphela**: le rubriki yeyokwahlula abafundi ngokomgamgatho wabo wokufunda

**7** Ukuba kukho abafundi abaliqela abakumgangatho olinganayo wokufunda, banike umsebenzi wengqiqo nokuqonda ukubohlula.

**8** Kwiklasi enabafundi abangama-40 kungakho:

- Akukho qela lipheleleyo kumgangatho 1, ngabafundi abambalwa.
- Iqela elinye kumgangatho 2
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 3
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 4
- Iqela elinye okanye amabini kumgangatho 5

| Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda: kumgangatho 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 5 |
|---|---|---|---|---|
| • Lo mfundi akazi kwagama okanye ufunda amagama ambalwa<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi ezininzi noonobumba. | • Lo mfundi wazi amagama ambalwa aqhelekileyo<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi nonobumba OKANYE lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama nezandi ezitsha | • Lo mfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo.<br>• Lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama angekafundiswa/ amatsha | • Lo umfundi wazi amagama aqhelekileyo amaninzi ukwafunda nesininzi samagama angekafundiswa/ amatsha<br>• Lo mfundi udinga uncedo ngamathuba athile ukufunda amagama angaqhelekanga<br>• Lo mfundi uyakwazi ukufunda amagama amaninzi ngokutyibilika | • Lo umfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo<br>• Lo mfundi ufunda amagama angekafundiswa<br>• Lo mfundi ufunda ngokutyibilika nangokucacileyo.<br>• Ngomnye wabafundi abagqwesileyo ekufundeni eklasini. |

## EMAKWENZIWE NEQELA NGALINYE NGEXESHA LOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA.

1. Biza iqela likufundele
   - a Qinisekisa ukuba banetekisi echanekileyo.
   - b Hlalisa iqela kwisangqa
   - c Khumbuza abafundi amagama abawafunde ngokuwabona kule veki. Bonisa abafundi onotsheluza bala magama baziqhelise ukuwafunda.
   - d Okulandelayo, nika abafundi imizizu embalwa bazifundele indawana yetekisi bethe cwaka.
   - e Nika umfundi ngamnye ithuba lokufundela ngaphandle indawana yetekisi eyedwa.
2. Kwizifundo zokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kubalulekile ukukhumbula ukuba:
   - a **Bonisa abafundi amagama avela nasetyenziswa kakhulu kwitekisi**. Khumbuza abafundi ukuba kukho amagama **e**kufuneka bawafunde ngokuwajonga bawagcine engqondweni.
   - b **Yakha izakhono zokuhlahlela amagama**. Xa umfundi etsala nzima ukufunda igama, ungakhawulezi umnike impendulo mncedise umbonise ukuhlahlela nokuhlanganisa zandi ukuze kuphume igama.
   - c **Ncoma, ukhuthaze abafundi.** Ukufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kufuneka kwenziwe kube sisifundo esinika umdla, esikhuthazayo nesakha ukuzithemba kubafundi.
   - d **Phuhlisa ukufunda ngokutyibilikayo.** Ncedisa abafundi kuphuhle ukufunda ngokutyibilikayo**.** Xelela abafundi ukuba xa ufunda kufuneka kuvakale ngathi uyathetha. Yenza ymfuziselo ufundela abafundi ngokutyibilikayo balandele emva kwakho.
   - e **Yakha ingqigqo nokuqonda ngokufundwayo.** Xelela abafundi ukuba xa befunda kufuneka bacinge ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuba banqumame, baphinde bafundisise xa belahlekelwa ngumxholo wabakufundayo**.** Fundisa abafundi ukuba babe nomfanekiso ngqondweni njengoko befunda – bazakhele umboniso bhanyabhanya ezintlokweni zabo ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuzama bahlale bekhumbula abakufundayo kwaye babuze xa kukho abangakuqondiyo.

## UKUNAKEKELWA/UKUGCINWA KWAMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

1. Licebo elihle ukuwagcina kwifayile okanye kwisingxotyana seplastiki xa abafundi bewasebenzisa.
2. Xa kugqityiwe ukutyenziswa amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, wanekekele, uwagcine kakuhle.
3. Xa uwagcine kakuhle amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, angahlala iminyaka kuba abafundi ababhali kuwo, babhala kwiincwadi zabo zokubhala.

### ENYE INDLELA YOKUFUNDA NGAMAQELA

Khumbula ukuba isizathu sokufunda ngamaqela kukumamela umfundi ngamnye ezifundela eyedwa ukuze bancedwe baphuhlise isakhono sabo sokufunda. Ukuba akukho ndawo yaneleyo kwiklasi yakho yokuhlala nabafundi phantsi nifunde, okanye kuyingxaki ukugcina ucwangco kwiklasi xa ufunda neqela, ikhona enye indlela.

Kwisifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, nika bonke abafundi amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, uze wenze oku kulandelayo:

1. Bacacisele umsebenzi wokuqala abaza kuwenza okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele
2. Wandule, ubize umfundi ngamnye eze kwitafile yakho, afundele ngaphandle
3. Mamela umfundi ngamnye efunda kwitekisi ekumgangatho wakhe
4. Phuhlisa isakhono sabo sokuhlahlela amagama nokufunda ngobugcisa.
5. Emva kwemizuzu eli-15, Yalela abafundi benze umdlalo wokuphumza ingqondo.
6. Phinda uhlalise abafundi baqhubeke nomsebenzi okwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele
7. Bacacisele umsebenzi olandelayo okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele.
8. Qhubeka ubize abafundi ngabanye beze kukufundela kwitafile yakho.

Ukuba ukhetha ukwenza le inkqubo xa usenza isifundo sokufunda ngamaqela, qinisekisa ukuba ufumana ithuba lokumamela umfundi ngamnye kube kanye ngeveki.

## Inkqubo elandelwayo yokubhala

***Injongo:*** *Kukufundisa nokuncedisa abafundi kwinkqubo elandelwayo bebeka iingcinga zabo ephepheni. Nokubonisa abafundi ukuba ukulandela inkqubo kubanika amathuba okutshintsha, becokisa ukuphucula iingcinga zabo. Kunokulindela ukuba bathi beqala ukubhala babhale konke ngokuchanekileyo.'*

Inkqubo yokubhala elandelwayo iquka la manyathelo alandelayo ukucwangcisa, ukuyila, ukuhlela, ukupapasha nokunikweza iindlebe. La manyathelo mane aphuhlisa ubuchule bokubhala, afundiswa abafundi kuwo oomathathu la mabanga kule mfundo esisiSeko.

### CWANGCISA UKUBHALA

1. Le nkqubo iphuhlisa ubuchule bokubhala, ifundisa abafundi indlela yokucwangcisa ukubhala besebenzisa:
   - **a** Uluhlu
   - **b** Imephu yengqondo
2. Phambi kokuba abafundi bacwangcise umsebenzi wabo, kumele wena ubabonise abamele bakwenze ukuze baqiniseke ngokufuneka bekwenzile. Isicwangciso sesiFundo siyakukhokela ukwenza oku.

3 Cacisela abafundi ukuba ngamaxesha onke kumele bakuCINGE kuqala oko baza kubhala ngako. Bonisa ngokuthetha iingcinga zakho ngokuvakalayo.
4 Sebenzisa isakhelo sesicwangciso ukwakha esakho isicwangciso sokubhala.
5 Nika abafundi imizuzu embalwa ukuba bacinge ngoko baza kukubhala.
6 Vumela abafundi baguquke bathethe, besabelana ngeengcinga zabo.
7 Abafundi mabasebenzise isakhelo sokubhala besakha esabo isicwangciso sokubhala bekhokhelwa bekwancedwa nguTitshala

### YILA/CEBA UKUBHALA

1 Phambi kokuba siqale isifundo, bhala kwakhona isicwangciso sokubhala kwisifundo sangoMVULO ebhodini. Bhala isakhelo sokubhala ebhodini.
2 Cacisa, ubabonisa ngendlela abaza kusibenzisa ngayo isicwangciso ukwenza idrafti.
3 Abafundi mabenze konke oku besebenzisa isakhelo sokubhala.
4 Njengokuba bafundi bebhala idrafti zabo, hamba hamba eklasini unika uncedo.

### HLELA UKUBHALA

1 Bhala itshekhilisti yokulungisa umbhalo okwisicwangciso sesiFundo ebhodini.
2 Funda ucacisele abafundi indlela yokusebenzisa le tshekhilisti.
3 Bonisa abafundi indlela ezilungiswa ngayo iimpazamo ezenziweyo.
4 Nika abafundi ithuba lokulungisa iimpazamo zabo besebenzisa itshekhilisti.

### UKUPAPASHA NOKUNIKWEZA INDLEBE

1 Yalela abafundi babhale kwakhona ngokucocekileyo umsebenzi wabo.
2 Nika abafundi ithuba lokutshintsha incwadi ze omnye afunde umsebenzi womnye.
3 Abafundi mabanikwe ithuba lokufunda umsebenzi wabo eklasini.
4 Cela abanye babafundi babhale ngokutsha kumaphepha befaka imizobo ze babhale amagama abo ngezantsi kumaphepha lawo. Xhoma lo msebenzi eludongeni ukuze ubonwe ngumntu wonke eklasini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi. Okulindelwe kuwe kukuba ngekota umakishe amaphepha nje amabini kumsebenzi wokubhala usebenizsa irubhriki. Khumbula ukuba kubalulekile ukufunda yonke imibhalo yabafundi uncome, ucebisa nalapho basilele khona.
6 Oku kunceda nasekukhuliseni ukuzithemba kwisakhono sokubhala.

## Ubuchule obuphuhlisa ukubhala

***Injongo:*** *Kukuxhobisa abafundi ngobuchule bokuphuhlisa ukubhala obusebenza njengesakhelo ukubancedisa ekujikeni iingcinga zabo zibe yimibhalo yokwenene.*

1. Landela isicwangciso sesifundo seveki nganye ukwenza umsebenzi owunikiweyo wokubhala.
2. Kwesi sicwangciso sesifundo uya kuqaphela ukuba imisebenzi emayenziwe eklasini ilandelelana ngokufanayo amaxesha onke. Oku kunceda bafundi ukuze bakwazi emabakulindele kumsebenzi obhalwayo Oku kunceda nokwakha ukuzithemba.
3. Uya kuqaphela ke Titshala ukuba ubuchule obahlukeneyo buyafundiswa kubafundi ekubancediseni kwiphulo lokugqiba umsebenzi obhalwayo onikiweyo.
4. Iphulo kukuba abafundi babazi obu buchule bokufunda bebusebenzisa ngokokwabo.
5. Obu buchule benza abafundi bazibone benakho ukwenza umsebenzi obhalwayo xa befundiswe onke la manyathelo alandelwayo kule nkqubo yokubhala.

**UBUCHULE BOKUBHALA BOKU-1: UTITSHALA WENZA UMFUZISELO WOKUBHALA KUQALA**

**a** UTitshala ubonisa abafundi ekufuneka kwenziwe kuqala.
**b** Ngokujonga okwenziwa nguTitshala abafundi bayacacelwa ngokufuneka bekwenzile.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-2: ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE**

**a** Ukubhala sisenzo sokubeka iingcinga ephepheni.
**b** Oku kuthetha ukuba ababhali mabacinge kuqala, ze bathathe isigqibo ngeembono phambi kokuba bazibhale.
**c** Kwaye oku kuthetha ukuba akukho mpendulo zilungileyo nezingalunganga xa kubhalwa umbhali ngamnye uneengcinga zakhe aza kubhala ngazo.
**d** Banike ithuba elaneleyo lokucinga ngamaxesha onke abafundi.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 3: ABABHALI BAKRWELELA UMGCA KWIGAMA NGALINYE ABALIBHALAYO**

**a** Abafundi bacinga ngesivakalisi abafuna ukusibhala, ze basivakalise ngaphandle.
**b** Abafundi babala ukuba isivakalisi sinamagama amangaphi, ze bakrwele imigca ukubonisa igama ngalinye.
**c** Imigca mayikrwele ukusuka ekhohlo isiya ngasekunene, isuka ngentla isiya ngezantsi.
**d** Imigca mayingqamane nobude begama ngalinye.
**e** Makushiywe izithuba phakathi kwamagama.
**f** Makubekwe isingxi ekupheleni kwesivakalisi.
**g** Xa imigca igqityiwe ukukrwelwa, umbhali makabhale amagama, ukuba akaqinisekanga ngegama makazame ukubhala isandi esi siqala ngalo igama phambi kokucela uncedo.
**h** Le nkqubo yakha isakhelo nokuzimisela kubabhali. Abafundi ekunzima ukubhala le nkqubo ingabanceda kakhulu.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-4: ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO UKUBHALA AMAGAMA**

**a** Fundisa abafundi bakho ukungaceli uncedo kuTiitshala xa bebhala amagama abangawaziyo. Kufuneka besebenzise izixhobo kuqala ukubhala la magama. Umzekelo:
- Amagama aseludongeni kwigumbi lokufundela
- Ezinye iincwadi
- Uluhlu lopelo lovavanyo
- Ukanti bangabuza nakoogxa babo eklasini.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-5: ABABHALI BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO UKUKHUMBULA AMAGAMA**

**a** Abafundi mabazame ukukhumbula amagama asele bewafundile, ze bawabhale la magama besebenzisa iinkumbulo zabo.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI-6: ABAFUNDI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO

**a** Fundisa abafundi ukutsho igama abangalaziyo kancinane okofudo ukuze bamamele ze bachonge izandi ezahlukeneyo ezenza igama.

**b** Abafundi mababhale phantsi izandi ngohlobo abaziva ngalo. (Bangangawabhali ngokuchanekileyo amagama kodwa oku makungakuphazamisi njengoko sifuna nje ukuba baqale babhale amagama abangawaziyo besenzisa imvakelelo yezandi).

**c** Zama ukufunda ulwazi lwezandi kubafundi, ze ubancome ngokukwazi ukuva izandi ezo ukwakha amgama. Sisakhono esibaluleke kakhulu esi ungalibali ukuncoma ngamaxesha onke.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 7: ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO

**a** Abafundi mabazifundele imibhalo yabo ngokuvakalayo okanye bafundele oogxa babo. Ukuba nababukeli (ukufundela oogxa babo) kwenza le nkqubo ilandelwayo yokubhala ibe nentsingiselo engaphaya.

**b** Ngeli thuba besenza oku qinisekisa ukuba akukho magama bawashiyayo.

**c** Mabaqinisekise ukuba amagama alandelelana ngokuvakalayo.

**d** Okona kubalulekileyo qinisekisa ukuba wenza abafundi bakho bayonwabele le nkqubo ukuze bazingce ngoko bakubhalileyo.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 8: ABAFUNDI BAYAGUQUKA/ BAYAJIKA BATHETHE

**a** Kumaxesha athile eklasini abafundi bangaguquka bathethe noogxa babo.

**b** Oku kunceda abafundi babelane ngeengcinga zabo koko baza kubhala, ukufundela oogxa babo oko bakubhalileyo, bexelelana nangemifanekiso ekwimibhalo yabo okanye beqonda ukuba bakuvile na ekufuneka kwenziwe.

**c** Fundisa abafundi bakho baguquke bajongane ebusweni bethethela phantsi.

### UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 9: UKUBAMBA IINGXOXO NABAFUNDI

**a** Bubuchule obubaluleke kakhulu oko njengoko abafundi besabhala.

**b** Hamba, hamba phakathi kwabo, ze ume xa ubona ongathi unzinyelwe koko kufuneka ekubhalile.

**c** Yiba nengxoxo nalo mfundi.

**d** Wujonge umsebenzi wabafundi, umamele, unike noncedo apho lufuneka khona.

**e** Ungalibali ukunika umfundi nganye ithuba lakho nawe, kananjalo ncoma imibhalo yabo.

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yezikolo ezahlukeneyo kwihlabathi liphela; imifanekiso yeeyunivesithi eMzantsi Afrika; ifoto kunye nenqaku lephephandaba malunga noRebeca Gyumi.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda izizathu zokuba abafundi basishiye isikolo eMzantsi Afrika
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha **60, Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha 61**–62, Masenze**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha 65**, Masithethe**

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari ngento enye oyithandayo ngesikolo.**

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi uRebeca Gyumi kwibali leNcwadi eNkulu: **Ubomi obungenamida**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha obizwa ngokuba: **Ukubaluleka kwemfundo**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Yintoni imfundo?
   b Zinto zini othanda ukufunda ngazo esikolweni?
   c Kutheni ucinga ukuba imfundo ibalulekile?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - Point – Khomba igama
   - Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
3 Imfundo
   - amabanga aphantsi
   - isikolo samabanga aphakamileyo
   - eyunivesithi

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndizimisele ndizinikel'esikolweni | *Beka izandla esifubeni* |
| Wena sikolo uyinto yonke | *Khomba ubuye uvule izandla unge ufunda incwadi* |
| Ndinecebo ndolizuz'iphupha | *Beka umnwe wokukhomba ecaleni entloko* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | *Vula isandla usikhombe ngesinye* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | |

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla.
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1–5 ecaleni komgca.
3 Bhala esi sivakalisi silandelayo ebhodini ecaleni kwenani loku-1: **Ndiyinxibile ibhatyi yam. Ndiyayithanda ibhatyi yam**
4 Okulandelayo, bhala ezi zimelabizo ecaleni kwamanani 2–5:
  2 Yena
  3 Thina
  4 Mna
  5 Bona
5 Xelela abafundi babhale kwakhona isivakalisi baqale ngegama elinikiweyo.
6 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
7 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo njengangalapho kutshintsha khona isivakalisi.
8 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:
  1 Ndinxiba ibhatyi yam, **ndiyayithanda ibhatyi yam**.
  2 Unxiba ibhatyi yakhe, **uyayithanda ibhatyi yakhe**
  3 Sinixiba iibhatyi zethu, siyazithanda iibhatyi zethu
  4 Unxiba ibhatyi yakhe, **uyayithanda ibhatyi yakhe**
  5 Banxiba ibhatyi zabo, bayazithanda iibhatyi zabo.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Ubomi obungenamida**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.

## UkuBhala Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala imihlathi emibini malunga namaphupha kunye neenjongo zakho ngekamva

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci kwimihlathi emibini (ubuncinci izivakalisi ezili-12)

**UBUGCISA BOKUYILA:** Yenza uluhlu

**YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHALA**

1. Bonisa abafundi ukuba ababhali **bayacinga phambi kokuba babhale**.
2. Cacisa iimbono zakho ngesi sihloko umzekelo:
   *Xa ndandisemncinci, iphupha lam yayikukuba ngutitshala. Ndandifuna ukuba ngutitshala kuba ndicinga ukuba imfundo yeyona nto ibalulekileyo. Ndifuna ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana baya kuba nemfundo entle!*


**UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA)**

1. Bhala imephu yengqondo kwelinye lamacala ebhodi yakho.
2. Bonisa abafundi indlela yokwenza imephu yengqondo ngokuphendula imibuzo.
3. Gqibezela imephu yengqondo kwelinye icala lebhodi

| Inibuzo yokuPlana | iPlani |
|---|---|
| **Umhlathi 1** | **Umhlathi 1** |
| **1** Lithini iphupha lakho okanye iinjongo zakho ngekamva?<br>**2** Ucinga ukuba iza kujongeka njani le nto?<br>**3** Kutheni eli liphupha nje?<br>**4** Uziva njani xa ucinga ngephupha lakho? | **1** Ukuba ngutitshala<br>**2** Igumbi lokufundela eligcwele abafundi, mna ngaphambili ndonwabile ukufundisa.<br>**3** Kuba imfundo ibalulekile!<br>**4** Ndinovuyo lokunceda bonke abantwana. |
| **Umhlathi 2** | **Umhlathi 2** |
| **1** Yintoni ocinga ukuba kuya kufuneka uyenze ukuze uphumeze amaphupha akho?<br>**2** Sithini isicwangciso sakho sokuphumelelisa injongo yakho?<br>**3** Ucinga ukuba uza kuziva njani xa usebenza ukufikelela iinjongo zakho?<br>**4** Ucinga ukuba uya kuziva njani xa uphumeza injongo yakho? | **1** Ndidinga ukuya eDyunivesithi ndiyofunda imfundo.<br>**2** Sebenza nzima esikolweni, faka isicelo kwiDyunivesithi, funda imfundo yamabanga aphantsi.<br>**3** Ndicinga ukuba iya kuba ngumsebenzi onzima!<br>**4** Ndiza kuziva ndizingca ngam kwaye ndikhululekile ukuba ekugqibeleni ndifikelele kwinjongo yam. |

## ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)

1. Xelela abafundi ukuba bavale amehlo kwaye bacinge ngamaphupha abo kunye neenjongo zabo ngekamva.
2. Xelela abafundi **baguquke bathethe** nomlingane besabelana ngeengcinga zabo.
3. Bonisa abafundi ifreyimu yokuyila ebhodini, abafundi mabasebenzise le freyimu yokuyila ukwenza umsebenzi wabo njengoko ubuwenzile.
4. Banike incwadi zokubhala.
5. Xelela abafundi ukuba babhale iingcinga zabo – **bangakopi** ezakho.
6. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda1**.
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ndy**
2 Biza igama: **indyebo**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: /**i**/-/**ndy**/-/**e**/-/**b**/-/**o**/
4 Biza isandi sokuqala: /**i**/
5 Biza isandi esilandelayo: /**ndy**/
6 Biza isandi esilandelayo: /**e**/
7 Biza isandi esilandelayo: /**b**/
8 Biza isandi sesine: /**o**/
9 Bhala igama elipheleleyo: **indyebo**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: /**i**/-/**ndy**/-/**e**/-/**b**/-/**o**/ = **indyebo**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: /**i**/
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: /**ndye**/
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: /**bo**/
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: /**i**/-/**ndye**/-/**bo**/ = **indyebo**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ndy**
2 Biza igama: **indyandya**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? /**i**/
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? /**ndy**/
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? /**a**/
6 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? /**ndy**/
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine? /**a**/
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: /**i**/-/**ndy**/-/**a**/-/**ndy**/-/**a**/
9 Bhala igama elipheleleyo: **indyandya**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: /**i**/-/**ndy**/-/**a**/-/**ndy**/-/**a**/ = **indyandya**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? /**i**/
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? /**ndya**/
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? /**ndya**/
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: /**i**/-/**ndya**/-/**ndya**/ = **indyandya**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ndy**
2. Abafundi mababhale amanani 1–3.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **indyebo**
   2. **indyondyo**
   3. **indyandya**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5. Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ndy**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

# Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

## Ufundo Lokuqala


### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIHLOLA IMEKO

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Ubomi obungenamida**<br>*Eli bali lisekwe phezu kobomi bukaRebeca Gyumi. Amanqaku ngobomi bakhe ayinyaniso, kodwa iinkcukacha apha ziqwetyiwe. Eli bali lisekwe kulwazi oluvela kumbhalo:*<br>***https://edition.cnn.com/2018/12/12africa/gyumi-un-human-rights-prize/index.html*** | |
| URebeca wayelindele ukuqala esikolweni ubomi bakhe bonke! Eselusana oluncinane, abazali bakhe bamxelela indlela ebaluleke ngayo imfundo.<br>'Isikolo sibaluleke ngeyona ndlela,' wantyiloza watsho umama wakhe.<br>'Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!' wacula wenjenjalo u-anti wakhe. | ---------- |
| Njengomntwana omncinane, uRebeca wayesithanda isikolo. Wayengumhlobo kunye namantombazana amaninzi ahlakaniphileyo nanetalente kwisikolo iMazengo Prayimari eDodoma, kwilali yakhe kwelaseTanzaniya.<br>'Isikolo sibaluleke kakhulu!' wayesitsho umama wakhe yonke imihla kusasa.<br>'Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!' u-anti wakhe wayemxelela qho emva kwemini. | **Ndihlola imeko** ndithi uRebeca ebesithanda kakhulu isikolo kuba ebesoloko exelelwa ngokubaluleka kwemfundo! |
| Wathi uRebeca njengokuba ekhula, waqaphela ukuba amanye amantombazana eklasini yakhe ayekile ukuza esikolweni. URebeca wayeziva enako ukwenza nantoni ngemfundo! Kodwa, wayebona ukuba asingabo bonke abafundi beklasi yakhe abakuqondayo oko.<br>'Umnakwethu uthi amantombazana awahlakaniphanga njengamakhwenkwe!' watsho omnye wabahlobo bakhe kuye.<br>'Umama wam wathi umtshato ubaluleke ukodlula isikolo emantombazaneni,'omnye umhlobo wakhe watsho | **Masihlole** ingxaki kweli bali: asingabo bonke abantu abacinga ukuba amantombazana ayayidinga imfundo. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ayecutheka ngokucutheka amantombazana eklasini yakhe kwisikolo seMfundo ePhakamileyo iKilakala.<br>'Uyephi uAdla?' wabuza uRebeca komnye kumhlobo wakhe uJoyce ngenye imini, xa babesendleleni egodukayo kunye. 'Oo! unomyeni ngoku,' waphendula watsho uJoyce.<br>'Usamkhumbula uZahara?' wabuza uJoyce. 'Utshatile naye, akasezi esikolweni.'<br>'UZahara wayephuma phambilia kwizifundo zeMaths. Ndandicinga ukuba uya kuba ngugqirha.' Watsho uRebeca.<br>'Kutheni kungekho nkwenkwe iyeke isikolo, kodwa wona amantombazana emaninzi kangaka?' wamangala njalo uRebeca. | Oku kusixelela ngakumbi ngengxaki! Ndifunde ukuba xa amantombazana etshata, kufuneka ayeke isikolo. **Ndihlola imeko** ndithi, maninzi amantombazana ahlakaniphileyo ayeka isikolo. |
| Ngobo busuku, uRebeca waxelela umama wakhe ngawo onke amantombazana ayeke isikolo.<br>'Ndiyakucela, ungandikhuphi esikolweni!' wakhala watsho uRebeca.<br>'Isikolo sibaluleke ngeyona ndlela!' waphinda watsho umama wakhe, 'Kumantombazana nakumakhwenkwe ngokunjalo!'<br>Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!' waphinda watsho u-anti wakhe. | Ndihlola imeko ndithi, umama kaRebeca ucinga ukuba imfundo ibaluleke ukogqitha umtshato, kuba ngayo uRebeca uya kuba nako ukwenza nantoni ayifunayo! Andiqondi ukuba baya kumyekisa isikolo. |
| URebeca waziva enethamsanqa. Wayenqwenela ukuba onke amantombazana eklasini yakhe angafumana olu hlobo lwenkxaso kumakhaya awo. URebeca wathatha isigqibo sokuba imfundo yakhe uya kuyisebenzisela ukunceda amantombazana afana naye. | **Ndihlola imeko** ndithi, uRebeca uza kuzama ukusombulula ingxaki, noxa ingxaki ingachaphazeli yena buqu. |
| KwiYunivesithi yaseDar es Salaam, uRebeca wakhetha ukwenza izifundo zobugqwetha. Wafunda ngomthetho waseTanzaniya, ovumela amantombazana ukuba atshate emancinane – eneminyaka eli-Kodwa, iminyaka yamakhwenkwe yona yayili 18! 'Oku kufanele ukuba sisizathu esibangela ukuba uninzi lwamantombazana luyeke isikolo,'wacinga njalo uRebeca. 'Ndiza kuwutshintsha lo mthetho!' | **Ndihlola imeko** ndithi uRebeca wafunda ezomthetho ukuze azame ukusombulula ingxaki! Ufanele ukuba ebekukhathalele ngokwenene ukulungisa le ngxaki. |
| Emva kokuthweswa isidanga, uRebeca nabantu awayesebenza nabo basebenza nzima bezama ukutshintsha lo mthetho. Abantu abaninzi bathi basebenza ngokuchasene namasiko aseTanzaniya. Kodwa uRebeca wabaphikisa. 'Naliphi na isiko elivisa ubuhlungu amantombazana ayilosiko lifanele ukugcinwa!' waphikisa ngelitshoyo. | -------- |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| URebeca nabantu awayesebenza nabo bathi thaca iziphakamiso zabo phambi kweejaji kwiNkundla ePhakamileyo yaseTanzaniya. Iijaji zavumelana neqela likaRebeca zaza zathatha isigqibo sokutshintsha umthetho waseTanzania. Oku kwathetha ukuba iminyaka emiswayo yokutshata ngokusemthethweni kwamantombazana yatshintsha yali – 18 yafaniswa namakhwenkwe! | **Ndihlola imeko** ndithi abanye abantu baseTanzaniya bayibona le ngxaki njengoRebeca, baza bafuna ukulungisa izinto nabo! |
| Noxa umthetho utshintshiwe, uRebeca akayekanga ukusebenza nzima esilwela amalungelo amantombazana. URebeca usasebenza nzima engadinwa eqinisekisa ukuba onke amantombazana ayazi ukuba isikolo sibalulekile, kwaye imfundo iya kuwanika ubomi obungenamida! | Iqela likaRebeca laliphumelela ityala enkundleni! Kodwa, **ndihlola imeko ndithi** ingxaki ayisombululekanga ncam, kuba uRebeca usasebenza enceda onke amantombazana akwazi ukufumana imfundo epheleleyo! |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Liqhubeka phi eli bali? | eTanzaniya |
| Yintoni ingxaki kweli bali? | • Ingxaki kukuba amantombazana ayeka isikolo.<br>• Ingxaki kukuba abanye abantu bacinga ukuba imfundo ayibalulekanga kumantombazana. |
| Wenza ntoni uRebeca ukuzama ukusombulula ingxaki? | • Wathatha isigqibo sokuba ligqwetha.<br>• Walwa nemithetho engenabulungisa. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Ucinga ukuba yintoni eyenza uRebeca ahlale esikolweni? | • Kuba wayesithanda isikolo.<br>• Kuba usapho lwakhe lwalucinga ukuba imfundo ibaluleke kakhulu.<br>• Kuba usapho lwakhe lwalufuna abe nobomi obungenamida.<br>• Kuba wayesoloko exelelwa ukuba imfundo yeyona nto ibalulekileyo – kumantombazana namakhwenkwe |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30



**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO


1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- isidanga
- ukuyeka phakathi esikolweni
- ithuba

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndizimisele ndizinikel'esikolweni | *Beka izandla esifubeni* |
| Wena sikolo uyinto yonke | *Khomba ubuye uvule izandla unge ufunda incwadi* |
| Ndinecebo ndolizuz'iphupha | *Beka umnwe wokukhomba ecaleni entloko* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | *Vula isandla usikhombe ngesinye* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

1 Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
4 Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
5 Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
6 Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
7 Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.



## Izandi Nezandi Zopelo:

Imizuzu 15

## Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

### NDIYENZA

1 Biza isandi**: ndw**
2 Biza igama: **undwebile**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/u/-/ndw/-/e/-/b/-/i/-/l/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/u/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ndw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
8 Biza isandi esilandelayo: **/i/**
9 Biza isandi esilandelayo: **/l/**
10 Biza isandi sokugqibela: **/e/**
11 Bhala igama elipheleleyo: **undwebile**
12 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/u/-/ndw/-/e/-/b/-/i/-/l/-/e/** = **undwebile**
13 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/u/**
14 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ndwe/**
15 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/bi/**
16 Biza ilungu lokugqibela kweli gama: **/le/**
17 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/u/-/ndwe/-/bi/-/le/** = **undwebile**

### SIYENZA

1 Biza isandi: **ndw**
2 Biza igama: **indwendwe**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ndw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/e/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/ndw/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/e/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ndw/-/e/-/ndw/-/e/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **indwendwe**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/-/ndw/-/e/-/ndw/-/e/** = **indwendwe**
11 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ndwe/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ndwe/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/ndwe/-/ndwe/** = **indwendwe**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u **– ndw**.
2. Abafundi mababhale amanani 1–3.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **indwendwe**
   2. **undwebile**
   3. **indwalutho**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ndw**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ushicilelo Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala imihlathi emibini malunga namaphupha kunye neenjongo zakho ngekamva.

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci imihlathi emibini (ubuncinci izivakalisi ezili-12)

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

*Umhlathi 1*

*Iphupha lam kukuba…*

*Eli liphupha lam kuba…*

*Xa ndicinga ... ndi…*

*Ndiyeva…*

*Umhlathi 2*

*Icebo lam lokufezekisa injongo zam …*

*Kuza kufuneka…*

*Ndicinga ukuba izakuba…*

*Xa ekugqibeleni ndiyifezekisa injongo yam, ndicinga…)*

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.


#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3. Funda isakhelo sokubhala.
4. Babonise indlela yokugcwalisa ifreyimu yokubhala usebenzisa iplani yakho njengalapha: **Iphupha lam kukuba** ngutitshala wesikolo samabanga aphantsi . **Eli liphupha lam kuba** ndicinga ukuba imfundo yeyona nto ibalulekileyo. Ndifuna ukunceda ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bafumana imfundo. Ndiyakuthanda nokusebenza nabantwana. **Xa ndicinga ngokuba** ngutitshala ndibona igumbi lokufundela lizele ngabafundi abanemincili. **Ndiziva ndonwabile** ukuba ndizakufundisa ngenye imini.
   **Icebo lam lokufezekisa injongo yam** kukuya eyunivesithi ndiyokufunda imfundo yamabanga aphantsi. Icebo lam kukuya kwiDyunivesithi yasePitoli. **Kuya kufuneka ndisebenze nzima** esikolweni ze ndikwazi ukufaka isicelo eyunivesithi. **Ndicinga**

**ukuba iya kuba ngumsebenzi onzima** ukufikelela kwiinjongo zam. Kodwa ndicinga ukuba iya kuba yinto efanelekileyo ekugqibeleni.
**Xa ekugqibeleni ndiyifezekisile** injongo yam, ndicinga ukuba ndiza kuziva ndinelunda ngam kwaye ndikhululekile ukuba ndingutitshala! Usapho lwam luza kuziqhenya ngam!

### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Amaphupha neenjongo zam: iDrafti**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa esa sicwangciso sabo.
5 Abafundi bangazongeza izivakalisi okanye izimvo zabo ukuba banexesha.
6 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
7 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30



**AMAQELA:** ___________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

### NDIYENZA……

1. Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2. Bhala la magama mabini ebhodini: **indyondyo, indyandya**
3. Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **indyondyo, indyandya**
4. Cacisa umahluko ku: **/o/** no **/a/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

### SIYENZA…

#### ISIQENDU SOKU-1

1. Bhala la magama mabini ebhodini: **undwebile, gqibile**
2. Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3. Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **undwebile, gqibile**
4. Baxelele umahluko kumagama.

#### ISIQENDU SESI-2

1. Bhala eli gama ebhodini: **indyebo**
2. Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3. Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **intyatyambo, inkxalabo**

### UYENZA …

1. Bhala eli gama ebhodini: **undwebile**
2. Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3. Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4. Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
   **ihamile, iwile, wonwabile, gqibile, iitafile**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lwesibini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIHLOLA IMEKO**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Ubomi obungenamida**<br>*Eli bali lisekwe phezu kobomi bukaRebeca Gyumi. Amanqaku ngobomi bakhe ayinyaniso, kodwa iinkcukacha apha ziqwetyiwe. Eli bali lisekwe kulwazi oluvela kumbhalo:*<br>***https://edition.cnn.com/2018/12/12africa/gyumi-un-human-rights-prize/index.html*** | |
| URebeca wayelindele ukuqala esikolweni ubomi bakhe bonke! Eselusana oluncinane, abazali bakhe bamxelela indlela ebaluleke ngayo imfundo.<br>'Isikolo sibaluleke ngeyona ndlela,' wantyiloza watsho umama wakhe.<br>'Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!' wacula wenjenjalo u-anti wakhe. | Ndiyakhumbula ukuba amantombazana amaninzi eklasini kaRebeca akazange afumane imiyalezo efanayo emakhaya ngokubaluleka kwemfundo! **Ndihlola imeko** ndithi usapho lukaRebeca lwaluyixabisile imfundo kumantombazana ngaphezu kwezinye iintsapho. |
| Njengomntwana omncinane, uRebeca wayesithanda isikolo. Wayengumhlobo kunye namantombazana amaninzi ahlakaniphileyo nanetalente kwisikolo iMazengo Prayimari eDodoma, kwilali yakhe kwelaseTanzaniya.<br>'Isikolo sibaluleke kakhulu!' wayesitsho umama wakhe yonke imihla kusasa.<br>'Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!' u-anti wakhe wayemxelela qho emva kwemini. | ----- |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| Wathi uRebeca njengokuba ekhula, waqaphela ukuba amanye amantombazana eklasini yakhe ayekile ukuza esikolweni. URebeca wayeziva enako ukwenza nantoni ngemfundo! Kodwa, wayebona ukuba asingabo bonke abafundi beklasi yakhe abakuqondayo oko.<br>'Umnakwethu uthi amantombazana awahlakaniphanga njengamakhwenkwe!' watsho omnye wabahlobo bakhe kuye.<br>'Umama wam wathi umtshato ubaluleke ukodlula isikolo emantombazaneni,'omnye umhlobo wakhe watsho | **Ndihlola imeko** ndithi, uRebeca ebengaqondi ukuba kutheni amantombazana eyeka isikolo, kuba ebexelelwe ngokubaluleka kwemfundo kuphela ekhaya! |
| IMAGE ONLY | |
| Ayecutheka ngokucutheka amantombazana eklasini yakhe kwisikolo seMfundo ePhakamileyo iKilakala.<br>'Uyephi uAdla?' wabuza uRebeca komnye kumhlobo wakhe uJoyce ngenye imini, xa babesendleleni egodukayo kunye. 'Oo! unomyeni ngoku,' waphendula watsho uJoyce.<br>'Usamkhumbula uZahara?' wabuza uJoyce. 'Utshatile naye, akasezi esikolweni.'<br>'UZahara wayephuma phambilia kwizifundo zeMaths. Ndandicinga ukuba uya kuba ngugqirha.' Watsho uRebeca.<br>'Kutheni kungekho nkwenkwe iyeke isikolo, kodwa wona amantombazana emaninzi kangaka?' wamangala njalo uRebeca. | **Ndihlola imeko** ndithi uRebeca uziva ebhidekile ngokuba kutheni emaninzi amantombazana ayeka isikolo kunamakhwenkwe! |
| Ngobo busuku, uRebeca waxelela umama wakhe ngawo onke amantombazana ayeke isikolo.<br>'Ndiyakucela, ungandikhuphi esikolweni!' wakhala watsho uRebeca.<br>'Isikolo sibaluleke ngeyona ndlela!' waphinda watsho umama wakhe, 'Kumantombazana nakumakhwenkwe ngokunjalo!'<br>Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!' waphinda watsho u-anti wakhe. | URebeca ubhidekile. **Ndihlola imeko** ndithi, unalo noloyiko lokuba naye anganyanzeliswa ukuba ayeke isikolo, njengamanye amantombazana akhule nawo! |
| URebeca waziva enethamsanqa. Wayenqwenela ukuba onke amantombazana eklasini yakhe angafumana olu hlobo lwenkxaso kumakhaya awo. URebeca wathatha isigqibo sokuba imfundo yakhe uya kuyisebenzisela ukunceda amantombazana afana naye. | -------- |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| KwiYunivesithi yaseDar es Salaam, uRebeca wakhetha ukwenza izifundo zobugqwetha. Wafunda ngomthetho waseTanzaniya, ovumela amantombazana ukuba atshate emancinane – eneminyaka eli-Kodwa, iminyaka yamakhwenkwe yona yayili 18! 'Oku kufanele ukuba sisizathu esibangela ukuba uninzi lwamantombazana luyeke isikolo,'wacinga njalo uRebeca. 'Ndiza kuwutshintsha lo mthetho!' | Oo! **ndihlola imeko** ndithi xa uRebeca wayefunda lo mthetho, wayiqonda ngokunzulu ingxaki. Amantombazana ayeyeka isikolo kuba ayetshata esemancinane kunamakhwenkwe! |
| Emva kokuthweswa isidanga, uRebeca nabantu awayesebenza nabo basebenza nzima bezama ukutshintsha lo mthetho. Abantu abaninzi bathi basebenza ngokuchasene namasiko aseTanzaniya. Kodwa uRebeca wabaphikisa. 'Naliphi na isiko elivisa ubuhlungu amantombazana ayilosiko lifanele ukugcinwa!' waphikisa ngelitshoyo. | **Ndihlola imeko** ndithi uRebeca uzimisele ukulungisa le ngxaki ukuze onke amantombazana azi ukuba angayiyo nantonina afuna ukuba yiyo! |
| URebeca nabantu awayesebenza nabo bathi thaca iziphakamiso zabo phambi kweejaji kwiNkundla ePhakamileyo yaseTanzaniya. Iijaji zavumelana neqela likaRebeca zaza zathatha isigqibo sokutshintsha umthetho waseTanzania. Oku kwathetha ukuba iminyaka emiswayo yokutshata ngokusemthethweni kwamantombazana yatshintsha yali – 18 yafaniswa namakhwenkwe! | ------ |
| Noxa umthetho utshintshiwe, uRebeca akayekanga ukusebenza nzima esilwela amalungelo amantombazana. URebeca usasebenza nzima engadinwa eqinisekisa ukuba onke amantombazana ayazi ukuba isikolo sibalulekile, kwaye imfundo iya kuwanika ubomi obungenamida! | **Ndihlola imeko** ndithi uRebeca uzimisele ukulwela onke amantombazana afumane amathuba afanayo nalawo wawafumanayo ngenxa yemfundo. |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Ngubani oxelela uRebeca ukuba imfundo ibalulekile/ | Ngabazali bakhe. |
| Ayeyekiswa yintoni isikolo amantombazana phambi kwamakhwenkwe? | • Kuba ayetshata.<br>• Kuba umthetho wawusithi amantombazana angatshata esemancinane kunamakhwenkwe. |
| Unganako **ukuhlola imeko kaRebeca?** Ucinga ukuba wayengumntu onjani? | Ndicinga ukuba waye...kuba... |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Ucinga ukuba yintoni eyayisenza uRebeca Gyumi azimisele ukutshintsha umthetho waseTanzaniya? | • Kuba wayefundiswe ukuba imfundo yeyona nto ibalulekileyo.<br>• Kuba wabona ukuba lo mtheho wawuthetha ukuba amantombazana amaninzi ayeka isikolo ngaphezu kwamakhwenkwe.<br>• Kuba wayefuna ukuqinisekisa ukuba onke amantombazana afumene imfundo phambi kokuba atshate.<br>• Kuba wayefuna amantombazana azi ukuba angayiyo nantonina afuna ukuba yiyo!<br>• Kuba wabona ukuba umthetho wawunefuthe elibi kumantombazana endawo ahlala kuyo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- umthetho
- igqwetha
- umgwebi
- inkundla yamatyala

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndizimisele ndizinikel'esikolweni | *Beka izandla esifubeni* |
| Wena sikolo uyinto yonke | *Khomba ubuye uvule izandla unge ufunda incwadi* |
| Ndinecebo ndolizuz'iphupha | *Beka umnwe wokukhomba ecaleni entloko* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | *Vula isandla usikhombe ngesinye* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Eli bali lingo ….
Into enye endiyifundileyo kweli bali kukuba……
Eli bali liyadibana nomxholo 'Ukubaluleka kwemfundo kuba' ngoba…….
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.
4 Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **ndy** | **ndw** | **o** |
| **i** | **b** | **e** |
| **a** | **u** | **l** |
| **k** | **t** | **h** |

**YENZA UMFUZISELO**

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ndy/** no **/ndw/**
2 Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/-/ndy/-/e/-/b/-/o/** = **indyebo**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ndy/ okanye /ndw/**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/b/-/a/-/l/-/a/** = **bala**

**ABAFUNDI BAYENZA**

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ndy, ndw**
2 Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama: **indyebo, indyondyo, indyandya, indwendwe, undwebile, indwalutho, bala, utata, kubi, bheka, hlola**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA**

**ISISHWANKATHELO SEBALI ELIFUNDIWEYO**

1 Abafundi baza kucinga *ngeyona ndawo ibalulekieyo ebalini*.
2 Siza kwenza uvavanyo malunga noRebeca Gyumi.
3 Ibali ngalinye liza kuwongwa ngamaqaku ama-Ukuba ibali lakho sililithandile uza kuwafumana onke la manqaku, ukanti ukuba asilithandanga siza kunika i-0..
4 Bhala isishwankathelo sebali ebhodini.
5 Abafundi mabasebenzise le freyimu ukuphendula imibuzo:
**Eli bali ingo**… (izivakalisi ezi 2–3)
**Ndiyithandile xa…**
**Ndicinga ukuba uRebeca Gyumi u……ngoba…….**
**Kwikweenkwenkwezi ezi-5, ndinika eli bali… kuba**
6 Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
7 Yenza umfuziselo ubonisa abafundi bakho ngolu hlobo**:**
**Eli bali** limalunga noRebeca Gyumi esilwela ukutshintsha umthetho eTanzania. Usebenza ukulwela ukuba iminyaka yokutshata ibe midala ukuze amantombazana akwazi ukuhlala esikolweni endaweni yokutshata. **Ndithandile xa uRebeca** esiba ligqwetha kwaye angasebenza ukutshintsha izinto kwilizwe lakhe. **Ndicinga ukuba uRebeca Gyumi** unesibindi kuba usebenza ukutshintsha umthetho nangona abanye abantu bengavumelani naye. **Kwinkwenkwezi ezi-5, ndinika eli bali iinkwenkwezi ezi-5 kuba** ndicinga ukuba uRebeca Gyumi ngumntu obalulekileyo onokufunda ngaye!
8 Nika abafundi ixesha lokucinga *ngeyona ndawo ibalulekileyo ebalini*.
9 Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngeembono zabo.
10 Abafundi mababhale isishwankathelo besebenzisa ifreyimu yokubhala.
11 Abafundi mabakunike inzolo.
12 Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
13 Shwankathela ibali ngolu hlobo:
**Eli bali lingo Rebeca Gyumi** waseTanzania. Usebenzela ukuqinisekisa ukuba amantombazana anamathuba okuya esikolweni. Ebalini, ulwa nokutshintsha iminyaka yomtshato. **Siyithandile x**a uRebeca esiba ligqwetha kwaye esebenzela ukutshintsha izinto kwilizwe lakhe**. Sicinga ukuba** uRebeca Gyumi uhlakaniphile **kuba waba ligqwetha** kwaye waphumelela ekutshintsheni umthetho. **Kumanqaku ama-5, eli bali ndilinika iinkwenkwezi ezi**-3 kuba abanye abantu balithandile kodwa abanye abantu becinga ukuba alimnandanga.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.



## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Iifoto zakho ngokuya wawusesikolweni; ifoto kunye nenqaku lephephandaba malunga noMalala Yousafzai Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: Izibonelelo zemfundo zasimahla abafundi abanokufikelela kuzo kwiifowuni zabo.
5. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha 70, **Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha 71–73, **Masibhale**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: Iphepha 74, **Masifunde** kunye namaphepha 75–77,

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso: womntu okubonisa ububele.: Bhala kwidayari malunga nesizathu esinye sokuba kubalulekile esikolweni kuwe.**

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

IVEKI 2

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1. Bonisa abafundi umfanekiso kaMalala Yousafzai kwibali leNcwadi eNkulu: **UMalala ulwela imfundo.**
2. Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo wethu:**Ukubaluleka kwemfundo**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - **a** Ngawaphi amathuba esinokusinikwa yimfundo?
   - **b** Kutheni ucinga ukuba imfundo ibalulekile? (Sifunde ntoni ukuza kuthi ga ngoku?)
   - **c** Kutheni le nto uRebeca Gyumi ecinga ukuba imfundo ibalulekile?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - Point – Khomba igama
   - Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - ucalucalulo
   - isini
   - ucalucalulo ngokwesini

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndizimisele ndizinikel'esikolweni | *Beka izandla esifubeni* |
| Wena sikolo uyinto yonke | *Khomba ubuye uvule izandla unge ufunda incwadi* |
| Ndinecebo ndolizuz'iphupha | *Beka umnwe wokukhomba ecaleni entloko* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | *Vula isandla usikhombe ngesinye* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | |

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Amagama isinye ukuya kwisininzi**
2. Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1–5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3. Biza la magama alandelayo kwisinye. Abafundi mababhale igama ecaleni kwenani elichanelekileyo
   **Amagama isinye ukuya kwisininzi**
   1. ibhokisi
   2. iglasi
   3. elwandle
   4. ibrashi
   5. isitya
4. Okulandelayo, yalela abafundi babhale amagama kwakhona kwisininzi.
5. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6. Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo.
7. Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:
   **Amagama isinye kuya kwisininzi**
   1. ibhokisi
      iibhokisi
   2. iglasi
      iiglasi
   3. elwandle
      elwandle
   4. ibrashi
      iibrashi
   5. isitya
      izitya
8. Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9. Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UMalala ulwela imfundo.**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.

## UkuBhala:

Imizuzu 30

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala imihlathi emibini malunga namaphupha kunye neenjongo zakho ngekamva

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci kwimihlathi emibini (ubuncinci izivakalisi ezili-12)

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala uluhlu lokulungisa ebhodini. Phambi kokuba siqale isifundo sokubhala.
- Bhala idrafti yakho ebhodini phambi kokuba siqale isifundo faka impazamo ibenye okanye zibe mbini.

**ULUHLU LOKUHLOLA:**

1. **Ngaba ndiyichazile injongo yam?**
2. **Ndilisebenzisile ixesha elizayo ukuthetha ngeenjongo zam?**
3. **Ndisebenzise umntu wokuqala ('mna' kunye 'nathi')?**
4. **Ndizibhalile izivakalisi ezili-12 ubuncinci zahlulwe zangumhlathi emibini?**
5. **Ngaba ndiwapele onke amagama ngokuchanekileyo?**
6. **Ingaba isivakalisi ngasinye siqala ngonobumba omkhulu?**
7. **Ngaba isivakalisi ngasinye siphela ngeziphumlisi ezifanelekileyo?**


**UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA)**

1. Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela ukhwaze.
2. Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.
3. Jonga itshekhlisti yakho, ujonge nedfrafti yakho ukuba ichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.

4 Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.

**ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)**

1. Banike iincwadi zokubhala.
2. Abafundi mabakhangele iidrafi zabo ezincwadini.
3. Xelela abafundi bajonge itshekhlisti yokuhlela ze benze izilungiso okanye ukuphucula okufunekayo.
4. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.
5. Lungisa iimpazamo ezifanayo kumbhalo wabafundi.
6. Abafundi mabakunike inzolo ubhale zonke iimpazamo ebhodini.
7. Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 2**.
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

IVEKI 2

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ngc**
2 Biza igama: **ingcawe**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ngc/-/a/-/w/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ngc/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/w/**
8 Biza isandi sesine: **/e/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingcawe**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ngc/-/a/-/w/-/e/** = **ingcawe**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ngca/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/we/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/i/-/ngca/-/we/** = **ingcawe**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngc**
2 Biza igama: **ingcambu**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ngc/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/mb/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine? **/u/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ngc/-/a/-/mb/-/u/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingcambu**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: **/i/-/ngc/-/a/-/mb/-/u/** = **ingcambu**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ngca/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/mbu/**
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/i/-/ngca/-/mbu/** = **ingcambu**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ngc**
2 Abafundi mababhale amanani 1–5.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **ingca**
   2 **ingcawe**
   3 **ingcambu**
   4 **ukungcola**
   5 **ingcongconi**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ngc**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUHLOLA IMEKO**


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UMalala ulwela imfundo**<br><br>*Ubusazi ukuba kwihlabathi jikelele, bangaphezu kwezigidi ezili-130 abantwana abangamantombazana abangaphandle kwesikolo ngenxa yokucalulwa ngesini sabo? UMalala Yousafzai unikezele ubomi bakhe ukuze ancede onke amantombazana kwihlabathi jikelele afikelele kwimfundo.* | **Ndiyakhumbula** kwiveki ephelileyo sifunde ngenye intombazana eyalwela imfundo yabantwana abangamantombazana – uRebeca Gyumi. **Masidibanise** izinto phakathi kwala mabali mabini njengoko sifunda namhlanje |
| UMalala wazalelwa eMingora, ePakistan ngomhla we-12 kaJulayi, 1997.<br><br>'Akwaba ebeyinkwenkwe!' watsho omnye wabamelwane kutata kaMalala.<br><br>'Uza kwenzani ngentombazana?' – ayisoze ikuzisele butyebi! Watsho omnye, enikina intloko.<br><br>'Ndiza kumnika uMalala onke amathuba ebeya kufunyanwa ngumntwana oyinkwenkwe,' waphendula njalo utata wakhe, ejonge kuloo mehlo makhulu osana lwakhe oluyintombazana. | **Ndiyakhumbula** kwibali elingoRebeca ukuba asingabo bonke abantu abacinga ukuba amantombazana adinga imfundo. Ndicinga ukuba oko kuyinyaniso kwihlabathi jikelele – kuba uRebeca wayeseTanzania kwaye uMalala yena usePakistan. |
| UZiaudidin wasigcina isithembiso sakhe sokunika uMalala namanye amantombazana afana naye onke amathuba awayenokufunyanwa ngabantwana abangamakhwenkwe. Waqala isikolo samantombazana eMingora.<br><br>'Kutheni wenze isikolo samantombazana?'omnye wabamelwane wakhwaza njalo ebuza uZiauddin njengoko wayesiya emsebenzini.<br><br>'Kunceda ntoni ukufundisa amantombazana?' watsho omnye, enikina intloko.<br><br>'Ngumsebenzi wam ukuqinisekisa ukuba amantombazana elali yethu afumana onke amathuba afunyanwa ngamakhwenkwe,' waphendula ngqwabalala njalo utata kaMalala.<br><br>Wabukela njengoko intwazana yakhe uMalala ikhula ifunda kunye namanye amantombazana aseMingora. | **Bobabini** uMalala noRebeca Gyumi babeneentsapho ezibaxhasayo ekhaya. **Zombini** ezi ntsapho zazikukhathalele ukuqinisekisa ukuba iintombi kumakhaya azo zifumana imfundo efanelekileyo. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kodwa kwatshintsha yonke into akuthatha ulawulo amaTaliban elalini yabo. Batshintsha ubomi ngeendlela ezininzi. Ukuba nomabonakude kwavalwa. Ukudlala umculo kwavalwa. Kwaza akwavunyelwa ukuba abantwana abangamantombazana baye esikolweni. | ETanzania, ukutshata kwiminyaka eselula kwakuthetha ukuba amantombazana ayesoloko eyeka isikolo phambi kwexesha. EPakistan, amaTaliban enza umthetho okhupha amantombazana esikolweni. **Ndidibanisa** iimeko ndithi kwihlabathi jikelele, kukho imithetho enokwenza nzima ukuya esikolweni kwamantombazana. |
| AmaTaliban ayeseqhushumbise izikolo zamantombazana ezingaphezu kwe-100 xa ayexelela uZiauddin ukuba makavale iingcango zesikolo sakhe.<br><br>'Bendifuna ukunika uMalala namanye amantombazana onke amathuba afunyanwa ngamakhwenkwe – kodwa andinakubeka ukhuseleko lwawo emngciphekweni,' wacinga njalo uZiauddin.<br><br>UMalala wavalelisa kubantwana awayefunda nabo enyembezana. Wayengazi ukuba uya kuze aphinde abe seklasini kunye nabahlobo bakhe kwakhona. | **Ndidibanisa iimeko** ndithi, kwihlabathi jikelele, amantombazana amaninzi ahlakaniphileyo kufuneka asiyeke isikolo ngenxa yocalucalulo ngokwesini. |
| UZiauddin waqhubeka nokufundisa uMalala izinto ezininzi ekhaya. Kodwa uMalala wayekukhumbula ukufunda namanye amantombazana afana naye. | Noxa **bobabini** uRebeca noMalala bakwazi ukuqhuba befunda, asingawo onke amantombazana abangqongileyo aye akwazi ukufumana amathuba afana nawabo. |
| NgoSeptemba 2008, uZiauddin wasa uMalala ePeshwar Press Club, umbutho woonondaba. Kulapho uMalala wenza intetho yakhe yokuqala khona.<br><br>'Ayenza njani amaTaliban into yokohlutha ilungelo lam elisisiseko lemfundo?' uMalala wabuza abaphulaphuli bakhe. Ngosuku olulandelayo, amazwi akhe avela kwiphephandaba nakwiitshaneli zikamabonakude kwiPakistan iphela.<br><br>UMalala wayesazi ukuba amazwi akhe aya kuvusa umnyele kumaTaliban. Kodwa wathatha isigqibo sokungathi cwaka – nokuba oko kuya kumenza ixhoba. | **Bobabini** uRebeca noMalala bathetha ngokuphandle ngoko bakholelwa kuko. **Bobabini** balwela ukuba amantombazana afumane imfundo. |
| UMalala waqhuba ethetha ngokuphandle ethethela ilungelo lakhe lokufunda. Wabhala ikhasana, ukuze abantu kwihlabathi jikelele bayiqonde intsokolo yakhe. Wavela nakumabonakude.<br><br>'Umyeka njani uMalala athethe kumabonakude ngemfundo yamantombazana?' omnye ummelwane wasebezela uZiauddin watsho. | Kwakukho abantu ababefuna ukuba **bobabini** uRebeca noMalala bayeke ukuthetha ngokuphandle, kodwa baqhuba balwa noxa kunjalo. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Landela imithetho yamaTaliban qha wena!' wathetha ngqwabalala watsho omnye, enikina intloko.<br><br>'Ndinike uMalala ithuba elifanayo namakhwenkwe kwaye ngoku, uyazithethela,' waphendula watsho ngokuziqhayisa utata kaMalala. | |
| Wathi uMalala njengoko esiya esaziwa, waba lixhoba ngakumbi waza wafumana izothuso zokubulawa. UMalala wayesoyika, kodwa uloyiko lwakhe aluzange lumthintele ekuthetheni ngokuphandle ethethela amantombazana. | ---- |
| NgoOkthobha 2012, endleleni egodukayo evela kuhlalela uviwo, ebhasini kaMalala kwakhwela umbulali ozigqume ubuso. 'Ngubani uMalala?' wabuza njalo. Waza, wadubula uMalala entloko kwicala lasekhohlo.<br><br>Wenzakala kakubi uMalala kodwa akafa. Wathathwa ngenqwelomoya kwisibhedlele samajoni ePakistan wasiwa kwesinye, waza emva kwexesha kwandizwa naye ukuya e-UK esiya kufumana unyango khona.<br><br>Athi amaTaliban akufumanisa ukuba uMalala akafanga, akhupha umpoposho othi aza kumzingela kwakhona ukuba ubuyele ePakistan. | |
| Kodwa uMalala wafumana imiyalezo emnandi evela kwihlabathi jikelele.<br><br>'Siyabulela ngokuba liqhawe lemfundo yamantombazana,' yayisitsho enye ileta.<br><br>'Ulibonisile ihlabathi ubunzima athi abufumane amanye amantombazana ukuze afumane imfundo. Siyabulela ngokunceda utshintshe ihlabathi,' umyalezo kaFacebook wawusitsho.<br><br>'Ngumsebenzi wam ukuqinisekisa ukuba onke amantombazana afumana ithuba elifanayo nelifunyanwa ngamakhwenkwe,' wagqiba njalo uMalala. | Noxa abanye abantu bazama ukubagalela amanzi **bobabini** uMalala noRebeca, **bobabini** bakufumana ukunconywa kunye nenkuthazo kakhulu! |
| Xa wayeneminyaka eli-17 kuphela, uMalala wawongwa ngembasa iNobel Peace Prize. Wayengoyena mncinane kwabakhe bayiphumelela ngaphambili! UMalala usaqhuba umsebenzi wakhe wokusebenza adale ihlabathi apho amantombazana anokufunda khona ze akhokhele. | **Bobabini** uMalala noRebeca basaqhuba besilwela amantombazana ukuba afikelele kwimfundo. **Bobabini** bayakhathala ngokuba amantombazana afumane amathuba afanayo namakhwenkwe. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Wazalelwa phi uMalala? | Wazalelwa eMingora ePakistan. |
| Kwakutheni ze kufuneke ukuba uMalala asiyeke isikolo? | • Kwafuneka asiyeke isikolo kuba kwavalwa ukuya kwamantombazana esikolweni.<br>• Kwafuneka asiyeke kuba amaTaliban athatha ulalwulo, aze awayekisa amantombazana ukuya esikolweni. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uMalala abe lixhoba lamaTaliban? | • Kuba wayethetha ngokuphandle ngelungelo lakhe lokufumana imfundo.<br>• Kuba wavela kumaphephandaba nakumabonakude ethetha ngokubaluleka kwemfundo kumantombazana.<br>• Kuba amaTaliban ayengakuvumeli ukuya kwamantombazana esikolweni, kwaye uMalala wayengavumelani nawo.<br>• Ngenxa yocalucalulo ngokwesini. |





## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO


**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- intatheli
- abaphulaphuli
- ekujoliswe kubo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndizimisele ndizinikel'esikolweni | *Beka izandla esifubeni* |
| Wena sikolo uyinto yonke | *Khomba ubuye uvule izandla unge ufunda incwadi* |
| Ndinecebo ndolizuz'iphupha | *Beka umnwe wokukhomba ecaleni entloko* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | *Vula isandla usikhombe ngesinye* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.



## Izandi Nezandi Zopelo:

Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama



**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nqw**
2 Biza igama: **inqwelo**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nqw/-/e/-/l/-/o/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/nqw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/l/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inqwelo**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/nqw/-/e/-/l/-/o/** = **inqwelo**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/nqwe/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/lo/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/i/-/nqwe/-/lo/** = **inqwelo**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nqw**
2 Biza igama: **inqwaba**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nqw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/b/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nqw/-/a/-/b/-/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inqwaba**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/nqw/-/a/-/b/-/a/** = **inqwaba**
11 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/nqwa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ba/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/nqwa/-/ba/** = **inqwaba**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u – **nqw**.
2. Abafundi mababhale amanani 1–3.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **nqwala**
   2. **inqwaba**
   3. **inqwelo**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **nqw**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ushicilelo Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala imihlathi emibini malunga namaphupha kunye neenjongo zakho ngekamva.

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci imihlathi emibini (ubuncinci izivakalisi ezili-12)

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

*Umhlathi 1*

*Iphupha lam kukuba…*

*Eli liphupha lam kuba…*

*Xa ndicinga ... ndi…*

*Ndiyeva…*

*Umhlathi 2*

*Icebo lam lokufezekisa injongo zam …*

*Kuza kufuneka…*

*Ndicinga ukuba izakuba…*

*Xa ekugqibeleni ndiyifezekisa injongo yam, ndicinga…)*

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3. Funda isakhelo sokubhala.
4. Babonise indlela yokugcwalisa isakhelo sokubhala / ifreyimu yokubhala ubhale isihloko nomhla.


#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. **Yalela abafundi ukuba babhale umhla nesihloko:… amaphupha neenjongo zabo (khumbuza abafundi ukuba sisebenzisa ntoni ukubonisa ubunini)**
3. Abafundi mababhale ibali kwakhona ngaphandle kokwenza iimpazamo.
4. Ukuba abafundi banethuba bangenza umzobo ohamba ebali.

5 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.

## ABAFUNDI BABELANA NGEMIBHALO

1 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela abafundi mababeke phantsi iipenisile neepeni.
2 Abafundi mabaguquke bathethe nomlingani.
3 Biza umfundi omnye ukuya kwaba-2 babelane ngombhalo wabo neklasi.
4 Xhoma umsebenzi wabafundi apho afikelela khona amehlo abo ukuze bakwazi ukufunda imisebenzi yabanye



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30



**AMAQELA:** ___________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA...**

1. Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2. Bhala la magama mabini ebhodini: **inqwelo, ingxelo**
3. Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **inqwelo, ingxelo**
4. Cacisa umahluko ku: **/qw/** no **/gx/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1. Bhala la magama mabini ebhodini: **nqwala, inqwaba**
2. Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3. Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **nqwala, inqwaba**
4. Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1. Bhala eli gama ebhodini: **inqwaba**
2. Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3. Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **igaba, inqaba, qaba, tywaba, ingcwaba**

**UYENZA ...**

1. Bhala eli gama ebhodini: **inqwelo**
2. Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3. Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4. Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
   **idlelo, ingxelo, intselo, intswelo**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________



## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ufundo Lwesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUHLOLA IMEKO**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UMalala ulwela imfundo**<br>*Ubusazi ukuba kwihlabathi jikelele, bangaphezu kwezigidi ezili-130 abantwana abangamantombazana abangaphandle kwesikolo ngenxa yokucalulwa ngesini sabo? UMalala Yousafzai unikezele ubomi bakhe ukuze ancede onke amantombazana kwihlabathi jikelele afikelele kwimfundo.* | **Ndiyakhumbula** ukuba asingabo bonke abantua abacinga ukuba abantwana abangamantombazana nabo bafanele ukuba bafunde. Xa abantu becinga ukuba amantombazana namakhwenkwe kufuneka baphathwe ngendlela eyehlukileyo, sithi loo nto *lucalucalulo ngokwesini*. Masicinge nzulu ngaloo nto njengoko sifunda namhlanje. |
| UMalala wazalelwa eMingora, ePakistan ngomhla we-12 kaJulayi, 1997.<br>'Akwaba ebeyinkwenkwe!' watsho omnye wabamelwane kutata kaMalala.<br>'Uza kwenzani ngentombazana?' – ayisoze ikuzisele butyebi! Watsho omnye, enikina intloko.<br>'Ndiza kumnika uMalala onke amathuba ebeya kufunyanwa ngumntwana oyinkwenkwe,' waphendula njalo utata wakhe, ejonge kuloo mehlo makhulu osana lwakhe oluyintombazana. | Apha ndibona ucalucalulo ngokwesini, kuba ummelwane kaZiauddin uyamsizela ngokuba nomntwana oyintombazana endaweni yomntwana oyinkwenkwe! |
| UZiaudidin wasigcina isithembiso sakhe sokunika uMalala namanye amantombazana afana naye onke amathuba awayenokufunyanwa ngabantwana abangamakhwenkwe. Waqala isikolo samantombazana eMingora.<br>'Kutheni wenze isikolo samantombazana?'omnye wabamelwane wakhwaza njalo ebuza uZiauddin njengoko wayesiya emsebenzini.<br>'Kunceda ntoni ukufundisa amantombazana?' watsho omnye, enikina intloko. | Apha ndibona ucalucalulo ngokwesini, kuba abamelwane bacinga ukuba akuyomfuneko ukufundisa amantombazana! Oko ndikubone kwindlela abantu baseTanzania abacinge ngayo ukuba umtshato ubalulekile ukodlula imfundo. Kodwa oko kuchaphazela amantombazana, hayi amakhwenkwe! |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Ngumsebenzi wam ukuqinisekisa ukuba amantombazana elali yethu afumana onke amathuba afunyanwa ngamakhwenkwe,' waphendula ngqwabalala njalo utata kaMalala.<br><br>Wabukela njengoko intwazana yakhe uMalala ikhula ifunda kunye namanye amantombazana aseMingora. | |
| Kodwa kwatshintsha yonke into akuthatha ulawulo amaTaliban elalini yabo. Batshintsha ubomi ngeendlela ezininzi. Ukuba nomabonakude kwavalwa. Ukudlala umculo kwavalwa. Kwaza akwavunyelwa ukuba abantwana abangamantombazana baye esikolweni. | Ndifunda ukuba amaTaliban acalucalula amantombazana, kuba ayekisa amantombazana ukuya esikolweni. Afanele ukuba acinga isikolo sesamakhwenkwe kuphela. Oko kukucalucalula ngokwesini. |
| AmaTaliban ayeseqhushumbise izikolo zamantombazana ezingaphezu kwe-100 xa ayexelela uZiauddin ukuba makavale iingcango zesikolo sakhe.<br><br>'Bendifuna ukunika uMalala namanye amantombazana onke amathuba afunyanwa ngamakhwenkwe – kodwa andinakubeka ukhuseleko lwawo emngciphekweni,' wacinga njalo uZiauddin.<br><br>UMalala wavalelisa kubantwana awayefunda nabo enyembezana. Wayengazi ukuba uya kuze aphinde abe seklasini kunye nabahlobo bakhe kwakhona. | Amantomabzana eTanzania ayeka ukuya esikolweni ngenxa yokutshata emancinane, kodwa amantombazana asePakistan anyanzeleka ukuba ayeke isikolo ngenxa yokucingela ukhuseleko lwawo. Ayejongene nocalucalulo ngokwesini ngeendlela ezahlukileyo. |
| UZiauddin waqhubeka nokufundisa uMalala izinto ezininzi ekhaya. Kodwa uMalala wayekukhumbula ukufunda namanye amantombazana afana naye. | **Ndifunda** ukuba noxa kuzo zonke iindawo lukhona ucalucalulo ngokwesini, ezinye iintsapho zikhetha ukuphatha amantombazana namakhwenkwe ngendlela efanayo. |
| NgoSeptemba 2008, uZiauddin wasa uMalala ePeshwar Press Club, umbutho woonondaba. Kulapho uMalala wenza intetho yakhe yokuqala khona.<br><br>'Ayenza njani amaTaliban into yokohlutha ilungelo lam elisisiseko lemfundo?' uMalala wabuza abaphulaphuli bakhe. Ngosuku olulandelayo, amazwi akhe avela kwiphephandaba nakwiitshaneli zikamabonakude kwiPakistan iphela.<br><br>UMalala wayesazi ukuba amazwi akhe aya kuvusa umnyele kumaTaliban. Kodwa wathatha isigqibo sokungathi cwaka – nokuba oko kuya kumenza ixhoba. | --------- |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UMalala waqhuba ethetha ngokuphandle ethethela ilungelo lakhe lokufunda. Wabhala ikhasana, ukuze abantu kwihlabathi jikelele bayiqonde intsokolo yakhe. Wavela nakumabonakude.<br><br>'Umyeka njani uMalala athethe kumabonakude ngemfundo yamantombazana?' omnye ummelwane wasebezela uZiauddin watsho.<br><br>'Landela imithetho yamaTaliban qha wena!' wathetha ngqwabalala watsho omnye, enikina intloko.<br><br>'Ndinike uMalala ithuba elifanayo namakhwenkwe kwaye ngoku, uyazithethela,' waphendula watsho ngokuziqhayisa utata kaMalala. | URebeca noMalala **bobabini** bafuna ukulwa ucalucalulo ngokwesini. **Ndicinga** ukuba afanele ukuba maninzi amantombazana kwihlabathi jikelele alwela ukuba amantombazana aphathwe ngendlela efanayo namakhwenkwe. |
| Wathi uMalala njengoko esiya esaziwa, waba lixhoba ngakumbi waza wafumana izothuso zokubulawa. UMalala wayesoyika, kodwa uloyiko lwakhe aluzange lumthintele ekuthetheni ngokuphandle ethethela amantombazana. | ------- |
| NgoOkthobha 2012, endleleni egodukayo evela kuhlalela uviwo, ebhasini kaMalala kwakhwela umbulali ozigqume ubuso. 'Ngubani uMalala?' wabuza njalo. Waza, wadubula uMalala entloko kwicala lasekhohlo.<br><br>Wenzakala kakubi uMalala kodwa akafa. Wathathwa ngenqwelomoya kwisibhedlele samajoni ePakistan wasiwa kwesinye, waza emva kwexesha kwandizwa naye ukuya e-UK esiya kufumana unyango khona.<br><br>Athi amaTaliban akufumanisa ukuba uMalala akafanga, akhupha umpoposho othi aza kumzingela kwakhona ukuba ubuyele ePakistan. | Ucalucalulo ngokwesini yinto efuna ukuthathelwa ingqalelo. Lwaphantse lwabulalisa uMalala. **Ndicinga** ukuba le yingxaki ekufanele ukuba siyilwa sonke! |
| Kodwa uMalala wafumana imiyalezo emnandi evela kwihlabathi jikelele.<br><br>'Siyabulela ngokuba liqhawe lemfundo yamantombazana,' yayisitsho enye ileta.<br><br>'Ulibonisile ihlabathi ubunzima athi abufumane amanye amantombazana ukuze afumane imfundo. Siyabulela ngokunceda utshintshe ihlabathi,' umyalezo kaFacebook wawusitsho.<br><br>'Ngumsebenzi wam ukuqinisekisa ukuba onke amantombazana afumana ithuba elifanayo nelifunyanwa ngamakhwenkwe,' wagqiba njalo uMalala. | UMalala noRebeca **bobabini** bayimizekelo yokuba xa sibona okungalunganga, kubalulekile ukuphakama sithethe silwele okulungileyo. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Xa wayeneminyaka eli-17 kuphela, uMalala wawongwa ngembasa iNobel Peace Prize. Wayengoyena mncinane kwabakhe bayiphumelela ngaphambili! UMalala usaqhuba umsebenzi wakhe wokusebenza adale ihlabathi apho amantombazana anokufunda khona ze akhokhele. | **Ndicinga** ukuba uRebeca noMalala **bobabini** bafuna ukwenza ngcono ihlabathi ngokulwa nocalucalulo ngokwesini. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Yintoni ucalucalulo ngokwesini? | Ucalucalulo ngokwesini kuxa amakhwenkwe namantombazana ephathwa ngendlela eyahlukileyo / enganikwa mathuba afanayo. |
| Ungaziva njani xa kunokubakho umntu okucalucalulayo ngenxa yesini sakho? | Ndingaziva… kuba… |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze bobabini uRebeca Gyumi noMalala Yousafzai banikezele ubomi babo ekubeni balwele imfundo yamantombazana? | • Kuba bobabini babekholelwa ukuba amantombazana amele ukufumana amathuba afanayo namakhwenkwe.<br>• Kuba bobabini bakhulela kwiintsapho ezazingacalucaluli – babefuna onke amantombazana afane nabo.<br>• Kuba imfundo yayibalulekile kubo bobabini, babefuna ukuqinisekisa ukuba onke amantombazana ayayifumana imfundo nawo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15



### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- isoyikiso
- ukusinda
- ukonzakala

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndizimisele ndizinikel'esikolweni | *Beka izandla esifubeni* |
| Wena sikolo uyinto yonke | *Khomba ubuye uvule izandla unge ufunda incwadi* |
| Ndinecebo ndolizuz'iphupha | *Beka umnwe wokukhomba ecaleni entloko* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | *Vula isandla usikhombe ngesinye* |
| Impumelel'is'ezandleni zam | |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Eli bali lingo…
Into enye endiyifundileyo kweli bali…
Ndicinga ukuba uMalala u……ngoba…..
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.
4 Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **ngc** | **nqw** | **i** |
| **a** | **e** | **w** |
| **m** | **u** | **b** |
| **o** | **n** | **l** |

#### YENZA UMFUZISELO

1. Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ngc/** no **/nqw/**
2. Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3. Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4. Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/nqw/-/a/-/l/-/a/ = nqwala**
5. Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ngc/ okanye /nqw/**
6. Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/b/-/a/-/l/-/a/ = bala**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1. Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ngc, nqw**
2. Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3. Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama: **ingca, ingcawe, ingcambu, ingcongconi, nqwala, inqwaba, inqwelo, bala, wena, nwabu, imbali**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda



**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA**

**BALISA IBALI**

**ISISHWANKATHELO SEBALI ESIBHALIWEYO**

1 Phambi kokuba isifundo siqale, bhala esi sihloko silandelayo, imibuzo kunye neziqalisi zezivakalisi ebhodini.
2 Funda yonke imibuzo kunye nabafundi, uyicacise xa kukho imfuneko.
3 Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** ze baxoxe ngale mibuzo neqabane.
4 Emva koko, abafundi mabavule iincwadi zabo zokubhala, babhale umhla nesihloko, babhale iimpendulo zemibuzo.
5 Kwimizuzu emihlanu phambi kokuphela kwesifundo, funda iimpendulo kunye nabafundi, uze ubavumele ukuba balungise owabo umsebenzi.

***UMALALA ULWELA IMFUNDO***

1 Wazalelwa phi uMalala?
UMalala wazalelwa...
2 Wayeneminyaka emingaphi uMalala ngethuba ephumelela iNobel Peace Prize?
UMalala waye… xa waphumelela iNobel Peace Prize
3 Wadutyulelwa ntoni uMalala?
UMalala wadutyulwa kuba…

***UMALALA ULWELA IMFUNDO – IIMPENDULO***

1 Wazalelwa phi uMalala?
UMalala wazalelwa eMingora, ePakistan
2 Wayeneminyaka emingaphi uMalala ngethuba ephumelela iNobel Peace Prize?
UMalala wayeneminyaka elishumi elinesixhenxe ubudala ngethuba ephumelela iBhaso loxolo likaNobel
3 Kutheni wadutyulwa uMalala?
UMalala wadutyulwa kuba wayesilwa neTaliban kwaye wayethetha ngemfundo yakhe.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo yiza nefoto zabantu abenza i-yoga; Cela abafundi ukuba bazobe imifanekiso yento ebenza bazive bezolile kwaye bekhululekile ze uyibeke etafileni.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngemeditheyishini yabantwana .
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.
8. Hlenga hlengisa amaqela akho okufunda notitshala ukuba kunyanzelekile.
9. Hlela uhlolo lwakho olusesikweni nolungekho sesikweni lweveki.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 78, **Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 79 & 80 **Masibhale**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 81 **Masibhale**

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari malunga nexesha ongaziva uzolile ngalo – yintoni ebangele ukuba uzive ngaloo ndlela**.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

**YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO**

1 Bonisa abafundi umfanekiso kaZandile emeditheyitha ebalini leNcwadi eNkulu: **UZandile ufunda ukumeditheyitha**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha obizwa ngokuba: **Ukuziva sizolile kwaye sikhululekile** .
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Injani imeko xa ungazolanga?
   b Wenza ntoni ukuze uzive uzolile?
   c Yintoni ekwenza uzive ukhululekile?

**AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO**

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - Point – Khomba igama
   - Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - ukuzola
   - ekhululekile
   - ukumeditheyitha

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Sondela kum ndikubonise | *Khweba ubuye ukhombe amehlo akho* |
| Wophol'engqondweni ube nokuzola | |
| Dibanis'izandla zijonge phezulu | *Dibanisa izandla unge uza kuthandaza* |
| Vala amehlo utsale umoya | *Vala amehlo uphefumle* |
| Yithi ummmm.... ummmmm | *Yenza isandi esithi ummmm ...ummmm* |
| Uvule izandla | *Vula izandla ziye emacaleni* |

IVEKI 3

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1–5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3 Biza izivakalisi kwisinye ngolu hlobo lungezantsi. Abafundi mababhale iizivakalisi ecaleni kwenani elichanelekileyo
   **Izivakalisi Isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ndiza kupakisha le bhokisi.
   2 Ndiza kuhlamba le glasi.
   3 Abantu balele elunxwemeni.
   4 Ndinebrashi yokubrasha iinwele zam.
   5 Ndophule isitya.
4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona kwisininzi.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo: apho kukho utshintsho khona
7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:
   **Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ndiza kupakisha le bhokisi.
      Ndiza kupakisha iibhokisi
   2 Ndiza kuhlamba le glasi.
      Ndiza kuhlamba iiglasi
   3 Abantu balele elwandle
      Abantu balele elwandle.
   4 Ndinebrashi yokubrasha iinwele zam.
      Ndineebrashi zokubrasha iinwele zam.
   5 Ndophule isitya.
      Ndophule izitya
8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UZandile ufunda ukumeditheytha!**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________



## UkuBhala:

Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ileta eya kumhlobo okanye isizalwane malunga nokuziva uzolile kwaye ukhululekile. Umhlathi wokuqala uza kuba malunga nezinto ezikwenza uzive uzolile kwaye ukhululekile. Umhlathi wesibini uza kuba malunga nexesha owaziva unomsindo okanye ukhathazekile ngalo, kunye nendlela owazithomalalisa ngayo.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini ibe kwizivakalizi ezili – 12.

**UBUGCISA BOKUYILA:** Bhala uluhlu

**YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHALA**

1 Bonisa abafundi ukuba ababhali **bayacinga phambi kokuba babhale**.
2 Cacisa iimbono zakho ngesi sihloko umzekelo:
*Ndiyakuthanda ukuhamba uhambo olude xa ndikhathazekile. Uhambo olude lundenza ndizive ndizolile kwaye ndikhululekile. Ngokuqinisekileyo ndiza kuyibeka kwileta yam lonto!*

## YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)

1 Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe ifreyimu yokuplana ukubhala.
2 Bonisa abafundi indlela owenza ngayo uluhlu uphendula imibuzo.
3 Phendula imibuzo kwelinye icala le freyimu yokuplana.

| **Imibuzo** | **Imibuzo** |
|---|---|
| ***Umhlathi woku-1***<br>**1** Yintoni ekwenza uzive uzolile kwaye ukhululekile?<br>**2** Kutheni ezi zinto zikwenza uzive uzolile kwaye ukhululekile?<br>**3** Ngaba ikhona into ocinga ukuba ingakwenza uzive uzolile kwaye ukhululekile kodwa awukayizami?<br>***Umhlathi wesi* – 2**<br>**1** Kuxesha nini apho uziva ukhathazekile okanye unomsindo?<br>**2** Wenze ntoni ukuze uzole?<br>**3** Ngaba ucinga ukuba wenze umsebenzi omhle? Kutheni usitsho?<br>**4** Yintoni ongayenza ngokwahlukileyo kwixesha elizayo?<br>**5** Zithini izifundo onokuzisebenzisa kumhlathi 1 ukukunceda ngoku?<br>**6** Ngowuphi umbuzo onokuwubuza umhlobo wakho / isizalwane sakho malunga nesi sihloko? | ***Umhlathi woku-1***<br>**1** **U**kuhamba okude, ukufunda iincwadi, ukwenza igadi<br>**2** Uhambo olude – indalo iyayipholisa intloko yam; ukufunda kufana nokuya kwilizwe elahlukileyo; Igadi – indalo kunye nokwenza into ngezandla zam.<br>**3** Mhlawumbi ukumeditheyitha?<br>**4** Ngaba ikhona into oyenzayo nje ngam yokuziva uzolile kwaye uphumle<br>***Umhlathi wesi* – 2**<br>**1** Ndaziva ndikhathazekile xa ndisilwa nomama.<br>**2** Ndihambe uhambo olude ukuze ndicoce intloko.<br>**3** Ewe, ndahambahamba kunokuba ndibe ndiphendula.<br>**4** Akukho nto.<br>**5** Ukuba xa ndiziva ndinomsindo ukuhamba kunokunceda ukucoca intloko yam kwaye ndiqiniseke ukuba andithethi nto ndizakuzisola kamva.<br>**6** Yintoni ongayenza ukuze uphele umsindo xa unokubambana nomama wakho? |

## ABAFUNDI BASEBENZISA ICEBO LOKUPLANA (UYENZA)

1 Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngexesha apho babenyaniseke ngalo nangona kwakunzima.
2 Yalela abafundi **baguquke bathethe** nomhlobo, besabelana ngamabali.
3 Bonisa abafundi ifremu yeplani ebhodini, mabayikope ukuze bazo kubhala eyabo.
4 Banike **incwadi zokubhala**
5 Baxelele abafundi ukuba ngoku lithuba lokuba babhale ezabo iimbono **bangakopi** ezi zikaTitshala.
6 Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**


Isicwangciso

Umhlathi 1

1. Ndihleli ndizolile egumbini lam, ndincokola nomhlobo wam
2. Ndihleli egumbini lam – ndiyakwazi ukuhlala ngokuzola ndiphefumle
3. Ndincokola nomhlobo wam– Siyahlekisana
4. Mhlawumbi sithi chu solule imilenze?
5. Wenza ntoni ukuze uzive unokuzola uzive uphotile?

Umhlathi 2

1. Ndaziva ndicaphuka xa ndandixabana nodade wethu.
2. Ndahlala egumbini lam ndehlisa umsindo.
3. Ewe, ndahlala ndedwa kwaye andizange ndithethe ndikhwaze.
4. Andenza nto
5. Kunjalo xa ndicaphukile ndiyesuka kulowo undicaphukisayo kuba oko kungcono kunokuba nomlo omkhulu.
6. Ungenza ntoni ukuzinika ukuzola xa uthe waxabana nodade wenu?



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda3**.
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama



**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ntsh**
2 Biza igama: **iintshaba**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/ii/**-**/ntsh/**-**/a/**-**/b/**-**/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/ii/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ntsh/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
8 Biza isandi sesine: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **iintshaba**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/ii/**-**/ntsh/**-**/a/**-**/b/**-**/a/** = **iintshaba**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/ii/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ntsha/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/ba/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/ii/**-**/ntsha/**-**/ba/** = **iintshaba**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ntsh**
2 Biza igama: **intshongo**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ntsh/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/o/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ng/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine? **/o/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-**/ntsh/**-**/o/**-**/ng/**-**/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intshongo**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: **/i/**-**/ntsh/**-**/o/**-**/ng/**-**/o/** = **intshongo**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ntsho/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ngo/**
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/i/**-**/ntsho/**-**/ngo/** = **intshongo**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ntsh**
2. Abafundi mababhale amanani 1–6.
3. Bizela la magama alandelayo:
    1. **intsha**
    2. **iintshaba**
    3. **intsholo**
    4. **intshongo**
    5. **intshukumo**
    6. **intshumayelo**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5. Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ntsh**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ufundo Lokuqala


### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UZandile ufunda ukumeditheytha</u>**<br><br>UZandile wavuka ekuseni. Kwakusemnyama phakathi endlwini. Wathatha incwadi waphuma phandle. Wahlala phantsi wafunda. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZandile ufanele ukuba ebevuke phambi kwexesha kuba kusemnyama phakathi endlwini. |
| Esafunda njalo weva ingxolo engaqhelekanga. Waphakama wema phezu kwesitulo, wakroba ngaphaya kocingo. Wabona uMnu noNkskz Kapoor behleli phantsi bhaxa. Babeculela ezantsi bengaphumelisi ngaphandle.<br><br>'Ingaba benza ntoni?' wamangala uZandile. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZandile ujonga ngaphaya kocingo ukuze abone ukuba isuka phi le ngxolo ingaqhelekaga ayivayo! |
| Ngolo suku esikolweni, uZandile wabona uGeeta esitya isidlo sakhe sasemini. 'Ndibone abazali bakho behleli phantsi bhaxa emhlabeni kusasa namhlanje," watsho uZandile.<br><br>'Bekutheni ze benze oko? Ibingumbono ongaqhelekanga!'<br><br>'Asingombono ungaqhelekanga!' watsho uGeeta. 'Kukumeditheytha!'<br><br>'Kukuthini ukumeditheytha?'<br><br>'Ukumeditheytha ku xa ufuna ukuzola nokuphola kwengqondo,' waphendula njalo uGeeta. | UZandile ubone abazali bakaGeeta, ngoko ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uGeeta noZandile ngabamelwane. |
| Ngaloo mva kwemini, akufika ekhaya uZandile wajikela emva kwendlu. Wahlala phantsi bhaxa emhlabeni. Waphithanisa imilenze. Wenza ingonyana esezantsi engaphumelisiyo, 'Hhhhmmm,'<br><br>Kodwa, akazange afumane kuzola. 'Ndiyacinga ingaba kusebenza njani oku?' wamangala uZandile. | UZandile wenza zonke izinto azibone zisenziwa ngabazali bakaGeeta. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uzama ukumeditheytha! |
| Ngosuku olulandelayo, uZandile wafika kuGeeta wathi, 'Ndizamile ukumeditheytha. Kodwa akukhange kusebenze! Andikhange ndizive ndinokuzola.'<br><br>UGeeta waphela yintsni, 'Awenzanga ngendlela efanelekileyo!'<br><br>'Uthetha ukuthini?' wabuza uAndile, ubuso bakhe busiba shushu. 'Wazi njani?'<br><br>Izidlele zikaGeta zajika zabomvu. 'Mh, ndikubonile ngaphaya kocingo.' | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZandile ebengazi ukuba uboniwe nguGeeta ezama ukumeditheytha! Jonga ubuso bakhe emfanekisweni! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uneentloni xa esiva ukuba uGeeta ebemjongile! |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| UZandile noGeeta baphela yintsini bobabini. 'Yiza ekhaya ukuphuma kwesikolo,' watsho uGeeta. 'Ndiqinisekile utata uya kukubonisa into omawuyenze.' | |
| Ukuphuma kwesikolo, uZandile wabeka ubhaka wakhe kowabo. Waza waye kwammelwane. Wankqonkqoza kwikhaya lakwaKapoor.<br><br>UGeeta wavula ucango. 'Oo, molo Zandile!' watsho uGeeta. 'Ngena ngaphakathi. Ndimxelele utata ukuba uyeza.'<br><br>UMnu Kapoor wayehleli etafileni ekhitshini, efunda iphepha-ndaba. 'Zandile!' watsho ngoncumo lukaBlankethi. 'Ndivile ukuba ufuna ukumeditheytha! Uyintwazana ehlakaniphileyo! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi,uZandile ufanele ukuba ukufuna ngenene ukufunda ukumeditheytha, kuba uya kwikhaya lakwaKapoor efuna uncedo! |
| UMnu Kapoor wabeka phantsi iphepha-ndaba lakhe. 'Yiza,' watsho ekhomba uZandile. 'Yiza nawe,' watsho uMnu Kapoor kuGeeta. Iintombi zamlandela ukuya emva kwendlu.<br><br>UMnu Kapoor wabonisa uZandile indlela yokuhlala. UGeeta wancedisa uZandile abeke izandla zakhe ngendlela efanelekileyo. Bambonisa uZandile indlela yokutsala umoya nzulu ngokucothayo. 'Libala yonke into,' watsho uGeeta.<br><br>'Vala nje amehlo ucinge ngokuphefumla kwakho,' | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZandile akazange ache ameditheythe ngaphambili kuba akayazi into eyenziwayo! |
| Bahlala kunye ixesha elide.<br><br>UZandile wazama ukucinga ngokuphefumla kwakhe, kodwa kwathontelana izinto ezininzi engqondweni yakhe. Wacinga ngomsebenzi wasekhaya weMathematika. Wacinga ngendlela awayelambe ngayo. Wacinga ngento eyayiza kuphekwa ngumama wakhe ngesidlo sasemini. | ------ |
| 'Ingaba uziva unokuzola emoyeni?' uMnu Kapoor wabuza kuZandile.<br><br>'Umm, andazi nokuba ndingayenza le nto!' waphendula watsho uZandile. 'Andikhange ndikwazi ukucinga ngendlela endiphefumla ngayo.'<br><br>'Kuthatha ukuziqhelisa oko,' watsho uGeeta. 'Buya kwakhona ngomso ukuba uyafuna! Singaziqhelisa sikunye!' | -------- |
| Waza wenza njalo. | UZandile wabuyela kwakhona esiya kuzama ngosuku olulandelayo. Oku kundenza **ndizithathela isigqibo** ndithi ufuna ngokwenene ukufunda ukumeditheytha! |

IVEKI 3

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Ngoobani abamelwane bakaZandile? | NgabakwaKapoor. NguGeeta nabazali bakhe. |
| Wayefuna ukufunda ukwenza ntoni uZandile? | Wayefuna ukufunda into eyenziwayo. |
| Kufuneka enze ntoni xa emeditheytha? | Kufuneka ahlale ngendlela efanelekileyo. Kufuneka abeke izandla zakhe ngendlela efanelekileyo. Kufuneka atsale umoya onzulu ecotha. Kufuneka avale amehlo acinge ngokuphefumla kwakhe. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uZandile aye kwikhaya lakwaKapoor? | • Kuba ufuna ukufunda ukumeditheytha.<br>• Kuba uGeeta umxelele ukuba angeza eze kufunda.<br>• Mhlawumbi ebefuna ngenene indlela yokufumana ukuzola ngokwasemoyeni. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15



**ISIGAMA SOMXHOLO**


**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- ucingo
- ukukrwaqula
- engaqhelekanga

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Sondela kum ndikubonise | *Khweba ubuye ukhombe amehlo akho* |
| Wophol'engqondweni ube nokuzola | |
| Dibanis'izandla zijonge phezulu | *Dibanisa izandla unge uza kuthandaza* |
| Vala amehlo utsale umoya | *Vala amehlo uphefumle* |
| Yithi ummmm…. ummmmm | *Yenza isandi esithi ummmm …ummmm* |
| Uvule izandla | *Vula izandla ziye emacaleni* |

**UBUGCISA BOKUBALISA IBALI**

**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.



## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

## Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

### NDIYENZA

1 Biza isandi**: ndlw**
2 Biza igama: **indlwana**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ndlw/-/a/-/n/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ndlw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/n/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **indlwana**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ndlw/-/a/-/n/-/a/** = **indlwana**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ndlwa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/na/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/i/-/ndlwa/-/na/** = **indlwana**

### SIYENZA

1 Biza isandi: **ndlw**
2 Biza igama: **isandlwana**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/s/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/ndlw/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/a/**
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sesitandathu kweli gama? **/n/**
9 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
10 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/s/-/a/-/ndlw/-/a/-/n/-/a/**
11 Bhala igama elipheleleyo: **isandlwana**
12 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/s/-/a/-/ndlw/-/a/-/n/-/a/** = **isandlwana**
13 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
14 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/sa/**
15 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ndlwa/**
16 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/na/**
17 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/sa/-/ndlwa/-/na/** = **isandlwana**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u – **ndlw**.
2 Abafundi mababhale amanani 1–2.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **indlwana**
   2 **isandlwana**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.



### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________


Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ndlw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



## UkuBhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:**

**Bhala ileta eya kumhlobo okanye isizalwane sakho malunga nokuziva uzolile kwaye ukhululekile. Umhlathi wokuqala uza kuba malunga nezinto ezikwenza uzive uzolile kwaye ukhululekile.**

**Umhlathi wesibini uza kuba malunga nexesha owaziva unomsindo okanye ukhathazekile ngalo, kunye nendlela owakwazi ngayo ukuphinda uhlise umsindo uzole .**

**UMSEBENZI: Bhala ubuncinane izivakalisi ezili-12 kwimihlathi emibini.**

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**………… endimthandayo**

Ndikubhalela ukuxelela malunga…

Ndiziva ndizolile kwaye ndikhululekile xa… (Bhala izivakalisi ezi-2–3 malunga noku)

Ndingathanda ukuzama….

(Buza umbuzo kulowo ubhalele yena!)

Ngenye imini …

Ndaziva…

Ndagqiba kwelokuba…

Ndicinga ukuba ndenze / andenzanga msebenzi mhle kuba…

Kwixesha elilandelalayo…

(Buza umbuzo kulowo ubhalele yena!)

Nceda uphendule ngokukhawuleza!

Ngothando

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

IVEKI 3

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3. Funda ifreyimu yokubhala.

4 Babonise indlela yokugcwalisa isakhelo sokubhala / ifreyimu yokubhala usebenzisa iplani yakho njengalapha:
**Mbali othandekayo**
**Ndikubhalela ndikuxelela** ngokuziva ndizolile kwaye ndikhululekile, ebesikhe saxoxa ngako esikolweni. **Ndiziva ndizolile kwaye ndikhululekile** xa ndithatha uhambo olude, kuba ndiyayithanda indalo. Ukuthatha uhambo olude kuyayicoca intloko kwaye kundinceda ndicinge. **Ndiziva ndizolile kwaye ndikhululekile xa ndisebenza egadini yam.** Ndiyakuthanda ukwenza igadi kuba ndiye ndimbe emhlabeni kwaye ndicinge ukuba izityalo zam ziyakhula. **Ndingathanda ukuzama ukumeditheyitha** kuba besifunda ngako esikolweni. **Wenza ntoni wena ukuze uzive uzolile kwaye ukhululekile?**
**Ngenye imini** ndalwa nomama wam. **Ndaziva ndinomsindo**. **Ndagqiba kwelokuba ndehlise umoya** ngokuhamba uhambo olude, olwandenza ndaziva ndingcono kakhulu. **Ndicinga ukuba** ndenza umsebenzi omhle kuba ukuhamba kwam kwehlisa umoya wam. Zange ndibe ndikhwazana nomama. Ukubuya kwam, sahlala phantsi, sancokola sayilungisa ingxaki. **Kwilixa elizayo** xa ndisilwa nabani na, ndiza kuzama ukuqinisekisa ukuba ndithatha uhambo kunokuba ndikhwaze. **Yintoni ongayenza ukuze uzole xa unokuxabana nomama wakho?**
Nceda undiphendule ngokukhawuleza!
Ngothando
Catherine

## ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA )

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Ngamanye amaxesha ukuthembeka kunzima: iDrafti**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa esa sicwangciso sabo.
5 Abafundi bangazongeza izivakalisi okanye izimvo zabo ukuba banexesha.
6 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
7 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.

Ileta engokuziva unokuzola nokuphola: Idrafti

Mary endimthandayo,


Ndikubhalele ukuze ndikuchazele ngokuziva unokuzola nokophumla, oko besisanda kufunda ngako esikoleni. Ndiziva ndinokuzola nokuphola xa ndehlele ndedwa ndizolile egumbini lam. Ukuhlala ndidwa kundinceda ndihlale ndinokuzola ndiphefumly. Ndiziva ndinokuzola ndipholele xa ndithetha nabahlobo bam kuba siyahleka sonabisane. Ndinqwenela ukuthi chu ndulole imilenze kuba utitshala wam uthi kuyamnceda ukwenza njalo. Wena wenzane ukuze ube nokuzola uzive upholile?

Ngenye emine ndaxabana nodade wethu. Ndandicaphuka ngiyona ndlela. Ndathatha isigqibo sokwehisa umoya ngokuya egumbini lam ndihlale khona ndizole. Ndicinga ukuba ndenza into entle kuba oko kawehlisa umoya wam. Andizange ndimkhwaze udade wethu ndingxole. Kwixesha elizayo xa ndixabana numnto ndiza kuqinisekisa ukuba ndiyasuka kuye ndiye kuzihlalela bucale ndizole kunokuba ndinyusane nomntu silwe. Ungenzany wena ukwehlisa umoya xa ute waxabana nodade wenu?

Nceda ubhale umsinya undiphendule!

Umhlobo wakho,

Mavis



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15



**NDIYENZA……**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **intsha, ingca**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **in<u>tsh</u>a, ing<u>c</u>a**
4 Cacisa umahluko ku: **/tsh/** no **/gc/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA…**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **iintshaba, inqwaba**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **<u>iintsh</u>aba, <u>inqw</u>aba**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **iintshaba**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **igaba, inqaba, qaba, tywaba, ingcwaba, inqwaba**

**UYENZA …**

1 Bhala eli gama ebhodini: **intsholo**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**isikolo, izolo, itsolo, inzolo, igqolo**

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ufundo Lwesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UZandile ufunda ukumeditheytha**<br><br>UZandile wavuka ekuseni. Kwakusemnyama phakathi endlwini. Wathatha incwadi waphuma phandle. Wahlala phantsi wafunda. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni uZandile evuke ngeli xesha? Mhlawumbi akakwazi ukulala kuba kukho into emkhathazayo! |
| Esafunda njalo weva ingxolo engaqhelekanga. Waphakama wema phezu kwesitulo, wakroba ngaphaya kocingo. Wabona uMnu noNkskz Kapoor behleli phantsi bhaxa. Babeculela ezantsi bengaphumelisi ngaphandle.<br><br>'Ingaba benza ntoni?' wamangala uZandile. | UZandile uyamangala ukuba benza ntoni abakwaKapoor, ngoko ke **ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uyaqala ukubona abantu bemeditheytha . |
| Ngolo suku esikolweni, uZandile wabona uGeeta esitya isidlo sakhe sasemini. 'Ndibone abazali bakho behleli phantsi bhaxa emhlabeni kusasa namhlanje," watsho uZandile.<br><br>'Bekutheni ze benze oko? Ibingumbono ongaqhelekanga!'<br><br>'Asingombono ungaqhelekanga!' watsho uGeeta. 'Kukumeditheytha!'<br><br>'Kukuthini ukumeditheytha?'<br><br>'Ukumeditheytha ku xa ufuna ukuzola nokuphola kwengqondo,' waphendula njalo uGeeta. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni uZandile esithi, 'Ibiyinto engaqhelekanga?' oo! **ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ucinga kuba ubone into engaqhelekanga kuba ebeqala ukubona abantu bemeditheytha . Ndiyazi ukuba ngamanye amaxesha abantu bacinga ukuba izinto aziqhelekanga xa bengazange bazibona ngaphambili. |
| Ngaloo mva kwemini, akufika ekhaya uZandile wajikela emva kwendlu. Wahlala phantsi bhaxa emhlabeni. Waphithanisa imilenze. Wenza ingonyana esezantsi engaphumelisiyo, 'Hhhhmmm,'<br><br>Kodwa, akazange afumane kuzola. 'Ndiyacinga ingaba kusebenza njani oku?' wamangala uZandile. | UZandile uthathe isigqibo sokuba naye ufuna ukuzama ukumeditheytha emva kokuthetha noGeeta ngako. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZandile unokuba ufuna indlela yokuzola emoyeni. |
| Ngosuku olulandelayo, uZandile wafika kuGeeta wathi, 'Ndizamile ukumeditheytha. Kodwa akukhange kusebenze! Andikhange ndizive ndinokuzola.'<br><br>UGeeta waphela yintsni, 'Awenzanga ngendlela efanelekileyo!'<br><br>'Uthetha ukuthini?' wabuza uAndile, ubuso bakhe busiba shushu. 'Wazi njani?' | Xa izidlele zikaZandile zisiba shushu, ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uneentloni. Uneentloni kuba ebengazi ukuba kukho umntu ombonayo ngelixa ezama ukumeditheytha kwaye ebengayazi nento emakayenze! |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Izidlele zikaGeta zajika zabomvu. 'Mh, ndikubonile ngaphaya kocingo.'<br><br>UZandile noGeeta baphela yintsini bobabini. 'Yiza ekhaya ukuphuma kwesikolo,' watsho uGeeta. 'Ndiqinisekile utata uya kukubonisa into omawuyenze.' | |
| Ukuphuma kwesikolo, uZandile wabeka ubhaka wakhe kowabo. Waza waye kwammelwane. Wankqonkqoza kwikhaya lakwaKapoor.<br><br>UGeeta wavula ucango. 'Oo, molo Zandile!' watsho uGeeta. 'Ngena ngaphakathi. Ndimxelele utata ukuba uyeza.'<br><br>UMnu Kapoor wayehleli etafileni ekhitshini, efunda iphepha-ndaba. 'Zandile!' watsho ngoncumo lukaBlankethi. 'Ndivile ukuba ufuna ukumeditheytha! Uyintwazana ehlakaniphileyo! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uZandile akakwazi ukumeditheytha, kodwa ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uyakuthakazelela ukufumana uncedo ze afunde! |
| UMnu Kapoor wabeka phantsi iphepha-ndaba lakhe. 'Yiza,' watsho ekhomba uZandile. 'Yiza nawe,' watsho uMnu Kapoor kuGeeta. Iintombi zamlandela ukuya emva kwendlu.<br><br>UMnu Kapoor wabonisa uZandile indlela yokuhlala. UGeeta wancedisa uZandile abeke izandla zakhe ngendlela efanelekileyo. Bambonisa uZandile indlela yokutsala umoya nzulu ngokucothayo. 'Libala yonke into,' watsho uGeeta.<br><br>'Vala nje amehlo ucinge ngokuphefumla kwakho,' | UGeeta unceda uZandile. **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uyakwazi ukumeditheyth a, njengabazali bakhe. |
| Bahlala kunye ixesha elide.<br><br>UZandile wazama ukucinga ngokuphefumla kwakhe, kodwa kwathontelana izinto ezininzi engqondweni yakhe. Wacinga ngomsebenzi wasekhaya weMathematika. Wacinga ngendlela awayelambe ngayo. Wacinga ngento eyayiza kuphekwa ngumama wakhe ngesidlo sasemini. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukumeditheytha kunzima. Kubonakala kumnzimele uZandile ukucinga kuphela ngendlela aphefumla ngayo, njengoko ebexelelwe nguGeeta ukuba makenze njalo. |
| 'Ingaba uziva unokuzola emoyeni?' uMnu Kapoor wabuza kuZandile.<br><br>'Umm, andazi nokuba ndingayenza le nto!' waphendula watsho uZandile. 'Andikhange ndikwazi ukucinga ngendlela endiphefumla ngayo.'<br><br>'Kuthatha ukuziqhelisa oko,' watsho uGeeta. 'Buya kwakhona ngomso ukuba uyafuna! Singaziqhelisa sikunye!' | Ndiyacinga ingaba kutheni uZandile engaziva enokuzola emoyeni? Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, kungenxa yokuba ukumeditheytha kufuna ukuziqhelisa. Kufuneka uziqhelise ngaphambili ukumeditheytha phambi kokuba kukuncede uzive unokuzola emoyeni. |

IVEKI 3

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Waza wenza njalo. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi, uZandile uzimisele ngokwenene ukufunda ukumeditheytha xa ebuyela ngosuku olulandelayo esiya kuziqhelisa! Ufuna ukufunda noxa ilinge lokuqala liye lanzima! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Wabona ntoni uZandile akukroba ngaphaya kocingo? | Wabona abakwaKapoor (abazali bakaGeeta) bemeditheytha emva kwendlu. |
| Wabona ntoni uGeeta akukroba ngaphaya kocingo? | Wabona uZandile ezama ukumeditheytha. |
| Waziva njani uZandile akufumanisa ukuba uGeeta umbonile? | • Usenokuba wayeneentloni.<br>• Usenokuba wothuka. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kutheni uZandlile kufuneka eziqhelisile ukumeditheytha? | • Kuba ukucamngca uqhagamshele ngokomoya kufuna ukuziqhelisa.<br>• Kuba ufuna ngokwenene ukufunda ukucamngca aqhagamshele ngokomoya.<br>• Kuba usafunda ukucamngca aqhagamshele ngokomoya.<br>• Kuba xa elinga, akaziva enokuzola emoyeni.<br>• Kuba ufuna ukuziqhelisa de azive enokuzola emoyeni. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- idatha
- cofa
- skrola

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Sondela kum ndikubonise | *Khweba ubuye ukhombe amehlo akho* |
| Wophol'engqondweni ube nokuzola | |
| Dibanis'izandla zijonge phezulu | *Dibanisa izandla unge uza kuthandaza* |
| Vala amehlo utsale umoya | *Vala amehlo uphefumle* |
| Yithi ummmm.... ummmmm | *Yenza isandi esithi ummmm ...ummmm* |
| Uvule izandla | *Vula izandla ziye emacaleni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 **Bhala isakhelo esngxoxo ebhodini.**
KweIi bali …
Ndiyithandile ngokuya ……
Eli bali layamene nomxholo '**Ukuziva sizolile kwaye sikhululekile"** **…….**
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.
4 Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **ntsh** | **ndlw** | **a** |
| **i** | **b** | **l** |
| **o** | **n** | **s** |
| **g** | **m** | **u** |

#### YENZA UMFUZISELO

1. Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ntsh/** no **/ndlw/**
2. Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3. Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4. Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/-/ntsh/-/a/ = intsha**
5. Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ntsh/ okanye /ndlw/**
6. Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/b/-/a/-/l/-/a/ = bala**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1. Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ntsh, ndlw**
2. Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3. Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama: **intsha, iintshaba, intsholo, intshongo, indlwana, Isandlwana, bala, usula, imbasa, imbongi**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**BALISA IBALI**

**ISISHWANKATHELO SEBALI ESIBHALIWEYO**

1. Phambi kokuba isifundo siqale, bhala esi sihloko silandelayo, imibuzo kunye neziqalisi zezivakalisi ebhodini.
2. Funda yonke imibuzo kunye nabafundi, uyicacise xa kukho imfuneko.
3. Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** ze baxoxe ngale mibuzo neqabane.
4. Emva koko, abafundi mabavule iincwadi zabo zokubhala, babhale umhla nesihloko, babhale iimpendulo zemibuzo.
5. Kwimizuzu emihlanu phambi kokuphela kwesifundo, funda iimpendulo kunye nabafundi, uze ubavumele ukuba balungise owabo umsebenzi.

***UZANDILE UFUNDA UKUMEDITHEYTHA***

1. Wabona ntoni uZandile xa wayekroba ngapha kocingo?
   UZandile wabona...
2. Ngubani ohlala kufutshane noZandile?
   .......uhlala kufutshane noZandile.
3. Kutheni le nto uZandile wayefuna ukufunda ngokumeditheytha?
   UZandile ufuna ukufunda ngokumeditheytha kuba…

***UZANDILE UFUNDA UKUMEDITHEYTHA – IIMPENDULO***

1. Wabona ntoni uZandile xa wayekroba ngapha kocingo?
   UZandile wabona uMnumzana noNksk Kapoor bemeditheytha.
2. Ngubani ohlala kufutshane noZandile?
   UGeeta/abakwaKapoor bahlala kufutshane noZandile.
3. Kutheni le nto uZandile wayefuna ukufunda ngokumeditheytha?
   UZandile ufuna ukufunda ngokumeditheytha kuba ufuna ukuziva ezolile

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yeetheraphisti, iisayikholojisti nababoneleli ngempilo yengqondo.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxhol o lowo, umzekelo: Phanda iindawo ekuhlaleni ezibonelela ngeenkonzo zempilo yengqondo
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **82, Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **83, Masibhale**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **84–85, Masibhale**

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari malunga nexesha owathetha ngalo nomntu ukuze uzive ungcono.**

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi iqweqwe elingaphambili leNcwadi eNkulu: **UMunene ufumana uncedo**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo wethu: **Ukuziva sizolile kwaye sikhululekile**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Kutheni abantu bemeditheytha?
   b Kutheni le nto kubalulekile ukuba neendlela zokuziva uzolile?
   c Ngubani onokucela kuye uncedo xa ungaziva uzolile kwaye ungakhululekanga?



### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- okusingqongileyo
- udandathekile
- ugqirha wengqondo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Sondela kum ndikubonise | *Khweba ubuye ukhombe amehlo akho* |
| Wophol'engqondweni ube nokuzola | |
| Dibanis'izandla zijonge phezulu | *Dibanisa izandla unge uza kuthandaza* |
| Vala amehlo utsale umoya | *Vala amehlo uphefumle* |
| Yithi ummmm.... ummmmm | *Yenza isandi esithi ummmm ...ummmm* |
| Uvule izandla | *Vula izandla ziye emacaleni* |

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko.
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani isi 1–5 ecaleni komgca.
3 Bhala esi sivakalisi silandelayo ebhodini ecaleni kwenani 1**: Ndizilimazile ngokuwa ..**
4 Bhala ezi zimelabizo zilandelayo kwinani isi-2 ukuya kwi-4.
   2 bona
   3 thina
   4 yena
5 Yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona beqala ngegama elinikiweyo.
6 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
7 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo: apho kukho utshintsho khona
8 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:
   1 Ndizilimazile ngokuwa
   2 Bazilimazile **ngokuwa**
   3 Sizilimazile **ngokuwa**
   4 Uzilimazile ngokuwa
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipensile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ngaphambi Kokufunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: UMunene ufumana uncedo
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ileta eya kumhlobo okanye isizalwane malunga nokuziva uzolile kwaye ukhululekile. Umhlathi wokuqala uza kuba malunga nezinto ezikwenza uzive uzolile kwaye ukhululekile. Umhlathi wesibini uza kuba malunga nexesha owaziva unomsindo okanye ukhathazekile ngalo, kunye nendlela owazithomalalisa ngayo.

**UMSEBENZI:** Bhala imihlathi ibe mibini ibe kwizivakalizi ezili – 12.

**UKULUNGISELELA**

- Bhala uluhlu lokulungisa ebhodini. Phambi kokuba siqale isifundo sokubhala.
- Bhala idrafti yakho ebhodini phambi kokuba siqale isifundo faka impazamo i – okanye zibe-2.

**ULUHLU LOKUYILA:**

1 Ngaba ndibhalile ngokungathi ndithetha nomntu?
2 Ingaba umhlathi wam wokuqala ubhalwe kwixesha langoku?
3 Umhlathi wam wesibini ubhalwe kwixesha elidlulileyo?
4 Ingaba ndiyibandakanyile imibuzo kumfundi wam?
5 Ndibandakanya umbuliso nokuvala (Othandekayo…) (Uthando…)?
6 Ingaba ndinezivakalisi ezili-12 ezigqityiweyo?Ingaba ndinezivakaisi ezilishumi kwimihlathi emibini?
7 Ingaba ndiwapele ngokuchanekileyo amagama?
8 Ingaba zonke izivakalisi zam ziqala ngonobumba omkhulu?
9 Ingaba zonke izivakalisi zam ziphela ngesingxi okanye uphawu lokukhuza?


IVEKI 4

#### UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA)

1 Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela ukhwaze.
2 Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.
3 Jonga itshekhlisti yakho, nedfrafti yakho ukuba zichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4 Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.

## ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)

1. Banike iincwadi zokubhala.
2. Abafundi mabakhangele iidrafi zabo ezincwadini.
3. Xelela abafundi bajonge itshekhlisti yokuhlela ze benze izilungiso okanye ukuphucula okufunekayo.
4. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.
5. Lungisa iimpazamo ezifanayo kumbhalo wabafundi.
6. Abafundi mabakunike inzolo ubhale zonke iimpazamo ebhodini.
7. Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 4**.
2. Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ngcw**
2 Biza igama: **ingcwaba**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ngcw/-/a/-/b/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ngcw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
8 Biza isandi sesine: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingcwaba**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ngcw/-/a/-/b/-/a/** = **ingcwaba**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ngcwa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/ba/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/i/-/ngcwa/-/ba/** = **ingcwaba**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngcw**
2 Biza igama: **ingcwangu**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ngcw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ng/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine? **/u/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ngcw/-/a/-/ng/-/u/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingcwangu**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: **/i/-/ngcw/-/a/-/ng/-/u/** = **ingcwangu**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ngcwa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ngu/**
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/i/-/ngcwa/-/ngu/** = **ingcwangu**

IVEKI 4

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ngcw**
2 Abafundi mababhale amanani 1–3.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **ingcwaba**
   2 **ngcwele**
   3 **ingcwangu**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ngcw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabobesebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI**


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UMunene ufumana uncedo</u>**<br><br>Emva kokusweleka kukamakhulu kaMunene, yena waya kuhlala noAnti wakhe uJessica eMamelodi – kude kakhulu nekhaya lakhe eXigalo. | Ndiyacinga **ingaba** wayeziva njani uMunene xa kwakufuneka emke kowabo waya kuhlala kwenye indawo? |
| Wathi akufika endlwini kaAnti Jessica, akuzange kubekho nto ibonakala ilungile. Indlu yayinkulu evakala ze.<br><br>Wayeyikhumbula intsholo yeentaka phandle efestileni yakhe kusasa.<br><br>Wayekhumbula ukukrikriza kocango oludala xa luvulaka naxa luvaleka. Kodwa, ngaphezu kwento yonke wayekhumbula isiqhazolo sentsini kamakhulu yakhe.<br><br>UMunene wayefuna ukulala imini yonke. Wayeziva edinwe kakhulu ukuba angaphuma ebhedini. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela **ibali** ndithi uMunene akaziva mnandi, kuba ufuna ukuhlala ebhedini imini yonke. |
| Ukufika kwakhe eklasini yakhe entsha, kwakungekho nto ibonakala ilungile. Iklasi yayingathi imnyama ibanda.<br><br>Wayesikhumbula isandi sokukhenkceza kweentsimbi zenkomo phandle efestileni ngeentsuku zesikolo.<br><br>Wayesikhumbula isandi sokukrwelwa kwebhodi yokubhala. Kodwa ngaphezu kwezinto zonke wayekhumbula ukwazi ukuba umakhulu wakhe usekhaya – umganyana nje ongephi ukusuka kuye.<br><br>Ukucinga ngesikolo kwenza isisu sikaMunene buhlungu. Ngentsasa nganye, wayexelela uAnti Jessica ukuba akaphilanga akanakuya esikolweni. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela **ibali** ndithi, uMunene akaziva onwabile kule ndawo intsha akuyo – indlu kaAnti Jessica ayimenzi azive kakuhle kwaye nesikolo sakhe esitsha naso akaziva mnandi kuso. |
| UAnti Jessica wayebona ukuba yayikhona into engalunganga. Wazama ukunceda uMunene azive ngcono kweli khaya lakhe litsha.<br><br>'Kutheni ungahambi nam siye kwammelwane? UBokang uneminyaka elithoba – Kanye njengawe!' wammema, kodwa uMunene wayengafuni kudibana namntu angamaziyo. | UAnti Jessica uzithathela isigqibo ngokubona **imeko** athi kukho into engalunganga noMunene kuba akafuni kuphuma ebhedini, aye esikolweni, okanye adibane nabantu angabaziyo. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Ndipheke okona kutya ukuthandayo ngesidlo sasemini!' UAnti Jessica watsho enika uMunene ithowusti ekrwamzayo yesonka samasi.<br><br>'Enkosi, kodwa andilambanga,' watsho uMunene, etyhalela isitya sakhe phaya. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela **ibali** ndithi, uAnti Jessica wenza konke anako ukukwenza ukunceda uMunene azive ngcono – ude enze isidlo asithandayo! **Ndiyacinga ingaba** uza kwenza ntoni uAnti Jessica? |
| Ngokuhlwa, uAnti Jessica weva uMunene efixizela emqamelweni. 'Ufuna ndikwange?' wabuza ngokuzolileyo, kodwa uMunene wayengafuni kwangiwa ngomnye umntu ngaphandle kukamakhulu wakhe. | ------ |
| UAnti Jessica wapha uMunene ithuba lokuqhela, kodwa emva kweeveki ezimbalwa izinto zazingekalungi.<br><br>'Munene ndikhathazekile ngawe. Ndicinga ukuba udandathekile. Uswelekelwe ngoyena mntu ubumthanda. Ucande amathafa usuka kude – wemka kwikhaya lakho nabahlobo bakho. Ndicinga ukuba udinga uncedo ukuze uzive ngcono,' watsho.<br><br>UMunene wahlala wathi cwaka imizuzwana. 'Ingaba oko kuthetha ukuba kukho into engalunganga kum?' wabuza uMunene esoyika.<br><br>'Hayi, akunjalo,' watsho uAnti Jessica. 'Ndiyazi ukuba kukho ibala likaNtsho malunga nokuya kubona ugqirha wengqondo, leyo asiyonto unokuba neentloni ngayo. Ukuba awuziva kamnandi ngokwasengqondweni nangemvakalelo, akumele kubakho ntloni ngokuya kubona ugqirha wengqondo. Ndibona ugqirha wengqondo rhoqo ukuzinceda ndizive ndizolile ndonwabile,' wamqinisekisa watsho. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela **ibali** ndithi uMunene udinga uncedo – ukuze azive ngcono – kungenjalo akazi kuba ngcono. **Ndiyacinga ingaba** ukubonana nogqirha wengqondo kuya kumnceda uMunene azive ngcono? |
| Emva kweentsuku ezingephi, uAnti Jessica wasa uMunene kwiklinikhi eyodwa. Balinda kwigumbi lokulinda.<br><br>Lakubizwa igama likaMunene, waziva esoyika. 'Ungazikhathazi. Ndiza kulinda apha,' uAnti Jessica wamqinisekisa njengoko embambazela emqolo. | ---- |
| UMunene wangena kwi-ofisi encinane, ekhanyayo. Wahlala kwisitulo esithambileyo esitofotofo.<br><br>'NdinguSiya,' watsho ugqirha wengqondo, ehleli kwicala elijongene naye. 'Masithethe ngendlela oziva ngayo.'<br><br>'Uyabona, ndiziva...' waqala njalo uMunene. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi, uMunene ekugqibeleni uthetha ngendlela aziva ngayo. **Ndiyacinga ingaba** ukudibana nogqirha wengqondo kuya kumnceda na uMunene azive ngcono? |

IVEKI 4

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Yakuphela iyure, uMunene waphefumla etsala ezantsi, waphuma waya kwigumbi lokulinda.<br>'Ke ngoku?' wabuza uAnti Jessica, buthandabuza. 'uhambe njani?'<br>'Andizazi nokuba ndiziva ngcono na ngokwangoku...' watsho uMunene, 'kodwa ndicinga ukuba ndiyafuna ukubuya kule veki izayo. Ndiyamthanda ugqirha uSiya – ndicinga ukuba ukuthetha naye kungandinceda,'<br>UAnti Jessica waqinisa isandla sikaMunene wancuma. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela **ibali** ndithi ukuziva ngcono kuthatha ixesha – akwenzeki ngomlingo okanye ngokubonana kube Kanye nogqirha wengqondo. |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Wayekhumbula bani uMunene? | UMunene wayekhumbula umakhulu wakhe. |
| Wayehlala phi umakhulu kaMunene? | UMunene nomakhulu bakhe babehlala eXigalo. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni uAnti kaMunene wayekhathazekile ngaye? | • Wayekhathazekile kuba wayengfuni kuphuma ebhedini.<br>• UMunene wayengafuni kuya esikolweni.<br>• UMunene wayengafuni kudibana nabantu angabaziyo.<br>• UMunene wayengafuni kutya ukutya akuthandayo.<br>• Kuba wazama ukwenza yonke into awayenokuyicinga ukunceda uMunene azive ngcono, kodwa akukho yancedayo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO


1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- Ubuhlungu besisu
- ndidiniwe
- ntofontofo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Sondela kum ndikubonise | *Khweba ubuye ukhombe amehlo akho* |
| Wophol'engqondweni ube nokuzola | |
| Dibanis'izandla zijonge phezulu | *Dibanisa izandla unge uza kuthandaza* |
| Vala amehlo utsale umoya | *Vala amehlo uphefumle* |
| Yithi ummmm.... ummmmm | *Yenza isandi esithi ummmm ...ummmm* |
| Uvule izandla | *Vula izandla ziye emacaleni* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

1 Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
4 Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
5 Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
6 Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
7 Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.



## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1. Biza isandi**: ntyw**
2. Biza igama: **ntywila**
3. Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/ntyw/-/i/-/l/-/a/**
4. Biza isandi sokuqala: **/ntyw/**
5. Biza isandi esilandelayo: **/i/**
6. Biza isandi esilandelayo: **/l/**
7. Biza isandi sokugqibela: **/a/**
8. Bhala igama elipheleleyo: **ntywila**
9. Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/ntyw/-/i/-/l/-/a/ = ntywila**
10. Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/ntywi/**
11. Biza ilungu lesibini kweli gama: **/la/**
12. Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/ntywi/-/la/ = ntywila**

**SIYENZA**

1. Biza isandi: **ntyw**
2. Biza igama: **intywenka**
3. Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4. Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ntyw/**
5. Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/e/**
6. Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/n/**
7. Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/k/**
8. Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
9. Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ntyw/-/e/-/n/-/k/-/a/**
10. Bhala igama elipheleleyo: **intywenka**
11. Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ntyw/-/e/-/n/-/k/-/a/ = intywenka**
12. Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
13. Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ntywe/**
14. Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/nka/**
15. Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/ntywe/-/nka/ = intywenka**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u – **ntyw**.
2 Abafundi mababhale amanani 1–2.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **ntywila**
   2 **intywenka**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.



### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________


Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ntyw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ushicilelo Nokwabelana

**ISIHLOKO: Bhala ileta eya kumhlobo okanye isizalwane sakho malunga nokuziva uzolile kwaye ukhululekile. Umhlathi wokuqala uza kuba malunga nezinto ezikwenza uzive uzolile kwaye ukhululekile.**

**Umhlathi wesibini uza kuba malunga nexesha owaziva unomsindo okanye ukhathazekile ngalo, kunye nendlela owakwazi ngayo ukuphinda uhlise umsindo uzole .**

**UMSEBENZI: Bhala ubuncinane izivakalisi ezili-12 kwimihlathi emibini.**

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**………… endimthandayo**

Ndikubhalela ukuxelela malunga…

Ndiziva ndizolile kwaye ndikhululekile xa… (Bhala izivakalisi ezi-2–3 malunga noku)

Ndingathanda ukuzama….

(Buza umbuzo kulowo ubhalele yena!)

Ngenye imini …

Ndaziva…

Ndagqiba kwelokuba…

Ndicinga ukuba ndenze / andenzanga msebenzi mhle kuba…

Kwixesha elilandelalayo…

(Buza umbuzo kulowo ubhalele yena!)

Nceda uphendule ngokukhawuleza!

Ngothando

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

IVEKI 4

**YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)**

1 Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise uluhlu lokuhlela uhlela idrafi yakho.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje siza kushicilela ze sabelane ngemibhalo yethu.
3 Bhala kwakhona umbhalo ufakele umhla nesihloko.

## ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko**: Ileta ngendlela endiziva ndizole ngayo kwaye ndikhululekilel .**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Yalela abafundi babhale kwakhona umbhalo ngaphandle kwempazamo.
5 Ukuba abafundi banethuba bangafaka umzobo kwimibhalo yabo.
6 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.

## ABAFUNDI BABELANA NGEMIBHALO

1 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela abafundi mababeke phantsi iipenisile neepeni.
2 Abafundi mabaguquke bathethe nomlingani.
3 Biza umfundi omnye ukuya kwaba-2 babelane ngombhalo wabo neklasi.
4 Ukuba kunokwenzeka abafundi mabathathe iileta bagoduke bazinike lowo bebembhalela. Oku kunceda ukuzisa intsingiselo ekubhaleni..

23 EyeNkanga 2020


Ileta engokuziva unokuzola nokuphola

Mary endimthandayo,

Ndikubhalela ukuze ndikuchazele ngokuziva unokuzola nokuphumla, oko besisanda kufunda ngako esikolweni. Ndiziva ndinokuzola nokuphola xa ndikhleli ndedwa ndizolile egumbini lam. Ukuhlala ndedwa kundinceda ndihlale ndinokuzola ndiphefumle. Ndiziva ndinokuzola ndipholile xa ndithetha nabahlobo bam kuba siyahleka sonwabisane. Ndinqwenela ukuthi chu ndolule imilenze kuba utitshala wam uthi kuyamnceda ukwenza njalo. Wena wenzani ukuze ube nokuzola uzive upholile?


Ngenye imini ndaxabana nodade wethu. Ndandicaphuka ngeyona ndlela. Ndathatha isigqibo sokwehlisa umoya ngokuya egumbini lam ndihlale khona ndizole. Ndicinga ukuba ndenza into entle kuba oko kwawehlisa umoya wam. Andizange ndimkhwaze udade wethu ndingxole. Kwixesha elizayo xa ndixabana nomntu ndiza kuqinisekisa ukuba ndiyasuka kuye ndiye kuzihlalela bucala ndizole kunokuba ndinyusane nomntu silwe. Ungenzani wena ukwehlisa umoya xa uthe waxabana nodade wenu?

Nceda ubhale umsinya undiphendule!



Umhlobo wakho,

Mavis



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA...**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **intsha, ingca**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **in<u>tsh</u>a, ing<u>c</u>a**
4 Cacisa umahluko ku: **/tsh/** no **/gc/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **ingcwaba, inqwaba**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **ing<u>c</u>waba, in<u>q</u>waba**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **ntywila**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **lila, bila, igila, zila, chila, intsila**

**UYENZA ...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **ngcwele**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**iwele, yoyele, ikrele, ixhwele**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lwesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UMunene ufumana uncedo</u>**<br><br>Emva kokusweleka kukamakhulu kaMunene, yena waya kuhlala noAnti wakhe uJessica eMamelodi – kude kakhulu nekhaya lakhe eXigalo. | **Ndiyakhumbula** ukuba uMunene uziva edandathekile kweli bali. Masicinge ngendlela **awazithathela isigqibo ngayo uAnti Jessica ngokubona imeko** kweli bali njengoko sifunda namhlanje. |
| Wathi akufika endlwini kaAnti Jessica, akuzange kubekho nto ibonakala ilungile. Indlu yayinkulu evakala ze.<br><br>Wayeyikhumbula intsholo yeentaka phandle efestileni yakhe kusasa.<br><br>Wayekhumbula ukukrikriza kocango oludala xa luvulaka naxa luvaleka. Kodwa, ngaphezu kwento yonke wayekhumbula isiqhazolo sentsini kamakhulu yakhe.<br><br>UMunene wayefuna ukulala imini yonke. Wayeziva edinwe kakhulu ukuba angaphuma ebhedini. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukufuna ukuhlala ebhedini imini yonke kungaluphawu lokudandatheka. |
| Ukufika kwakhe eklasini yakhe entsha, kwakungekho nto ibonakala ilungile. Iklasi yayingathi imnyama ibanda.<br><br>Wayesikhumbula isandi sokukhenkceza kweentsimbi zenkomo phandle efestileni ngeentsuku zesikolo.<br><br>Wayesikhumbula isandi sokukrwelwa kwebhodi yokubhala. Kodwa ngaphezu kwezinto zonke wayekhumbula ukwazi ukuba umakhulu wakhe usekhaya – umganyana nje ongephi ukusuka kuye.<br><br>Ukucinga ngesikolo kwenza isisu sikaMunene buhlungu. Ngentsasa nganye, wayexelela uAnti Jessica ukuba akaphilanga akanakuya esikolweni. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ukuba nesisu esibuhlungu yonke imihla kungaluphawu lokudandatheka. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UAnti Jessica wayebona ukuba yayikhona into engalunganga. Wazama ukunceda uMunene azive ngcono kweli khaya lakhe litsha.<br>'Kutheni ungahambi nam siye kwammelwane? UBokang uneminyaka elithoba – Kanye njengawe!' wammema, kodwa uMunene wayengafuni kudibana namntu angamaziyo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi ukungafuni kudibana nabantu angabaziyo okanye athethe nabanye abantu kungaluphawu lokudandatheka. |
| 'Ndipheke okona kutya ukuthandayo ngesidlo sasemini!' UAnti Jessica watsho enika uMunene ithowusti ekrwamzayo yesonka samasi.<br>'Enkosi, kodwa andilambanga,' watsho uMunene, etyhalela isitya sakhe phaya. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukungalambi kungaluphawu lokudandatheka – ngakumbi xa ungafuni kutya eso sidlo usithandayo! |
| Ngokuhlwa, uAnti Jessica weva uMunene efixizela emqamelweni. 'Ufuna ndikwange?' wabuza ngokuzolileyo, kodwa uMunene wayengafuni kwangiwa ngomnye umntu ngaphandle kukamakhulu wakhe. | Kukho iimpawu ezininzi ezibonisa ukuba uMunene udandathekile – ngakumbi xa uAnti Jessica ecinga ngempawu zizonke. Ndicinga ukuba zonke ezi mpawu zimncedile **wazithathela isigqibo ngokuzilandela** wathi uMunene ufanele ukuba udandathekile. |
| UAnti Jessica wapha uMunene ithuba lokuqhela, kodwa emva kweeveki ezimbalwa izinto zazingekalungi.<br>'Munene ndikhathazekile ngawe. Ndicinga ukuba udandathekile. Uswelekelwe ngoyena mntu ubumthanda. Ucande amathafa usuka kude – wemka kwikhaya lakho nabahlobo bakho. Ndicinga ukuba udinga uncedo ukuze uzive ngcono,' watsho.<br>UMunene wahlala wathi cwaka imizuzwana. 'Ingaba oko kuthetha ukuba kukho into engalunganga kum?' wabuza uMunene esoyika.<br>'Hayi, akunjalo,' watsho uAnti Jessica. 'Ndiyazi ukuba kukho ibala likaNtsho malunga nokuya kubona ugqirha wengqondo, leyo asiyonto unokuba neentloni ngayo. Ukuba awuziva kamnandi ngokwasengqondweni nangemvakalelo, akumele kubakho ntloni ngokuya kubona ugqirha wengqondo. Ndibona ugqirha wengqondo rhoqo ukuzinceda ndizive ndizolile ndonwabile,' wamqinisekisa watsho. | UAnti Jessica **wazithathela isigqibo ngokubona imeko** wathi uMunene wayedandathekile ngenxa yezi mpawu wayezibona – nangenxa yokuba waba notshintsho olukhulu ebomini bakhe – ngokuswelekelwa ngumakhulu wakhe nokufuduka aye kuhlala kwindawo entsha. |
| Emva kweentsuku ezingephi, uAnti Jessica wasa uMunene kwiklinikhi eyodwa. Balinda kwigumbi lokulinda.<br>Lakubizwa igama likaMunene, waziva esoyika. 'Ungazikhathazi. Ndiza kulinda apha,' uAnti Jessica wamqinisekisa njengoko embambazela emqolo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uMunene akazange akhe adibane nogqirha wengqondo ngaphambili, kuba unoloyiko ngeli dinga lakhe. |

IVEKI 4

| **iTekisi** | **UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo)** |
|---|---|
| UMunene wangena kwi-ofisi encinane, ekhanyayo. Wahlala kwisitulo esithambileyo esitofotofo.<br>'NdinguSiya,' watsho ugqirha wengqondo, ehleli kwicala elijongene naye. 'Masithethe ngendlela oziva ngayo.'<br>'Uyabona, ndiziva...' waqala njalo uMunene. | -------- |
| Yakuphela iyure, uMunene waphefumla etsala ezantsi, waphuma waya kwigumbi lokulinda.<br>'Ke ngoku?' wabuza uAnti Jessica, buthandabuza. 'uhambe njani?'<br>'Andizazi nokuba ndiziva ngcono na ngokwangoku...' watsho uMunene, 'kodwa ndicinga ukuba ndiyafuna ukubuya kule veki izayo. Ndiyamthanda ugqirha uSiya – ndicinga ukuba ukuthetha naye kungandinceda,'<br>UAnti Jessica waqinisa isandla sikaMunene wancuma. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukubonana nogqirha wengqondo kungamnceda uMunene ajongane nokudandatheka kwakhe. Oogqirha bengqondo babaluleke kakhulu kwaye baluncedo. |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Kwakutheni ukuze uMunene afudukele eMamelodi? | Kwafuneka afudukele eMamelodi aye kuhlala noAnti wakhe uJessica kuba umakhulu wakhe waye wasweleka. |
| Kokuphi okona kutya kuthandwa nguMunene? | Okona kutya kuthandwa nguMunene yithowusti ekrwamzayo yesonka samasi. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Wazithathela njani iuAnti Jessica isigqibo sokuba uMunene unokuba udandathekile? | • Kuba wayefuna ukulala imini yonke. Wayengafuni ukuphuma ezingubeni.<br>• Kuba wayenesisu esibuhlungu yonke imihla engafuni kuya esikolweni.<br>• Kuba akafuni kudibana nabantu angabaziyo.<br>• Kuba akafuni kutya – nditsho nakona kutya akuthandayo.<br>• Kuba uAnti Jessica uva uMunene ekhala ebusuku.<br>• Kuba umakhulu kaMunene usanda kusweleka.<br>• Kuba uMunene kwafuneka efudukele kwindawo entsha – kwatshintsha yonke into kuye! |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- uphawu
- iimpawu
- imvakalelo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Sondela kum ndikubonise | *Khweba ubuye ukhombe amehlo akho* |
| Wophol'engqondweni ube nokuzola | |
| Dibanis'izandla zijonge phezulu | *Dibanisa izandla unge uza kuthandaza* |
| Vala amehlo utsale umoya | *Vala amehlo uphefumle* |
| Yithi ummmm.... ummmmm | *Yenza isandi esithi ummmm ...ummmm* |
| Uvule izandla | *Vula izandla ziye emacaleni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Kweli bali…
Singatsho ukuba uMunene uziva edandathekile kuba…
Singatso nokuba u-Auntie Jessica umkhathalele uMunene kuba…
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.
4 Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo:

Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **ngcw** | **ntyw** | **i** |
| **b** | **a** | **l** |
| **e** | **n** | **k** |
| **g** | **u** | **m** |



**YENZA UMFUZISELO**

1. Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ngcw/** no **/ntyw/**
2. Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3. Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4. Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/ntyw/-/i/-/l/-/a/ = ntywila**
5. Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ngcw/ okanye /ntyw/**
6. Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/b/-/a/-/l/-/a/ = bala**

**ABAFUNDI BAYENZA**

1. Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ngcw, ntyw**
2. Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3. Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama: **ingcwaba, ngcwele, ingcwangu, ntywila, intywenka, bala, kama, kubi, gula, igila, igama, luma, imbali**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / DIBANISA IIMEKO NGOKUFUNDA IBALI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1 Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba ipensile nekhrayoni.
2 Cacisa ukuba namhlanje abafundi baya **kubhala** ze **bazobe** malunga noko kucingwa okanye kuviwa komlinganiswa ebalini.
3 Yenza u**mfuziselo** ubabonisa **indlela okhetha ngayo abalinganiswa oko bakucingayo nabakuvayo** umzkl: U-antie uJessica ukhathazekile kuba uMunene akaziva ephilile!
4 Zoba owakho umfanekiso ebhodini ka-Aunt Jessica emamele uMunene elila ebusuku.
5 **Yenza umfuziselo** ufakela ilifu lokucinga kumfanekiso linesivakalisi esi-1 okanye ezibini, umzkl: Ndingenza ntoni ukunceda uMunene?
6 Okulandelayo xelela abafundi ukuba baza kukhetha umlinganiswa badibanise iimeko kwindlela acinga okanye aziva ngayo.
7 Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8 Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba iingcinga zabo.
9 Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: bhala ibali elifutshane malunga nexesha owaziva ulusizi okanye owahlangabezana nentlungu yokuba abafundi balifunde.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela umxholo. Umzekelo: Izicwangciso zokunceda abafundi ukuba bajongane nosizi nentlungu.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **86, Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **87–88, Masibhale**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **89, Masenze**

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari malunga nexesha owaziva ulusizi ngalo, kwaye yintoni eyakunceda waziva ungcono.**

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UJONGA ULWAZI ABANALO

**1** Bonisa abafundi iqweqwe elingaphambili leNcwadi eNkulu: **UBantu uziva elusizi.**
**2** Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Usizi nentlungu**
**3** Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
**4** Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
**5** Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
**6** Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   **a** Ziziphi ezinye zezizathu zokuba abantu bazive belusizi?
   **b** Ingaba ikhangeleka njani okanye ivakala njani xa umntu elusizi?
   **c** Yintoni usizi?
   **d** Intlungu nosizi kunxibelelane njani? (Kufana njani? kwahluke njani?)

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- ukukhathazeka
- lusizi
- ukufa
- umngcwabo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Iinyembezi ziliyeza | *Beka iminwe macala ezantsi kwamehlo uyehlise ubonisa iinyembezi* |
| Wakukhathazeka ziphalaze | ----------- |
| Zokupholisa emphefumlweni | *Beka isandla egxalabeni kosecaleni kwakho* |
| Chiphi chiphi maziqengqeleke | *Mthuthuzele* |
| Wakugqiba woziva ungcono | *Phefumla unge uthoba ixhala* |

IVEKI 5

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Amagama isinye ukuya kwisininzi.**
2. Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1–5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3. Biza la magama alandelayo kwisinye. Abafundi mababhale igama ecaleni kwenani elichanelekileyo

   **Amagama isinye ukuya kwisininzi**

   1. iqhawe
   2. isandi
   3. itumato
   4. iitapile
   5. idomino
4. Okulandelayo, yalela abafundi babhale amagama kwakhona kwisininzi.
5. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6. Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo.
7. Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:

   **Amagama isinye ukuya kwisininzi**

   1. iqhawe
      Amaqhawe
   2. isandi
      izandi
   3. itumato
      itumato
   4. iitapile
      iitapile
   5. Idomino
      Iidomimo
8. Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9. Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UBantu uziva ekhathazekile**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

## UkuBhala: Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO: Bhala ibali malunga nomntu ohlangabezana nentlungu okanye usizi**

**UMSEBENZI:**

**Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci kwimihlathi emibini (kwiizivakalisi ezili-12)**

**UBUGCISA BOKUYILA:** Yenza imephu yengqondo.

**YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHALA**

1 Yenza umfuziselo ubonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2 Cacisa iingcinga zakho zebali ngolu hlobo:
*Ndiza kubhala ibali ndiphefumlelwe kukusweleka kuka makhulu wam. Iya kuba libali eliyintsomi, kodwa ndiza kuthatha amava am ukuze lenze eli bali libe yinyani.*

**YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)**

1 Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe ifreyimu yokuplana ukubhala.
2 Bonisa abafundi indlela owenza ngayo uluhlu uphendula imibuzo.
3 Phendula imibuzo kwelinye icala le freyimu yokuplana.


IVEKI 5


| **Iplani yeMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| Ngubani l o ukhathazekileyo? | Kwenzeke ntoni? | Lenzeka phi eli bali (nini)? |
| Kutheni lo mntu elusizi okanye ehlelwe yintlungu? | **Ibali lam** | Ngobani abanye abalinganiswa apha ebalini ? |
| Kwenzeka ntoni ukuze lo mntu azive engcono? | Ngawaphi amava onayo anokunceda ekubhaleni eli bali? | Ngaba zikho ezinye iinkcukacha ezibalulekileyo? |

| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| NguSandile nomama wakhe | Umakhulu ka Sandile uswelekile | Umhlathi 1 bayazilungiselela<br>Umhlathi 2 basesingcwabeni<br>Umhlathi 3<br>batya isidlo sasebusuku |
| Ukufa kwakungalindelekanga – wayesengozini yemoto | **Ibali lam** | Kukho abanye abantu ecaweni |
| USandile ugona umama wakhe, babona abantu abaninzi ecaweni | Ngelixa utatomkhulu wam wayesweleka ndaziva ndibuhlungu kakhulu – kwaye umama walila iintsuku ezininzi | batya okona kutya kuthandwa nguGogo ukumhlonipha |

## ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)

1. Abafundi mabavale amehlo bacinge ngebali abalifundlieyo elalinengxaki.
2. Xelela abafundi **baguquke bathethe** nomlingane besabelana ngeengcinga zabo.
3. Bonisa abafundi ifreyimu yokuyila ebhodini, abafundi mabasebenzise le freyimu ukuplana ukwenza umsebenzi wabo njengoko ubuwenzile.
4. Banike incwadi zokubhala.
5. Xelela abafundi ukuba babhale iingcinga zabo – **bangakopi** ezakho.
6. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 5.**
2. Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 5

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1. Biza isandi**: ntsw**
2. Biza igama: **intswelo**
3. Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ntsw/-/e/-/l/-/o/**
4. Biza isandi sokuqala: **/i/**
5. Biza isandi esilandelayo: **/ntsw/**
6. Biza isandi esilandelayo: **/e/**
7. Biza isandi esilandelayo: **/l/**
8. Biza isandi sesine: **/o/**
9. Bhala igama elipheleleyo: **intswelo**
10. Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ntsw/-/e/-/l/-/o/** = **intswelo**
11. Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12. Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ntswe/**
13. Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/lo/**
14. Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/i/-/ntswe/-/lo/** = **intswelo**

**SIYENZA**

1. Biza isandi: **ntsw**
2. Biza igama: **intswahla**
3. Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4. Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ntsw/**
5. Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/a/**
6. Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/hl/**
7. Buza abafundi: Ngubani isandi sesine? **/a/**
8. Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ntsw/-/a/-/hl/-/a/**
9. Bhala igama elipheleleyo: **intswahla**
10. Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: **/i/-/ntsw/-/a/-/hl/-/a/** = **intswahla**
11. Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12. Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ntswa/**
13. Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/hla/**
14. Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/i/-/ntswa/-/hla/** = **intswahla**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ntsw**
2 Abafundi mababhale amanani 1–2.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **intswelo**
   2 **intswahla**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________


________________________________________

IVEKI 5

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ntsw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabobesebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



# Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ufundo Lokuqala


### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UBantu uziva elusizi</u>**<br><br>UKhumo umhlobo kaBantu akazange eze esikolweni ngoMvulo nangoLwesiBini. UKhumo wamangala ukuba ngaba uphi na umhlobo wakhe. | ------ |
| Akufika ekhaya uKhumo evela esikolweni ngoLwesiBini, umama wakhe wamxelela ukuba umakhulu kaBantu uswelekile. UBantu wayesoloko ekunye nomakhulu wakhe. UKhumo wacinga ngendlela afanele ukuba ukhathazeke ngayo uBantu.<br><br>'Kufuneka ndizame ukwenza umhlobo wam azive ngcono,' wacinga njalo uKhumo. Wacinga, wacinga ngento awayenokuyenza. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo umkhathalele umhlobo wakhe , kuba ufuna ukumnceda azive ngcono! |
| 'Mhlawumbi ndingamenza ahleke uBantu xa ndinokumenzela zonke iziqhulo zam eziphambili!' wacinga njalo uKhumo. 'Uya kutsho alibale ngokuziva ekhathazekile!' uKhumo wacinga ngazo zonke iziqhulo zakhe eziphambili. Wazibhala phantsi ephepheni waza wazifaka kubhaka wakhe. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhuno uzama ngako konke ukunceda umhlobo wakhe azive ngcono! |
| Kusasa ngoLwesiThathu, uKhumo wamfumana uBantu esikolweni. UKhumo wacinga ukuba kungamenza akhathazeke ukuthetha ngomakhulu wakhe. Ngoko ke uKhumo akazange athethe nto. Endaweni yoko, wakhupha iphepha lakhe waqalisa ukwenzela uBantu zonke iziqhulo zakhe. Emva kwaso ngasinye, wayejonga uncumo ebusweni bukaBntu. Kodwa uBantu wasuka wakhangeleka ekhathazekile. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, iziqhulo azikhange zimenze uBantu azive ngcono, kuba uBantu usakhangeleka ekhathazekile emva kokuba uKhumo emenzele zonke iziqhulo zakhe! |
| Ngokuhlwa ngoLwesiThathu, uKhumo wacinga enye into anokuyenza ukunceda umhlobo wakhe azive ngcono.<br><br>'Mhlawumbi ndingamenza uBantu ayilibale indlela akhathazeke ngayo ukuba ndimbonisa amanye amaqhinga emilingo,' wacinga njalo uKhumo. 'Emva koko uya kulibala konke ngokukhathazeka!'<br><br>UKhumo wafumana ama-orenji ekhitshini. Wawathatha waya nawo phandle waza waziqhelisa amanye amaqhinga emilingo yakhe ngawo, de wakwazi ukugcina amathathu kuwo emoyeni! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo uzama ngako konke ukunceda umhlobo wakhe azive ngcono! |

IVEKI 5

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kusasa ngoLwesiNe, uKhumo wamfumana uBantu esikolweni. UKhumo wacinga ukuba kungamenza akhathazeke ukuthetha ngomakhulu wakhe. Waza ke akathetha nto. Endaweni yoko, wakhupha iitapile zakhe wabonisa uBantu iqhinga lakhe elitsha. Wazigcina zontathu iitapile zakhe phezulu emoyeni, into awayecinga ukuba yayitsala umdla ngeyona ndlela. Wakhangela uncumo ebusweni bukaBantu. Kodwa ubuso babubhalwe ukukhathazeka. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, amaqhinga kaKhumo akakhange amenze uBantu azive ngcono, kuba uBantu usakhangeleka ekhathazekile emva kokuboniswa nguKhumo onke amaqhinga akhe abukekayo! |
| Akufika ekhaya uKhumo ngoLwesiNe, wayephatheke kakubi emoyeni.<br>‘Ndizame konke ukwenza uBantu azive ngcono! UKhumo wachazela umama wakhe. ‘Ndimenzele iziqhulo, ndambonisa amaqhinga emilingo yam ephambili, kodwa akukho isebenzileyo!’ watsho uKhumo.<br>‘Utshilo na ukuba uyavelana naye ngokulahlekelwa ngumakhulu wakhe?’ wabuza umama kaKhumo.<br>‘Hayi. Ndicinge ukuba ukuthetha ngomakhulu wakhe kungamenza athi chatha ukukhathazeka,’ waphendula njalo uKhumo. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo ufuna ukunceda umhlobo wakhe uBantu azive ngcono, kodwa akaqinisekanga ukuba kufuneka enze ntoni! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo akazange abe nomhlobo oswelekelwe ngumakhulu wakhe ngaphambili. |
| Umama kaKhumo wahlala phantsi ecaleni kwakhe. ‘UBantu ukhathazekile kuba ebemthanda umakhulu wakhe. Awudingi kuzama ukumenza alibale intlungu yakhe. Ngamanye amaxesha xa sikhathezekile, sidinga ukuba abahlobo bethu babe kunye nathi kuloo meko, basiphulaphule,’ watsho umama kaKhumo. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, umama kaKhumo unomhlobo owaswelekelwa ngumakhulu ngaphambili ubonakala eyazi into efanele ukwenziwa! |
| Kusasa ngoLwesiHlanu, uKhumo wamfumana uBantu esikolweni.<br>‘Ndilusizi kakhulu ngokusweleka kukamakhulu wakho,’ watsho uKhumo. ‘Bendingayazi indlela yokukunceda uzive ngcono. Kodwa ndingahlala nje apha nawe ukuba uyafuna. Kanti ukuba ufuna ukuthetha ngokukhathazeka kwakho, ndikhona ukuze ndiphulaphule,’ watsho uKhumo. | UKhumo ulandela icebo likamama wakhe! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo umkhathalele ngenene umhlobo wakhe, kwaye ufuna ukumnceda azive ngcono! |
| Okokuqala kuloo veki, uBantu wajonga kuKhumo ngoncunyana.<br>‘Enkosi, Khumo. Ungumhlobo wenene,’ watsho uBantu. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, okokuqala kuloo veki uKhumo wanceda uBantu azive ngcono. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Kwakutheni ukuze uBantu angezi esikolweni ngoMvulo nangoLwesiBini? | Kuba wayeswelekelwe ngumakhulu wakhe. |
| Wenza ntoni uKhumo ngoLwesiThathu ukuzama ukwenza umhlobo wakhe azive ngcono? | Wenzela umhlobo wakhe iziqhulo ezama ukumenza ahleke. |
| Ngubani owanceda uKhumo kweli bali? | UKhumo wancedwa ngumama wakhe! |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezililindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uKhumo enze iziqhulo namaqhinga emilingo? | • Kuba wayefuna umhlobo wakhe uBabtu azive ngcono.<br>• Kuba wayecinga ukuba iziqhulo namaqhinga ziya kumenza uBantu azive ngcono kwimeko yokukhathazeka.<br>• Kuba wayekukhathalele ukunceda umhlobo wakhe azive ngcono.<br>• Kuba wayengayazi into amakayenze ukwenza umhlobo wakhe azive ngcono. Wazama konke awayenako! |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala   Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- ukuphatha-phatha
- phazamisa
- uyacinga
- ngombulelo
- Enkosi

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Iinyembezi ziliyeza | *Beka iminwe macala ezantsi kwamehlo uyehlise ubonisa iinyembezi* |
| Wakukhathazeka ziphalaze | ----------- |
| Zokupholisa emphefumlweni | *Beka isandla egxalabeni kosecaleni kwakho* |
| Chiphi chiphi maziqengqeleke | *Mthuthuzele* |
| Wakugqiba woziva ungcono | *Phefumla unge uthoba ixhala* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI




1 Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
4 Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
5 Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
6 Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
7 Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nkxw**
2 Biza igama: **isankxwe**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/s/-/a/-/nkxw/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/s/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/nkxw/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/e/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **isankxwe**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/s/-/a/-/nkxw/-/e/** = **isankxwe**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/sa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/nkxwe/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/i/-/sa/-/nkxwe/** = **isankxwe**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nkxw**
2 Biza igama: **inkxwaleko**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nkxw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/l/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/e/**
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sesitandathu kweli gama? **/k/**
9 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/o/**
10 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nkxw/-/a/-/l/-/e/-/k/-/o/**
11 Bhala igama elipheleleyo: **inkxwaleko**
12 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/nkxw/-/a/-/l/-/e/-/k/-/o/** = **inkxwaleko**
13 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
14 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/nkxwa/**
15 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/le/**
16 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/ko/**
17 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/nkxwa/-/le/-/ko/** = **inkxwaleko**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u – **nkxw**.
2 Abafundi mababhale amanani 1–3.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **nkxwe**
   2 **isankxwe**
   3 **inkxwaleko**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **nkxw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO: Bhala ibali malunga nomntu ohlangabezana nentlungu okanye usizi**

**UMSEBENZI: Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci kwimihlathi emibini (kwiizivakalisi ezili-12)**

**ISIKHOKELO SOKUBHALA:**

**Umhlathi 1**

**Kwaku… (Bhala malunga nengxaki ebalini. Nika iinkcukacha ngabalinganiswa, indawo abahlala kuyo, nokuba kwenzeka ntoni.)**

**Umhlathi 2**

**Xa… (Bhala malunga nendlela esonjululwe ngayo ingxaki. Kwenzeka ntoni ebalini ukunceda abalinganiswa bajongane nentlungu okanye usizi lwabo?)**

**Umhlathi 3 (uyakhetha)**

**Emva kwexesha… (Bhala ngendlela eliphela ngayo ibali. Kwenzeka ntoni emva koko ebalini.)**

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.


#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

**1** Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
**2** Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
**3** Funda isakhelo sokubhala.
Babonise indlela yokugcwalisa isakhelo sokubhala njengalapha:
Kwakusekuseni kungcwatywa umakhulu kaSandile. Yayiza kuba lusuku olunzima. USandile weva umama wakhe elila njengokuba wayenxiba kwelinye igumbi. USandile wayenqwenela ukuba le ngozi ingazange yenzeke. Wayengazange acinge ukuba ubomi buza kuba njani ngaphandle kukaninakhulu.
Ukufika kwabo ecaweni, bahlala ngaphambili. USandile nomama wakhe bakhala bobabini xa bebona ibhokisi. Iitshomi zikamakhulu kaSandile nabamelwane bakhe bagcwalisa ezinye izitulo.
'Jonga Mama, abantu abaninzi bebemthanda uMakhulu,' watsho uSandile, wamwola umama wakhe.
Umama kaSandile wancuma ngenyembezi xa ejonga-jonga.
'Baninzi abantu ababemthanda, watsho.

Kamva ngobo busuku, uSandile kunye nomama wakhe batya okona kutya kuthandwayo nguGogo ukumhlonipha. 'Asinakuze simlibale uMakhulu wethu,' watsho uSandile, ethatha ithamo elikhulu.

### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. **Yalela abafundi ukuba babhale umhla nesihloko: Usizi nentlungu: iDrafti.**
3. Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4. Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa esa sicwangciso sabo.
5. Abafundi bangazongeza izivakalisi okanye izimvo zabo ukuba banexesha.
6. Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
7. Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA......**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **intswelo, inqwelo**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **intswelo, inqwelo**
4 Cacisa umahluko ku: **/ts/** no **/q/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **isankxwe, nkxwe**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **isankxwe, nkxwe**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **intswelo**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **idlelo, inqwelo, ingxelo, intselo**

**UYENZA ...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **inkxwaleko**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**ijoko**, **intloko**

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lwesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAHLOLA IMEKO**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UBantu uziva elusizi</u>**<br><br>UKhumo umhlobo kaBantu akazange eze esikolweni ngoMvulo nangoLwesiBini. UKhumo wamangala ukuba ngaba uphi na umhlobo wakhe. | ------ |
| Akufika ekhaya uKhumo evela esikolweni ngoLwesiBini, umama wakhe wamxelela ukuba umakhulu kaBantu uswelekile. UBantu wayesoloko ekunye nomakhulu wakhe. UKhumo wacinga ngendlela afanele ukuba ukhathazeke ngayo uBantu.<br><br>'Kufuneka ndizame ukwenza umhlobo wam azive ngcono,' wacinga njalo uKhumo. Wacinga, wacinga ngento awayenokuyenza. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo akazange wanomhlobo oswelekelwa ngumakhulu wakhe. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngoku,** kuba uKhumo ufuna ukunceda kodwa akazi ukuba njani! |
| 'Mhlawumbi ndingamenza ahleke uBantu xa ndinokumenzela zonke iziqhulo zam eziphambili!' wacinga njalo uKhumo. 'Uya kutsho alibale ngokuziva ekhathazekile!' uKhumo wacinga ngazo zonke iziqhulo zakhe eziphambili. Wazibhala phantsi ephepheni waza wazifaka kubhaka wakhe. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo ucinga ukuba ukuhleka kuya kumenza umhlobo wakhe azive ngcono, ze alibale konke ngomakhulu wakhe! |
| Kusasa ngoLwesiThathu, uKhumo wamfumana uBantu esikolweni. UKhumo wacinga ukuba kungamenza akhathazeke ukuthetha ngomakhulu wakhe. Ngoko ke uKhumo akazange athethe nto. Endaweni yoko, wakhupha iphepha lakhe waqalisa ukwenzela uBantu zonke iziqhulo zakhe. Emva kwaso ngasinye, wayejonga uncumo ebusweni bukaBntu. Kodwa uBantu wasuka wakhangeleka ekhathazekile. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo ucinga ukuba uBantu uza kuziva ngcono xa enokulibala ngomakhulu wakhe. |
| Ngokuhlwa ngoLwesiThathu, uKhumo wacinga enye into anokuyenza ukunceda umhlobo wakhe azive ngcono.<br><br>'Mhlawumbi ndingamenza uBantu ayilibale indlela akhathazeke ngayo ukuba ndimbonisa amanye amaqhinga emilingo,' wacinga njalo uKhumo. 'Emva koko uya kulibala konke ngokukhathazeka!'<br><br>UKhumo wafumana ama-orenji ekhitshini. Wawathatha waya nawo phandle waza waziqhelisa amanye amaqhinga emilingo yakhe ngawo, de wakwazi ukugcina amathathu kuwo emoyeni! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo ucinga ukuba ukubona amaqhinga nemilingo ebukekayo kuya kunceda umhlobo wakhe azive ngcono, ze alibale konke ngomakhulu wakhe! |

IVEKI 5

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kusasa ngoLwesiNe, uKhumo wamfumana uBantu esikolweni. UKhumo wacinga ukuba kungamenza akhathazeke ukuthetha ngomakhulu wakhe. Waza ke akathetha nto. Endaweni yoko, wakhupha iitapile zakhe wabonisa uBantu iqhinga lakhe elitsha. Wazigcina zontathu iitapile zakhe phezulu emoyeni, into awayecinga ukuba yayitsala umdla ngeyona ndlela. Wakhangela uncumo ebusweni bukaBantu. Kodwa ubuso babubhalwe ukukhathazeka. | **Ndizithathela isigqibo nokulandela ibali** ndithi, uKhumo ucinga ukuba uBantu uza kuziva ngcono xa elibala konke ngomakhulu wakhe. |
| Akufika ekhaya uKhumo ngoLwesiNe, wayephatheke kakubi emoyeni.<br><br>'Ndizame konke ukwenza uBantu azive ngcono! UKhumo wachazela umama wakhe. 'Ndimenzele iziqhulo, ndambonisa amaqhinga emilingo yam ephambili, kodwa akukho isebenzileyo!' watsho uKhumo.<br><br>'Utshilo na ukuba uyavelana naye ngokulahlekelwa ngumakhulu wakhe?' wabuza umama kaKhumo.<br><br>'Hayi. Ndicinge ukuba ukuthetha ngomakhulu wakhe kungamenza athi chatha ukukhathazeka,' waphendula njalo uKhumo. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo uziva ephazamisekile emoyeni kuba uzama ngako konke anako ukunceda umhlobo wakhe kodwa akukho nto isebenzayo! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo akayazi enye into anokuyenza! |
| Umama kaKhumo wahlala phantsi ecaleni kwakhe. 'UBantu ukhathazekile kuba ebemthanda umakhulu wakhe. Awudingi kuzama ukumenza alibale intlungu yakhe. Ngamanye amaxesha xa sikhathezekile, sidinga ukuba abahlobo bethu babe kunye nathi kuloo meko, basiphulaphule,' watsho umama kaKhumo. | Oo! uKhumo ebecinga ukuba uBantu ufuna ukulibala ngomakhulu wakhe nokukhathazeka. Kodwa, ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, akunjalo. Umama kaKhumo uthi uKhumo makaphulaphule umhlobo wakhe – angazami ukumenza alibale! Ndiyakwazi **kuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo makangazami ukwenza umhlobo wakhe alibale! |
| Kusasa ngoLwesiHlanu, uKhumo wamfumana uBantu esikolweni.<br><br>'Ndilusizi kakhulu ngokusweleka kukamakhulu wakho,' watsho uKhumo. 'Bendingayazi indlela yokukunceda uzive ngcono. Kodwa ndingahlala nje apha nawe ukuba uyafuna. Kanti ukuba ufuna ukuthetha ngokukhathazeka kwakho, ndikhona ukuze ndiphulaphule,' watsho uKhumo. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo ulifake entloko icebo likamama wakhe, kuba uthembisa ukuhlala nje amphulaphule umhlobo wakhe xa enqwena njalo. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uKhumo umkhathalele ngokwenene umhlobo wakhe. |
| Okokuqala kuloo veki, uBantu wajonga kuKhumo ngoncunyana.<br><br>'Enkosi, Khumo. Ungumhlobo wenene,' watsho uBantu. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, icebo likamama kaKhumo libe luncedo kuba ekugqibeleni uBantu uncumele uKhumo. UKhumo ufanele ukuba uziva ekhululekile kuba ekugqibeleni ukwazile ukunceda umhlobo wakhe nokuba kukancinane! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Wayengekho nini uBantu esikolweni? | NgoMvulo nangoLwesiBini. |
| Wenza ntoni uKhumo ukuzama ukwenza umhlobo wakhe azive ngcono? | • Wamenzela iziqhulo ezihlekisayo.<br>• Wafunda amaqhinga emilingo amatsha.<br>• Ekugqibeleni, wathembisa ukumphulaphula umhlobo wakhe xa efuna njalo! |
| Yintoni enokwenza **sizithathele isigqibo** sithi, uKhumo wayeziva ephazamisekile emoyeni ngokuhlwa kwangoLwesiNe? | • Kuba wayengakwazi ukwenza unhlobo wakhe azive ngcono.<br>• Kuba wayesebenza nzima kodwa kwakungekho nto incedayo!<br>• Kuba wayengazi ukuba makenze ntoni eyenye! |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Yintoni eyenza uBantu ancume ekugqibeleni? | • Kuba uKhumo ekugqibeleni wamxelela ukuba uyavelana naye ngomakhulu wakhe.<br>• Kuba uKhumo wathembisa ukumphulaphula uBantu xa efuna njalo.<br>• Kuba uKhumo akazange azame ukumenza uBantu alibale umakhulu wakhe.<br>• Kuba uKhumo waxelela uBantu kulungile ukukhathazeka. |

IVEKI 5



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ingcebiso
- ukhululekile
- iinkumbulo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Iinyembezi ziliyeza | *Beka iminwe macala ezantsi kwamehlo uyehlise ubonisa iinyembezi* |
| Wakukhathazeka ziphalaze | ----------- |
| Zokupholisa emphefumlweni | *Beka isandla egxalabeni kosecaleni kwakho* |
| Chiphi chiphi maziqengqeleke | *Mthuthuzele* |
| Wakugqiba woziva ungcono | *Phefumla unge uthoba ixhala* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Eli bali limalunga…
Ndicinga ukuba uKhumo u… kuba…
Eli bali lihambelana nomxholo othi 'Usizi nentlungu' kuba…
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.
4 Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukufumana Amagama

Imizuzu 15

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| ntsw | nkxw | i |
|---|---|---|
| l | o | e |
| h | a | s |
| k | m | u |

### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ntsw/** no **/nkxw/**
2 Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/-/ntsw/-/e/-/l/-/o/ = intswelo**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ntsw/ okanye /nkxw/**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/l/-/u/-/m/-/a/ = luma**

### ABAFUNDI BAYENZA

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ntsw, nkxw**
2 Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama: **intswelo, intswahla, nkxwe, isankxwe, inkxwaleko, luma, usula, isikolo, ishushu, hlola**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

IVEKI 5

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA ISIGQIBO NGOKUFUNDA IBALI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1 Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba ipensile nekhrayoni.
2 Cacisa ukuba namhlanje abafundi baya **kubhala** ze **bazobe** malunga noko kucingwa okanye kuviwa komlinganiswa ebalini.
3 Yenza u**mfuziselo** ubabonisa **indlela okhetha ngayo abalinganiswa oko bakucingayo nabakuvayo** umzkl: UBantu uhleli kwaye unqwenela ukuba nomntu wokuthetha ngeemvakalelo zakhe. Ndicinga ukuba uziva elusizi kwaye elilolo!
4 Zoba owakho umfanekiso **ebhodini ka-Bantu ehleli phandle, eziva elusizi.**
5 **Yenza umfuziselo** ufakela ilifu lokucinga kumfanekiso linesivakalisi esi-1 okanye ezibini, umzkl: Kazi ndingathetha nabani xa ndiziva ndibuhlungu?
6 Okulandelayo xelela abafundi ukuba baza kukhetha umlinganiswa badibanise iimeko kwindlela acinga okanye aziva ngayo.
7 Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8 Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba iingcinga zabo.
9 Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

imizuzu 15

**1** Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
**2** Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
**3** Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
**4** Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
- **a** **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
- **b** **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
- **c** **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
- **d** **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
- **e** **Sibhale ngantoni kule veki?**
- **f** **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
- **g** **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
- **h** **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**

**5** Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Imifanekiso yeepiramidi / amangcwaba kwi-Egypt yakudala; imifanekiso yeTaj Mahal; imifanekiso yezinye izikhumbuzo ezinomdla kubantu abaswelekileyo.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda
6. Iindlela ezahlukeneyo abantu abakuhlonela ngako okanye bakubhiyozela ngako ukufa (kwiinkolo ezahlukeneyo, kumazwe ahlukeneyo, kwimbali yonke)
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
8. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 90, **Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 91–92, **Masibhale**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 93, **Masibhale**

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari malunga nexesha owanceda ngalo umhlobo okanye ilungu losapho elaziva libuhlungu.**

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso wesibingelelo esicace gca kwibali leNcwadi eNkulu: **Sikhumbula uTio Pablo**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo wethu: **Usizi nentlungu**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Kutheni abantu besiva intlungu okanye lusizi? (Ngaba ikhona into oyifundileyo malunga noku?)
   b Zeziphi izinto ezinokunceda xa umntu eziva ekhathazekile?
   c Ufunde ntoni ngosizi nentlungu kuMunene, ku-Aunt Jessica, uKhumo, noBantu?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - Point – Khomba igama
   - Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - Isibingelelo
   - cacisa
   - EMexico

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Iinyembezi ziliyeza | *Beka iminwe macala ezantsi kwamehlo uyehlise ubonisa iinyembezi* |
| Wakukhathazeka ziphalaze | ----------- |
| Zokupholisa emphefumlweni | *Beka isandla egxalabeni kosecaleni kwakho* |
| Chiphi chiphi maziqengqeleke | *Mthuthuzele* |
| Wakugqiba woziva ungcono | *Phefumla unge uthoba ixhala* |

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**

2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1–5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.

3 Biza izivakalisi kwisinye ngolu hlobo lungezantsi. Abafundi mababhale izivakalisi ecaleni kwenani elichanelekileyo.

   Izivakalisi Isinye ukuya kwisininzi

   1 Indoda liqhawe.
   2 Umntwana unokuva isandi.
   3 Intombazana iya kutya itumato.
   4 Umama ubeka itapile kwisuphu.
   5 Inkwenkwe idlala ngedomino.

4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona kwisininzi.

5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.

6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo: apho kukho utshintsho khona

7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:

   Izivakalisi Isinye ukuya kwisininzi

   1 Indoda liqhawe.
   Amadoda ngamaqhawe
   2 Umntwana unokuva isandi.
   Abantwana banokuva izandi
   3 Intombazana iya kutya itumato.
   Amantombazana atya itumato
   4 Umama ufaka itapile kwisuphu.
   Oomama bafaka iitapile kwisuphu.
   5 Inkwenkwe idlala ngedomino.
   Amakhwenkwe adlala ngeedomino.

8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.

9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Sikhumbula uTio Pablo**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

## UkuBhala: Imizuzu 30

### Ukuhlela

**ISIHLOKO: Bhala ibali malunga nomntu ohlangabezana nentlungu okanye usizi**

**UMSEBENZI:**

**Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci kwimihlathi emibini**

**(kwiizivakalisi ezili-12)**

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala itshekhilisti yokuhlela ebhodini phambi kokuqala ngesifundo.
- Bhala idrafti yakho ibe nempazamo enye ukuya kwezimbini phambi kokuqala ngesifundo.

**ITSHEKHILISTI YOKUHLELA:**

1 Ingaba ibali lam limalunga nomlinganiswa ohlangabezana nentlungu okanye usizi?
2 Ingaba ndilibuzile apho lenzeka khona ibali (phi kwaye nini)?
3 Ingaba ndizibandakanyile iinkcukacha zoko kwenzekileyo?
4 Ndizibhalile izivakalisi ezili-12 ubuncinane?
5 Ndibhalile ubuncinane imihlathi emibini?
6 Ingaba ndiwapele onke amagama ngokuchanekileyo?
7 Ingaba isivakalisi ngasinye siqala ngonobumba omkhulu?
8 Ingaba zonke izivakalisi ziphela ngeziphumlisi ezifanelekileyo?

## YENZA UMFUZISELO WENKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1 Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela ukhwaze.
2 Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.
3 Jonga itshekhlisti yakho, ujonge nedfrafti yakho ukuba ichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4 Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.

## ABAFUNDI BAZALISA INKQUBO YOKUHLELA (UYENZA)

1 Banike incwadi zokubhala.
2 Abafundi mabafumane iidrafi zabo ezincwadini.
3 Xelela abafundi bajonge itshekhlisti yokuhlela ze benze izilungiso okanye ukuphucula okufunekayo.
4 Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.
5 Lungisa iimpazamo ezifanayo kumbhalo wabafundi.
6 Abafundi mabakunike inzolo ubhale zonke iimpazamo ebhodini. Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 6.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ngqw**
2 Biza igama: **ingqwayi**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ngqw/-/a/-/y/-/i/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ngqw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/y/**
8 Biza isandi sesine: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingqwayi**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ngqw/-/a/-/y/-/i/** = **ingqwayi**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ngqwa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/yi/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/i/-/ngqwa/-/yi/** = **ingqwayi**

IVEKI 6

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngqw**
2 Biza igama: **ngqwadalala**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/ngqw/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/a/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/d/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/a/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/l/**
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sesitandathu kweli gama? **/a/**
9 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/l/**
10 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
11 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/ngqw/-/a/-/d/-/a/-/l/-/a/-/l/-/a/**
12 Bhala igama elipheleleyo: **ngqwadalala**
13 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: **/ngqw/-/a/-/d/-/a/-/l/-/a/-/l/-/a/** = **ngqwadalala**
14 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/ngqwa/**
15 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/da/**

16 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/la/**

17 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/la/**

18 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/ngqwa/-/da/-/la/-/la/** = **ngqwadalala**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ngqw**
2. Abafundi mababhale amanani 1–3.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **ingqwayi**
   2. **ungqwabalala**
   3. **ngqwadalala**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5. Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ngqw**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA/ NDINOMFANEKISO –NTELEKELELO**

| iTekisi | Ufundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Sikhumbula uTio Pablo</u>**<br><br>*Kukho imicimbi yenkolo eyahlukileyo kwihlabathi jikelele abathi abantu bayenze ukunika imbeko nokukhumbula abantu abangasekhoyo.*<br><br>*EMzantsi Afrika abantu abaninzi benza utyhilo-litye, kudla ngokuba semva konyaka umntu eswelekile. Lo msebenzi lixesha lokunika imbeko nokubhiyozela ubomi balowo ungasekhoyo, emva konyaka wokuzila. Lo msebenzi udla ngokuqala ngenkonzo, ze emva koko kutyhilwe ilitye kulandele ukufundwa kombhalo elityeni. Ekugqibeleni kwabelwana ngokutya neziselo ze kubhiyozwe.*<br><br>*EMexico kubakho umbhiyozo owaziwa ngokuba yiDia de los Muertos kanye ngonyaka ukusukela kumhla wama 31 Okthobha ukuya kumhla wesi-2 Novemba kunikwe imbeko kwabangasekhoyo. Lo mbhiyozo waqala kwinyaka engamawaka waka eyadlulayo kubantu bakudala baseMbindini weMelika, ababekuthatha ukuzilela abangasekhoyo njengokungabi nantlonipho. Kubantu bale nkcubeko ukufa kwakuyinxalenye engummiselo wobomi. Babekholelwa ekugcineni abangasekhoyo bephila ngeenkumbulo nangomoya. Ngexesha lombhiyozo iDia de los Muertos, babekholelwa ukuba abo bangasekhoyo babuyela emhlabeni okwethutyana. Namhlanje iintsapho zisazakha izibingelelo ukukhokhela abangasekhoyo babo baze kuba yinxalenye nabo kwimibhiyozo.*<br><br>*Kweli bali uza kudibana namagama olwimi lwaseSpain:*<br><br>*Dia de los Muertos – usuku lwabangasekhoyo (lubizwa ngolu hlobo deeah deh lows mwertoes)*<br><br>*Tio – malume*<br><br>*Abuela – makhulu*<br><br>*Tamales – iipayi ezincinane ezinenyama eqholiweyo okanye imifuno* | |

| iTekisi | Ufundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Yayingumbhiyozo wokuqala we*Dio de los Muertos* emva kokusweleka kukaTio Pablo wam. Umama wam ugqibe ukuba masakhe isibingelelo esisodwa esiyokozelayo kulo nyaka – ukuze simkhokhelele ekhaya okokuqala emva kokusweleka kwakhe.<br><br>Ngosuku oluphambi kombhiyozo, umama wam walungisa iitafile ezimbini kwigumbi lokuhlala. Wabeka ilaphu elinombala oqaqambileyo phezu kwetafile nganye. Emva koko wabeka iibhokisi eziyimilinganiselo emininzi eyahlukileyo phezu kwetafile nganye ukwenza amanqwanqwa asixhenxe. | **Ndinomfanekiso –ntelekelelo** kamama wombalisi elungisa iitafile ngocoselelo njengoko ecinga ngomama wakhe kunye nomnakwabo abangasekhoyo. |
| Ngosuku oluphambi komhla wo-1 kuNovemba, umama wam wacela udade wethu aqokelele iifoto ezikhoyo endlwini kaTio Pablo eze nazo kuye. Wafumana iifoto ezindala zakhe noTio besengabantwana abancinane. Wazibeka zonke ezo foto zajikeleza isibingelelo.<br><br>'Nantso ke!' watsho umama. 'Oku kuya kwenza umphefumlo kaTio uzive wamkelekile – wazi ukuba asimlibelanga.' | **Ndenza umfanekiso-ntelekelelo** kamama wombalisi elungisa ifoto ngocoselelo kumanqwanqwa ahlukileyo esibingelelo, encumile njengoko ekhumbula amaxesha olonwabo kunye nomnakwabo. |
| Emva koku umama wabeka ifoto kaAbuela wethu ngohlobo esenza ngalo minyaka le.<br><br>'UAbuela sekulithuba esiza ekhaya,' watsho udade wethu njengoko ejonge umfanekiso omkhulu kaAbuela eyintokazi eselula. | ------- |
| Emva koku umama wanika udade wethu nam isingxobo esizele ziintyatyambo iimarigold. 'UAbuela wayezithanda iimariglod. Ndicinga ukuba ivumba lazo limenza azive amkelekile onwabile minyaka le xa efika ekhaya,'watsho umama.<br><br>'Ezi ntyatyambo zininzi kakhulu kunezi siqhele ukuzifuna!' ndatsho kumama, ndifaka impumlo kwisingxobo esinevumba elimnandi.<br><br>'Uyabona kulo nyaka siza kwenza indledlana esuka emnyango eza esibingelelweni – ukuze siqinisekise ukuba umphefumlo kaTio usifumana ngokulula isibingelelo,' watsho umama. Wasibonisa indlela yokutsala iiphethali zeentyatyambo. Saza sazisasaza ngobuchule ukusuka emnyango ukuya kutsho esibingelelweni. Sasebenzisa iintyatyambo eziseleyo sahombisa isibingelelo.<br><br>'Ndicinga ukuba sesona sibingelelo sihle esakhe sasenza esi!' watsho udade wethu, ngoncumo olusixwexwe. 'Ndicinga ukuba uTio uyakukuthanda oku.' | **Ndinomfanekiso-ntelekelelo** wombalisi kunye nodade wabo betsala iiphethali kwiintyatyambo behombisa irhanga – ukuya kutsho esibingelelweni! **Ndinomfanekiso-ngqondweni** wevumba eliswiti leentyatyambo lijikeleze indlu. |

| iTekisi | Ufundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Luhlobo luni lokutya esiza kukushiyela umphefumlo kaTio?' ndabuza kumama.<br><br>'Bobabini uTio noAbuela bebezithanda iitamale ezineziqholo,' watsho umama. Waya ekhitshini wabuya neetamale ezine zesibingelelo. 'Oku kunokunceda endlaleni emva kohambo lwabo olude – besuka kwilizwe lemimoya bebuyela apha – kwilizwe lethu baphilayo!' | Isibingelelo sinelaphu elinombala oqaqambileyo, imifanekiso kunye nokutya ngoku. Siye sisiba sihle ngakumbi siyayokozela. |
| 'Ndiyakhumbula ukuba uTio wayeyithanda itshokholethi ephungwayo – yayiyeyona nto wayeyithanda ngaphezu kwezinye! Ndiza kumenzela ikomityi ezeleyo eshoqololo,' watsho udade wethu, ebaleka engena ekhitshini.<br><br>'Oo, ndiyaqonda baza kube benxanwe nokunxanwa emva kohambo lwabo olude,' watsho umama. 'Valentina, yiza neeglasi zamanzi zibe mbini, ungasinceda,' wandisebezela watsho. | **Ndizenzela umfanekiso-ntelekelelo** kaSophia ezimisele esenzela umalume wakhe itshokolethi ephungwayo ngocoselelo. Oku kufanele ukuba kuvakala njengenye yeendlela zokuqhoboshelana nomalume wakhe noxa engasekho. |
| Umama waxhoma iiflegi zephepha eludongeni oluphezu kwesibingelelo – amakhakhayi anemibala egqamileyo, nobugoxo bamathambo adanisayo anemibala egqamileyo. | Iiflegi zenza isibingelelo sikhangeleke sihle ngakumbi. **Ndicinga ukuba** usapho **luzenzela umfanekiso-ntelekelelo** wobuso obothukileyo bukamalume uTio xa ebona ixesha abalithathileyo ukumlungiselela isibingelelo. |
| Umama wabuya umva ebuka isibingelelo esihle. 'Owu! Ndiphantse ndalibala!' waphefumlela phezulu. | **Ndicinga** ukuba usapho kweli bali **luzenzela umfanekiso-ntelekelelo** kaAbuela wabo noTio bebona isibingelelo xa bebuya – bebuka oko bakubonayo! |
| Umama wabaleka wangena ekhitshini waza wabuya ephethe ibhokisi emhlophe wandinika yona.<br><br>'Owu! Azisentle!' ndatsho njengoko ndiyivula ibhokisi enamakhakhayi eswekile. Ndawabeka ngobuchule ecaleni kwefoto kaTio Pablo. | **Ndiyakwazi ukwenza umfanekiso-ntelekelelo** wombalisi ebeka amakhakhayo acekeceke esibingelelweni. Indlela awabeka ngayo amakhakhayi ibonisa indlela amkhathalele ngayo uTio noAbuela abangasekhoyo. |
| Okokugqibela, umama wabeka amakhandlela amabini – elinye ilelikaTio Pablo elinye ilelikaAbuela. Njengoko wayewalayita amakhandlela, ndacinga ngemiphefumlo kaTio wam noAbuela ibuyela ekhaya – ukuza kuba yinxalenye yethu ngombhiyozo we*Dia de los Muertos.* | Isibingelelo sicace gca kuba usapho lombalisi lubeke inkathalo enkulu ekulungiseleleni. **Ndicinga** ukuba imihombiso ibonisa ukuba basawathanda kwaye bawakhathalele kangakanani amalungu osapho lwabo aswelekileyo. |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Ubizwa ngokuba yintoni umbhiyozo ekuthethwa ngawo ebalini? | Lo mbhiyozo ubizwa ngokuba yi*Dia de los Muertos.* |
| Zinto zini ezabekwa ngumbalisi esibingelelweni sabo? | Esibingelelweni babeka iifoto, ilaphu elinombala oqaqambileyo, iimarigold, iitamale eziqholiweyo, itshokolethi ephungwayo, amanzi, amakhakhayi eswekile, kunye namakhandlela. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezililindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze usapho lombalisi lwakhe isibingelelo esiyokozelayo. | • Kuba ngumbhiyozo we*Dia de los Muertos,* kwaye ukwakha isibingelelo lisiko labo.<br>• Kuba babefuna ukunika imbeko umalume nomakhulu wombalisi.<br>• Yayiyi*Dia de los Muertos* yokuqala emva kokusweleka kukamalume wabo uPablo, ngoko babefuna ukwakha isibingelelo esisodwa.<br>• Kuba ukubeka ixesha neengcinga kwisibingelelo sabo kubanceda bazive beqhagamshelene nabo babathandayo abangasekhoyo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30



**AMAQELA:** ______________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- ukubhiyozela
- isiko
- umoya

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Iinyembezi ziliyeza | *Beka iminwe macala ezantsi kwamehlo uyehlise ubonisa iinyembezi* |
| Wakukhathazeka ziphalaze | ----------- |
| Zokupholisa emphefumlweni | *Beka isandla egxalabeni kosecaleni kwakho* |
| Chiphi chiphi maziqengqeleke | *Mthuthuzele* |
| Wakugqiba woziva ungcono | *Phefumla unge uthoba ixhala* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI




**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo:

Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nyhw**
2 Biza igama: **inyhwagi**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nyhw/-/a/-/g/-/i/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/nyhw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/g/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inyhwagi**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/nyhw/-/a/-/g/-/i/** = **inyhwagi**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/nyhwa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/gi/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/i/-/nyhwa/-/gi/** = **inyhwagi**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nyhw**
2 Biza igama: **inyhweba**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nyhw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/e/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/b/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/a/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nyhw/-/e/-/b/-/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inyhweba**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/nyhw/-/e/-/b/-/a/** = **inyhweba**
11 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/nyhwe/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ba/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/nyhwe/-/ba/** = **inyhweba**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u **– nyhw**.
2 Abafundi mababhale amanani 1–2.
3 Bizela la magama alandelayo:
  1 **inyhwagi**
  2 **inyhweba**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________


Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **nyhw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO: Bhala ibali malunga nomntu ohlangabezana nentlungu okanye usizi**

**UMSEBENZI:**

**Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci kwimihlathi emibini (kwiizivakalisi ezili-12)**

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Umhlathi 1**

Kwaku… (Bhala malunga nengxaki ebalini. Nika iinkcukacha ngabalinganiswa, indawo abahlala kuyo, nokuba kwenzeka ntoni.)

**Umhlathi 2**

Xa… (Bhala malunga nendlela esonjululwe ngayo ingxaki. Kwenzeka ntoni ebalini ukunceda abalinganiswa bajongane nentlungu okanye usizi lwabo?)

**Umhlathi 3 (uyakhetha**)

Emva kwexesha… (Bhala ngendlela eliphela ngayo ibali. Kwenzeka ntoni emva koko ebalini.)…………………

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)


1 Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhilisti yokuhlela wahlela iidrafti.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje siza kushicilela ze sabelane ngemibhalo yethu.
3 Bonisa abafundi indlela yokubhala kwakhona umbhalo wakho ube nesihloko nomhla.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOSHICILELO (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zokubhala.
2 Yalela abafundi ukuba babhale umhla nesihloko: …**uziva ekhathazekile**
3 Xelela abafundi ukuba baphinde bawubhale ngobunono umsebenzi wabo wokugqibela, kungabikho zimpazamoAbafundi mababhale umbhalo wakho kwakhona ngaphandle kwempazamo.
4 Abafundi bangafaka umzobo ukuba banexesha **ekupheleni kweleta.**
5 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
6 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe iingxoxwana nabo batsala nzima.

**ABAFUNDI BABELANA NGEMIBHALO**

1. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela abafundi mababeke phantsi iipenisile neepeni.
2. Abafundi mabaguquke bathethe nomlingani.
3. Biza umfundi omnye ukuya kwaba-2 babelane ngombhalo wabo neklasi.
4. Qulunqa umsebenzi wabafundi ube yincwadi yeklasi. Yenza incwadi ifumaneke kwikona yokufunda ukuze bafunde



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

**1** Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
**2** Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
**3** Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
**4** Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
**5** Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
**6** Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
**7** Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
**8** Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
**9** Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 6

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukutshintsha Isandi

**NDIYENZA...**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **inyhweba, rhweba**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **inyhweba, rhweba**
4 Cacisa umahluko ku: **/iny/** no **/r/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **ingqwayi, ingqayi**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **ingqwayi, ingqayi**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **ngqwadalala**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **dlala, idlala, ukudlala, hlala, indlala, ungqwabalala,**

**UYENZA ...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **inyhweba**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**uceba**, **cheba**, **hleba**, **inxeba**, **rhweba**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lwesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYACINGA/ NDINOMFANEKISO – NTELEKELELO**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Sikhumbula uTio Pablo**<br>*Kukho imicimbi yenkolo eyahlukileyo kwihlabathi jikelele abathi abantu bayenze ukunika imbeko nokukhumbula abantu abangasekhoyo.*<br>*EMzantsi Afrika abantu abaninzi benza utyhilo-litye, kudla ngokuba semva konyaka umntu eswelekile. Lo msebenzi lixesha lokunika imbeko nokubhiyozela ubomi balowo ungasekhoyo, emva konyaka wokuzila. Lo msebenzi udla ngokuqala ngenkonzo, ze emva koko kutyhilwe ilitye kulandele ukufundwa kombhalo elityeni. Ekugqibeleni kwabelwana ngokutya neziselo ze kubhiyozwe.*<br>*EMexico kubakho umbhiyozo owaziwa ngokuba yiDia de los Muertos kanye ngonyaka ukusukela kumhla wama 31 Okthobha ukuya kumhla wesi-2 Novemba kunikwe imbeko kwabangasekhoyo. Lo mbhiyozo waqala kwinyaka engamawaka waka eyadlulayo kubantu bakudala baseMbindini weMelika, ababekuthatha ukuzilela abangasekhoyo njengokungabi nantlonipho. Kubantu bale nkcubeko ukufa kwakuyinxalenye engummiselo wobomi. Babekholelwa ekugcineni abangasekhoyo bephila ngeenkumbulo nangomoya. Ngexesha lombhiyozo iDia de los Muertos, babekholelwa ukuba abo bangasekhoyo babuyela emhlabeni okwethutyana. Namhlanje iintsapho zisazakha izibingelelo ukukhokhela abangasekhoyo babo baze kuba yinxalenye nabo kwimibhiyozo.*<br>*Kweli bali uza kudibana namagama olwimi lwaseSpain:*<br>*Dia de los Muertos – usuku lwabangasekhoyo (lubizwa ngolu hlobo deeah deh lows mwertoes)* | Kukho iindlela ezahlukileyo kwihlabathi jikelele zokujongana nentlungu. **Ndicinga ukuba** imicimbi yenkolo okanye amasiko ayenye yeendlela ezibalulekileyo zokuba abantu kwihlabathi jikelele bajongane ngayo nokukhathazeka kokulahlekelwa ngabantu ababathandayo. |


IVEKI 6

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| *Tio – malume*<br><br>*Abuela – makhulu*<br><br>*Tamales – iipayi ezincinane ezinenyama eqholiweyo okanye imifuno* | |
| Yayingumbhiyozo wokuqala we*Dio de los Muertos* emva kokusweleka kukaTio Pablo wam. Umama wam ugqibe ukuba masakhe isibingelelo esisodwa esiyokozelayo kulo nyaka – ukuze simkhokhelele ekhaya okokuqala emva kokusweleka kwakhe.<br><br>Ngosuku oluphambi kombhiyozo, umama wam walungisa iitafile ezimbini kwigumbi lokuhlala. Wabeka ilaphu elinombala oqaqambileyo phezu kwetafile nganye. Emva koko wabeka iibhokisi eziyimilinganiselo emininzi eyahlukileyo phezu kwetafile nganye ukwenza amanqwanqwa asixhenxe. | Kokokuqala usapho lombalisi lubhiyozela iDia de los Muertos oko uTio Pablo wabo waswelekayo. **Ndicinga** ukuba ukubhiyoza ngolu hlobo yenye yeendlela zokujongana nentlungu yokuswelekelwa ngumntu omthandayo. |
| Ngosuku oluphambi komhla wo-1 kuNovemba, umama wam wacela udade wethu aqokelele iifoto ezikhoyo endlwini kaTio Pablo eze nazo kuye. Wafumana iifoto ezindala zakhe noTio besengabantwana abancinane. Wazibeka zonke ezo foto zajikeleza isibingelelo.<br><br>‘Nantso ke!’ watsho umama. ‘Oku kuya kwenza umphefumlo kaTio uzive wamkelekile – wazi ukuba asimlibelanga.’ | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kamama wombalisi esifa ziinkumbulo njengoko elungisa iifoto zijikelelze isibingelelo. |
| Emva koku umama wabeka ifoto kaAbuela wethu ngohlobo esenza ngalo minyaka le.<br><br>‘UAbuela sekulithuba esiza ekhaya,’ watsho udade wethu njengoko ejonge umfanekiso omkhulu kaAbuela eyintokazi eselula. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uAbuela wabo wasweleka kudala – kodwa oko akuthethi ukuba intlungu yesuka. Abantu bajongana nentlungu ixesha elide bakulahlekelwa ngumntu abamthandayo. |
| Emva koku umama wanika udade wethu nam isingxobo esizele ziintyatyambo iimarigold. ‘UAbuela wayezithanda iimariglod. Ndicinga ukuba ivumba lazo limenza azive amkelekile onwabile minyaka le xa efika ekhaya,’watsho umama.<br><br>‘Ezi ntyatyambo zininzi kakhulu kunezi siqhele ukuzifuna!’ ndatsho kumama, ndifaka impumlo kwisingxobo esinevumba elimnandi. | **Ndicinga** ukuba le nkqubo yokwenza isibingelelo kunceda usapho lujongane nentlungu yalo. Bayakwazi ukubhiyozela izinto abazithandayo ngabantu babo abangasekhoyo, babe nexesha lokubakhumbula, beve inkumbulo ngabo kufutshane noxa bengasekho. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Uyabona kulo nyaka siza kwenza indledlana esuka emnyango eza esibingelelweni – ukuze siqinisekise ukuba umphefumlo kaTio usifumana ngokulula isibingelelo,' watsho umama. Wasibonisa indlela yokutsala iiphethali zeentyatyambo. Saza sazisasaza ngobuchule ukusuka emnyango ukuya kutsho esibingelelweni. Sasebenzisa iintyatyambo eziseleyo sahombisa isibingelelo.<br><br>'Ndicinga ukuba sesona sibingelelo sihle esakhe sasenza esi!' watsho udade wethu, ngoncumo olusixwexwe. 'Ndicinga ukuba uTio uyakukuthanda oku.' | |
| 'Luhlobo luni lokutya esiza kukushiyela umphefumlo kaTio?' ndabuza kumama.<br><br>'Bobabini uTio noAbuela bebezithanda iitamale ezineziqholo,' watsho umama. Waya ekhitshini wabuya neetamale ezine zesibingelelo. 'Oku kunokunceda endlaleni emva kohambo lwabo olude – besuka kwilizwe lemimoya bebuyela apha – kwilizwe lethu baphilayo!' | Njengoko usapho lulungisa isibingelelo, luyakwazi ukubonakalisa inkathalo nothando kwabo bantu lulahlekelwe ngabo ngokubenzela izinto ezizodwa – njengokubenzela izidlo abazithandayo. **Ndicinga** ukuba oku kubanceda bajongane nentlungu yabo. |
| 'Ndiyakhumbula ukuba uTio wayeyithanda itshokholethi ephungwayo – yayiyeyona nto wayeyithanda ngaphezu kwezinye! Ndiza kumenzela ikomityi ezeleyo eshoqololo,' watsho udade wethu, ebaleka engena ekhitshini.<br><br>'Oo, ndiyaqonda baza kube benxanwe nokunxanwa emva kohambo lwabo olude,' watsho umama. 'Valentina, yiza neeglasi zamanzi zibe mbini, ungasinceda,' wandisebezela watsho. | Njengoko usapho lulungisa isibingelelo, luneenkumbulo ngoTio wabo noAbuela wabo. **Ndicinga** ukuba oku kufanele ukubanceda bangaze babalibale abantu ababathandayo – nokuba bazive besondele kubo noxa bengasekho. |
| Umama waxhoma iiflegi zephepha eludongeni oluphezu kwesibingelelo – amakhakhayi anemibala egqamileyo, nobugoxo bamathambo adanisayo anemibala egqamileyo. | **Ndicinga** ukuba bayazimisela ukwenza isibingelelo esihle ngakumbi kuba oku kubenza bazive beqhoboshelene namalungu osapho lwabo angasekhoyo. |
| Umama wabuya umva ebuka isibingelelo esihle. 'Owu! Ndiphantse ndalibala!' waphefumlela phezulu. | ----- |
| Umama wabaleka wangena ekhitshini waza wabuya ephethe ibhokisi emhlophe wandinika yona.<br><br>'Owu! Azisentle!' ndatsho njengoko ndiyivula ibhokisi enamakhakhayi eswekile. Ndawabeka ngobuchule ecaleni kwefoto kaTio Pablo. | **Ndicinga** ukuba ukuchitha ixesha belungiselela uAbuela noTio isibingelelo kunceda usapho lujongane nentlungu yalo, kuba bafumana ithuba lokubuyisa iinkumbulo ngabo imini yonke. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Okokugqibela, umama wabeka amakhandlela amabini – elinye ilelikaTio Pablo elinye ilelikaAbuela. Njengoko wayewalayita amakhandlela, ndacinga ngemiphefumlo kaTio wam noAbuela ibuyela ekhaya – ukuza kuba yinxalenye yethu ngombhiyozo we*Dia de los Muertos.* | **Ndicing**a ukubhiyozela abafileyo kanye ngonyaka kunceda abantu ukuba bajongane nentlungu, kuba banexesha apho befanele ukuba bathethe malunga nokukhumbula abantu abangasekhoyo. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Lukhumbula ntoni usapho ngoTio noAbuela njengoko lulungisa isibingelelo? | Lukhumbula ukuba uAbuela wayezithanda iimarigpld, uTio noAbuela bobabini babezithanda iitamale eziqholiweyo, isiselo esithandwa nguTio yitshokholethi ephungwayo. |
| Ucinga ukuba luziva njani usapho njengoko lulungisa isibingelelo? | *Ndicinga ukuba luziva...kuba...* |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Lizalana njani eli bali nomxholo we 'Ntlungu?' | *Ndicinga ukuba lizalana nomxholo 'weNtlungu' kuba...* |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ukuhlela
- umnqweno
- umzobo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Iinyembezi ziliyeza | *Beka iminwe macala ezantsi kwamehlo uyehlise ubonisa iinyembezi* |
| Wakukhathazeka ziphalaze | ----------- |
| Zokupholisa emphefumlweni | *Beka isandla egxalabeni kosecaleni kwakho* |
| Chiphi chiphi maziqengqeleke | *Mthuthuzele* |
| Wakugqiba woziva ungcono | *Phefumla unge uthoba ixhala* |



### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Eli bali limalunga…
Into enye endiyifundileyo kweli bali…
Eli bali lihambelana nomxholo othi 'Usizi nentlungu ' kuba…
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.
4 Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **ngqw** | **nyhw** | **i** |
| **y** | **a** | **b** |
| **l** | **d** | **g** |
| **e** | **u** | **o** |

#### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ngqw/** no **/nyhw/**
2 Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/**-**/ngqw/**-**/a/**-**/y/**-**/i/** = **ingqwayi**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ngqw/ okanye /nyhw/**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/d/**-**/e/**-**/l/**-**/a/** = **dela**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ngqw, nyhw**
2 Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama: **ingqwayi, ungqwabalala, ngqwadalala, inyhwagi, inyhweba, dela, bala, yiyo, gada, dloba**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA ISIGQIBO NGOKUFUNDA IBALI**

**UKUBALISA OKANYE UKUBHALA ISISHWANKATHELO NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Cacisa ukuba namhlanje siza kucinga *ngeyona ndawo ibalulekileyo apha ebalini*.
2. Siza kuphinda sicinge ngento esinokuthi sinxibelelane nayo ebalini.
3. Ibali ngalinye liza kuwongwa ngamaqaku ama-Ukuba ibali lakho sililithandile uza kuwafumana onke la manqaku, ukanti ukuba asilithandanga siza kunika i-0.
4. Bhala ifreyimu yesishwankathelo sebali ebhodini.
5. Abafundi mabasebenzise ifreyimu ukuphendula imibuzo:
   **Eli bali lingo**… (Izivakalisi ezi – 2 ukuya kwezi – 3)
   **Usapho kweli bali lakha isibingelelo kuba……**
   **Ndifunde………..**
   **Kwinkwenkwezi ezi-5, ndinika eli bali… kuba**
6. Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
   Yenza umfuziselo ubonisa owakho umzekelo yithi:
   *Eli bali limalunga nosapho olwakha isibingelelo sikaDia de los Muertos eMexico. Sifunda ukuba bakha isibingelelo esikhethekileyo kuba ngunyaka wokuqala ukusweleka kukamalume wabo. Usapho kweli bali lakha isibingelelo kuba sisithethe esikhethekileyo ekufuneka babhiyozele abafileyo babo.*
   *Ndifunde ukuba ukutya, iziselo neentyatyambo zibekwe esibingelelweni. Kwinkwenkwezi ezi-5, ndinika eli bali iinkwenkwezi ezi-5 kuba ndifunde okuninzi ngendawo entsha!*
7. Nika abafundi ixesha lokucinga ngetekisi.
8. Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngabakushwankathileyo nomhlobo.
9. Abafundi mabakunike inzolo.
10. Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
11. Shwankathela ibali ngolu hlobo:
    *Eli bali limalunga nosapho olwakha isibingelelelo esikhethekileyo ngenxa yokuba kungunyaka wokuqala ukusweleka kukamalume waso. Bahlala eMexico kwaye babhiyozela iholide kaDia de los Muertos. Usapho kweli bali lwakha isibingelelo kuba sisithethe esikhethekileyo esibanceda ukuba bamkele amalungu abo osapho asweleke ekhaya ngenxa kaDia de los Muertos. Sifunde ukuba ukutya, iziselo, iifoto kunye neentyatyambo zibekwe esibingelelweni.Kwinkwenkwezi ezi-5, silinika eli bali iinkwenkwezi ezi-5 kuba imifanekiso intle kakhulu kwaye sifunde into entsha ngeMexico!*

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1 Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2 Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3 Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4 Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yeGreat Zimbabwe; imifanekiso yezinye iindawo zembali kwihlabathi liphela.
5 Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngeenyani malunga neGreat Zimbabwe.
6 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zikwimeko elungileyo.
8 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **94, Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **95–96, Masibhale**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama **97, Nwabisa**

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso uze ubhale ngento ethile ekwimbali ofuna ukuyazi**.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi amatye awileyo ebalini leNcwadi eNkulu**: Uhambo olukhulu lukaShamiso**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Imbali**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Yintoni imbali?
   b Wazi ntoni ngembali
   c Kutheni ucinga ukuba imbali ibalulekile?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - Point – Khomba igama
   - Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - imbali
   - mandulo
   - isinyanya

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Kudala dala sithi yimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Konke okulapho kungumangaliso | *Beka isandla esilevini unge umangele* |
| Imihla yonke sifunda okutsha | *Beka umnwe entloko* |
| Awugqibeki unzulu okolwandle | *Vula izandla emacaleni ubuye wehlise sibe sinye ubonise ubunzulu* |
| Kudala dala sithi uyimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Ngumdla omkhulu ukwazana nawe | ---------------- |

IVEKI 7

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko.
2. Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1–5 ecaleni komgca.
3. Bhala esi sivakalisi silandelayo ebhodini ecaleni kwenani 1: **Utitshala wam undinike into emnandi ngemini yam yokugqibela esikolweni.**
4. Bhala ezi zimelabizo zilandelayo kwinani isi-2 ukuya kwi-4.
   1. yena
   2. bona
   3. thina
5. Yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona beqala ngegama elinikiweyo.
6. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
7. Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo: apho kukho utshintsho khona
8. Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:
9. Utitshala wakhe umnike into emnandi ngemini yakhe yokugqibela esikolweni.
10. Utitshala wabo ubanike into emnandi ngemini yabo yokugqibela esikolweni.
11. Utitshala wethu usinike into emnandi ngemini yethu yokugqibela esikolweni.
12. Yalela abafundi ukuba bathathe ipensile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

Isivakalisi: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ngaphambi Kokufunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Uhambo olukhulu lukaShamiso**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

## UkuBhala: Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Yiba nodliwano-ndlebe nomntu osele ekhulile kusapho lwakho uzame ukufumanisa ukuba sasinjani na isikolo kubo. Emva koko bhala imihlathi emibini malunga nodliwanondlebe.

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakhe ubuncinci imihlathi emibini ( izivakalisi ezili-12)

**UBUGCISA BOKUYILA**: Bhala uluhlu.

**UKULUNGISELELA: Bhala uluhlu**

#### YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHALA

1 **B**onisa abafundi ukuba ababhali **bayacinga phambi kokuba babhale**
2 Cacisa iimbono zakho, ngohlalutyo lwencwadi ngolu hlobo:
*Namhlanje siza kucinga ngemibuzo esingathanda ukuyibuza umntu okhulileyo kusapho lwethu malunga nokuba imfundo yabo ibinjani. Emva koko, uya kuza nemibuzo ekhaya kwaye ugqibezele udliwanondlebe lomsebenzi wasekhaya. Ndizakwenza udliwanondlebe nomakhulu wam kuba ndinomdla wokwazi ngakumbi malunga nokuba ubomi babunjani kuye ngelaxesha wayemncinci*

#### UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA)

1 Yiba nesicwangciso sokuyila ukubhala kwelinye lamacala ebhodi yakho.
2 Bonisa abafundi indlela yokwenza uluhlu ngokuphendula imibuzo.
3 Gqibezela ukuyila kwelinye icala lebhodi

| **Imibuzo eplaniweyo** | **iPlani** |
|---|---|
| **Ndiza kudliwanondlebe**:<br><br>Bhala imibuzo eli-10 oza kuyibuza ngexesha lodliwanondlebe. | **Ndizakuba nodliwanondlebe: Umakhulu wam**<br><br>**1** Ufunde kwesiphi esikolo?<br>**2** Uqale uneminyaka emingaphi isikolo?<br>**3** Sasinjani isikolo sakho?<br>**4** Ucinga ukuba yintoni efanayo ngesikolo ngelo xesha nangoku?<br>**5** Ucinga ukuba yintoni eyahlukileyo ngesikolo ngoku nexesha lenu?<br>**6** Wawuthanda ntoni ngesikolo?<br>**7** Yintoni owawungayithandi ngesikolo?<br>**8** Ngubani oyena titshala wawumthanda? Ngoba?<br>**9** Wayeka nini ukuya esikolweni?<br>**10** Wayekiswa yintoni isikolo? |

## ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)


1. Abafundi mabavale amehlo bacinge ngento abayifundileyo nangento entsha abaceba ukuyifunda.
2. Xelela abafundi **baguquke bathethe** nomlingane besabelana ngeengcinga zabo.
3. Bonisa abafundi ifreyimu yokuyila ebhodini, abafundi mabasebenzise le freyimu yokuyila ukwenza umsebenzi wabo njengoko ubuwenzile.
4. Banike incwadi zokubhala.
5. Xelela abafundi ukuba babhale iingcinga zabo – **bangakopi** ezakho.
6. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.
7. **Kuya kufuneka abafundi bagqibe udliwanondlebe njengomsebenzi wasekhaya** Ngolwesithathu**.**

Isicwangciso

Ndizakuba nodliwano-ndlebe: Nomakhulu wam

1. Ufunde phi?
2. Wazala nini esikolweni?
3. Kwakunjani esikolweni sakho?
4. Yintoni ocinga ukuba iyafana ngesikolo ngoko nangoku?
5. Yintoni ocinga ukuba yahlukile ngesikolo ngoko nangoku?
6. Wawuthanda ntoni ngesikolo?
7. Wawucaphukela ntoni ngesikolo?
8. Yayingubani oyena titshala wawumthanda?
9. Wayeka nini ukukamba isikolo?
10. Kwakutheni ukuze uyeke isikolo?





## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 7.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ndy**
2 Biza igama: **indyebo**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: /**i**/-/**ndy**/-/**e**/-/**b**/-/**o/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ndy/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
8 Biza isandi sesine: **/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **indyebo**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: /**i**/-/**ndy**/-/**e**/-/**b**/-/**o**/ = **indyebo**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ndye/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/bo/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: /**i**/-/**ndye**/-/**bo**/ = **indyebo**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngc**
2 Biza igama: **ingcambu**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ngc/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/mb/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine? **/u/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: /**i**/-/**ngc**/-/**a**/-/**mb**/-/**u**/
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingcambu**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: /**i**/-/**ngc**/-/**a**/-/**mb**/-/**u**/ = **ingcambu**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ngca/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/mbu/**
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: /**i**/-/**ngca**/-/**mbu**/ = **ingcambu**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ndy, ngc**
2 Abafundi mababhale amanani 1–9.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **indyebo**
   2 **indyondyo**
   3 **indyandya**
   4 **ingca**
   5 **ingcawe**
   6 **ingcambu**
   7 **ukungcola**
   8 **ingcongconi**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

IVEKI 7

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ndy, ngc**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

Utata unendyondyo.

Utata unengcawe ende.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIZENZELA UMFANEKISO-NTELEKELELO**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Uhambo olukhulu lukaShamiso</u>**<br>UShamiso nosapho lwakhe bakulinda iinyanga ukufika kweholide yesikolo. Babeza kutyelela usapho lwabo eZimbabwe. Endleleni, babeza kumisa kwindawo eyaziwa ngokuba yiGreat Zimbabwe. UShamiso wakhangela iGreat Zimbabwe kwi-intanethi. Wafunda ukuba sisixeko esikhulu nebhotwe lakudala.<br>'Wowu! Kuyabukeka oku!' wacinga njalo. Wayesitsha ziintambo ukubona indawo yookhokho bakhe. | Ndizenzela **umfanekiso – ntelekelelo** kaShamiso epakisha azilungiselela iseziintsuku phambi kohambo kuba uchwayite ngeyona ndlela! Ndicinga ukuba uchwayitele ukufunda ngakumbi ngendlela ababephile ngayo ookhokho bakhe! |
| IMAGE ONLY | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso esebenzisa uGoogle ephanda ngeGreat Zimbwabwe. Ndizenzela **umfanekiso – ntelekelelo** wakhe ecofa yonke imifanekiso ayifumanayo. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| IGreat Zimbabwe yakhiwa ngookhokho bethu bamaShona!'wamxelela njalo utata wakhe. 'Ngexesha ndandingumntwana iZimbabwe yayibizwa ngokuba yiRhodesia kwaye yayilawulwa ngamaBritane. Urhulumente wayengafuni ukuba abantu bazi ngamaAfrika awenza indawo ebukeka ngolwa hlobo!' watsho. | Ndizenzela **umfanekiso – ntelekelelo** katata kaShamiso ekhangeleka ekhathazekile akucinga ngoku! |
| Lwathi lwakufika usapho eGreat Zimbabwe, utata kaShamiso wemisa imoto waza wehlika waya kwindawo ethengisa amatikiti. Wabuya namatikiti abo kunye nompheleki kukhenketho.<br><br>'Namkelekile eGreat Zimbabwe,' watsho umpheleki. 'Le ndawo yakhiwa kwiminyaka engamakhulukhulu eyadlulayo – ukuqalela kwinkulungwane ye-11!' | Ndicinga ukuba uShamiso uzenzela **umfanekiso-ntelekelelo** wookhokho bakhe kumakhulukhulu eminyaka eyadlulayo, kwaye uyamangala ngendlela obabuyiyo ubomi babo kule ndawo intle kunene! |
| Umpheleki wabathatha wabasa kwimuziyam encinane kuqala. Yonke into ekule muziyam yaphuma kumabhodlo,' wacacisa umpheleki. Ekuqaleni, umpheleki wababonisa iintaka ezisibhozo ezixhonxiweyo. 'Ezi ntaka zaziluphawu lweekumkani zethu zamandulo ,' watsho. 'Jongani – le yintaka ekwiflegi yethu yaseZimbabwe!' watsho esalatha komnye umfanekiso oxhonxiweyo. | |
| Njengoko babehamba bedlula kwiityesi, uShamiso wabona amaso abugolide kunye nocingo lwekopolo. 'Abantu ababehlala apha babetyebile benegolide,' wacacisa umpheleki.<br><br>'Kwaye loo maso ayevela eTshayina!' wongeza watsho umpheleki, ekhomba amaso amahle eglasi phakathi etyesini. 'Oku kusixelela ukuba abantu ababehlala apha baberhweba kwihlabathi jikelele!'<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oko!' wacinga njalo uShamiso, ecinga ngobucwebe bookhokho bakhe. | Ndicinga ukuba njengoko uShamiso ejonge ngaphaya kweglasi, ufanele ukuba ebezenzela **umfanekiso – ntelekelelo** womnye kookhokho bakhe enxibe la maso mahle. |
| Emva koko, baya kudonga olukhulu olujikelezileyo lwamatye. 'Le ibizwa ngokuba yiNdawo eNkulu ebiyelweyo kwaye yayilikhaya leekumkanikazi!' wacacisa njalo umpheleki wabo. Wadlula wenjenje,' IZimbabwe ithiywe ngesi sakhiwo sikhulu. UZimbabwe uthetha indlu enkulu yamatye – kanye njengale!' | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** wokothuka ebusweni bukaShamiso xa efunda ngenqaku elitsha! |
| Utata kaShamiso wagoba wamsebezela endlebeni, 'Esi sesona sakhiwo selitye sikhulu eAfrika – ngaphandle kweephiramidi zaseYiputha.'<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oko!' wacinga njalo uShamiso, ecinga ngookhokho bakhe besakha iindonga ezinkulu zamatye. | Ndicinga ukuba uShamiso ujonga udonga lwelitye elikhulu olubukekayo, ufanele ukuba uzenzela **umfanekiso-ntelekelelo** wookhokho bakhe bephethe bekwabeka onke amatye nezitena! |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Okulandelayo, umpheleki wabo wabasa kwilali encinane. 'Le lali yakhiwe ngokutsha ukuze nibone indlela ezazikhangeleka ngayo izindlu ngexesha ekwakuhlala ngalo abantu apha eGreat Zimbwabwe!' wacacisa. Babona neqela labadanisi.<br><br>'Aba badanisi basebenza ukugcina imixhentso yamandulo iphila!' watsho umpheleki.<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oku!' wacinga njalo uShamiso, ngomculo omhle nomxhentso wookhokho bakhe. | Ndicinga ukuba njengoko uShamiso ebukele abaxhentsi, ufanele ukuba uzenzela **umfanekiso – ntelekelelo** wookhokho bakhe bekuloo ndawo, besenza kanye loo mxhentso! |
| Ekugqibeleni, umpheleki wabo wabasa kuhambo oluthambekileyo benyuka induli enkulu. 'Le yayiyindawo yenkolo, apho kwakusenziwa khona imisebenzi ebalulekileyo,' wacacisa. 'Apha kulapho iintaka ezenziwe ngomthi ezisemuziyam zafunyanwa khona! Jonga!' watsho esalatha idwala encotsheni yenduli.<br><br>'La madwala akhangeleka okwentaka nawo!'<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oko!' wacinga njalo uShamiso, ecinga ngookhokho bakhe bethandaza kunye. | Ndicinga ukuba njengoko uShamiso notata wakhe bejonge ezantsi, uShamiso uzenzela **umfanekiso-ntelekelelo wesixeko** esixakekileyo esizele ngookhokho bakhe! |
| UShamiso wema ekupheleni kwenduli kunye notata wakhe, bajonga ezantsi ezindulini eziluhlaza kude phaya. Babewabona amabhodlo amatye ethe saa kulo ndawo. 'Wowu! Kuyabukeka oku!!' watsho.<br><br>'Ndiyazidla ngawo wonke lo msebenzi wenziwa ngookhokho bam!'<br><br>'Nam ngokunjalo!' watsho utata wakhe, encumile. | |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Bayaphi uShamiso nosapho lwakhe? | Baya eGreat Zimbabwe. |
| Wabona ntoni uShamiso eGreat Zimbwabwe? | • Wabona iintaka ezixhonxiweyo.<br>• Wabona amaso nocingo lwekopolo.<br>• Wabona imuziyam.<br>• Wabona iNdawo eNkulu ebiyelweyo<br>• Wabona udonga olukhulu lwamatye.<br>• Njl.njl. |
| Uzenzela **umfanekiso-ntelekelelo** wantoni xa ucinga ngookhokho bakho? | *Ndizenzela umfanekiso-ntelekelelo...* |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uShamiso azenzele umfanekiso-ntelekelelo wookhokho bakhe eGreat Zimbwabwe? | • Kuba uShamiso ngumShona, njengabantu bakudala abakha iGreat Zimbabwe.<br>• Kuba uShamiso uyazalana nabantu bakudala abakha iGreat Zimbabwe.<br>• Kuba uShamiso uzama ukwenza umfanekiso-ngqondweni wendlela obabuyiyo ubomi bookhokho bakhe abakha iGreat Zimbabwe. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO


**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- eyonakeleyo
- inkulungwane
- Yakha
- ukwakha kwakhona

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Kudala dala sithi yimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Konke okulapho kungumangaliso | *Beka isandla esilevini unge umangele* |
| Imihla yonke sifunda okutsha | *Beka umnwe entloko* |
| Awugqibeki unzulu okolwandle | *Vula izandla emacaleni ubuye wehlise sibe sinye ubonise ubunzulu* |
| Kudala dala sithi uyimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Ngumdla omkhulu ukwazana nawe | ----------------- |

IVEKI 7

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ndw**
2 Biza igama: **undwebile**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/u/-/ndw/-/e/-/b/-/i/-/l/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/u/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ndw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
8 Biza isandi esilandelayo: **/i/**
9 Biza isandi esilandelayo: **/l/**
10 Biza isandi sokugqibela: **/e/**
11 Bhala igama elipheleleyo: **undwebile**
12 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/u/-/ndw/-/e/-/b/-/i/-/l/-/e/** = **undwebile**
13 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/u/**
14 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ndwe/**
15 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/bi/**
16 Biza ilungu lokugqibela kweli gama: **/le/**
17 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/u/-/ndwe/-/bi/-/le/** = **undwebile**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nqw**
2 Biza igama: **inqwaba**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nqw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/b/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nqw/-/a/-/b/-/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inqwaba**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/nqw/-/a/-/b/-/a/** = **inqwaba**
11 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/nqwa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ba/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/nqwa/-/ba/** = **inqwaba**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u **– ndw, nqw**.
2. Abafundi mababhale amanani 1–6.
3. Bizela la magama alandelayo:
    1. **indwendwe**
    2. **undwebile**
    3. **indwalutho**
    4. **nqwala**
    5. **inqwaba**
    6. **inqwelo**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

IVEKI 7

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ndw, nqw**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Udliwano-ndlebe nomntu osele ekhulile kusapho lwakho ukufumanisa ukuba sasinjani isikolo kubo. Emva koko bhala imihlathi emibini malunga nodliwanondlebe.

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci imihlathi emibini (izivakalisi ezili-12)

**ISIKHOKELO SOKUBHALA**:

**Umhlathi 1**

Ndenze udliwanondlebe…

Ufunde isikolo… (Phi kwaye nini?)

Wayecinga ukuba isikolo yi… ngenxa…….

Lilonke, isikolo sasi…

**Umhlathi 2**

Kudliwanondlebe lwam, ndifunde…

Isikolo sisafana namhlanje nakudala kuba…

Isikolo sahlukile ngoku kunakudala kuba…

Eyona nto inomdla endiyifunde kudliwanondlebe lwam kukuba……


**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo.

### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2 Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3 Funda isakhelo sokubhala.
4 Babonise indlela yokugcwalisa i ifreyimu yokubhala usebenzisa iplani yakho ngolu hlobo:
Ndenze udliwanondlebe nomakhulu wam. Ufunde esikolweni eMaputo, eMozambiki. Waqala isikolo xa wayeneminyaka emithandathu ubudala-iminyaka engama-64 eyadlulayo! Wayecinga ukuba isikolo simnandi kuba wayeza kudlala nabahlobo bakhe esikolweni. Wayethanda xa utitshala efundela iklasi iincwadi. Ngelo xesha, abantu babengacingi ukuba amantombazana kufuneka afunde iMathematika ngoko ke waziva ecalucalulwa esikolweni. Wayenotitshala omnye ogama linguNksk Maluka owayemthanda kuba wayemnceda ngeMathematika xa abanye ootitshala bengavumi. Ngokubanzi isikolo sasiyindawo eyonwabisayo yokundwendwela nabahlobo kodwa ingeyondawo ifanelekileyo yokufunda.
Kudliwanondlebe lwam, ndafumanisa ukuba umakhulu wam wayecalucalulwa esikolweni. Wayengasithandi isikolo kuba ootitshala bakhe babephatha amakhwenkwe namantombazana ngokwahlukileyo – ngaphandle kukaNksk Maluka. Ndicinga ukuba isikolo sahlukile kunangoku ngoba ngoku ootitshala mabaphathe amantombazana namakhwenkwe ngokufanayo kwaye bafundise amantombazana namakhwenkwe iMaths. Umakhulu wam kuye kwanyanzeleka ukuba asishiye isikolo xa wayeneminyaka eyi-12 eyokuphangela, kodwa ndifuna ukuhlala esikolweni de ndineminyaka eli-18 ubuncinci. Eyona nto inomdla endiyifumeneyo kudliwanondlebe lwam kukuba umakhulu wayengasithandi isikolo, kuba ndandicinga ukuba wonke umntu uyasithanda isikolo!

### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala**, okanye iphepha iA4 ukubhala ileta le baziyinika lowo bambhaleleyo**
2 Yalela abafundi ukuba babhale umhla nesihloko: Udliwano-ndlebe**: iDrafti**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa esa sicwangciso sabo.
5 Abafundi bangazongeza izivakalisi okanye izimvo zabo ukuba banexesha.
6 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
7 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukutshintsha Isandi

**NDIYENZA...**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **indyondyo, indyandya**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **indyondyo, indyandya**
4 Cacisa umahluko ku: **/o/** no **/a/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **nqwala, inqwaba**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **nqwala, inqwaba**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **inqwaba**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **igaba, inqaba, qaba, tywaba, ingcwaba**

**UYENZA ...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **inqwelo**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**idlelo, ingxelo, intselo, intswelo**

# Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ufundo Lwesibini

### IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIZENZELA UMFANEKISO-NTELEKELELO


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Uhambo olukhulu lukaShamiso**<br><br>UShamiso nosapho lwakhe bakulinda iinyanga ukufika kweholide yesikolo. Babeza kutyelela usapho lwabo eZimbabwe. Endleleni, babeza kumisa kwindawo eyaziwa ngokuba yiGreat Zimbabwe. UShamiso wakhangela iGreat Zimbabwe kwi-intanethi. Wafunda ukuba sisixeko esikhulu nebhotwe lakudala.<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oku!' wacinga njalo. Wayesitsha ziintambo ukubona indawo yookhokho bakhe. | |
| IMAGE ONLY | Ndiyakwazi **ukuzenzela umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso echwayita ngokuchwayita ngomfanekiso ngamnye awubonayo! |
| IGreat Zimbabwe yakhiwa ngookhokho bethu bamaShona!'wamxelela njalo utata wakhe. 'Ngexesha ndandingumntwana iZimbabwe yayibizwa ngokuba yiRhodesia kwaye yayilawulwa ngamaBritane. Urhulumente wayengafuni ukuba abantu bazi ngamaAfrika awenza indawo ebukeka ngolwa hlobo!' watsho. | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso ebuza utata wakhe ngakumbi ngoku. Ndicinga ukuba unokumbuza utata wakhe ukuba 'Kutheni amaBritane ayengafuni abantu bazi ngoku?' Ndiyakwazi ukwenza **umfanekiso-ntelekelelo** katata wakhe emcacisela ukuba amaBritane ayefuna abantu bakholelwe ukuba abantu abamnyama babengenabuchule bokwakha izixeko njengabantu abamhlophe. |
| Lwathi lwakufika usapho eGreat Zimbabwe, utata kaShamiso wemisa imoto waza wehlika waya kwindawo ethengisa amatikiti. Wabuya namatikiti abo kunye nompheleki kukhenketho.<br><br>'Namkelekile eGreat Zimbabwe,' watsho umpheleki. 'Le ndawo yakhiwa kwiminyaka engamakhulukhulu eyadlulayo – ukuqalela kwinkulungwane ye-11!' | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso ephulaphule konke okuthethwa ngumpheleki ekwabuza imibuzo emininzi ngoko baza kukubona! |
| Umpheleki wabathatha wabasa kwimuziyam encinane kuqala. Yonke into ekule muziyam yaphuma kumabhodlo,' wacacisa umpheleki. Ekuqaleni, umpheleki wababonisa iintaka ezisibhozo ezixhonxiweyo. 'Ezi ntaka zaziluphawu lweekumkani zethu zamandulo ,' watsho. 'Jongani – le yintaka ekwiflegi yethu yaseZimbabwe!' watsho esalatha komnye umfanekiso oxhonxiweyo. | Ndenza **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso ejonge iintaka eziva enokuziqhayisa ngesakhono ababenaso abaxhonxi abazenzayo! |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Njengoko babehamba bedlula kwiityesi, uShamiso wabona amaso abugolide kunye nocingo lwekopolo. 'Abantu ababehlala apha babetyebile benegolide,' wacacisa umpheleki.<br><br>'Kwaye loo maso ayevela eTshayina!' wongeza watsho umpheleki, ekhomba amaso amahle eglasi phakathi etyesini. 'Oku kusixelela ukuba abantu ababehlala apha baberhweba kwihlabathi jikelele!'<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oko!' wacinga njalo uShamiso, ecinga ngobucwebe bookhokho bakhe. | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso ejonge izacholo nenobucwebe obusetyesini eziva enokuziqhayisa ngesakhono sookhokho bakhe! |
| Emva koko, baya kudonga olukhulu olujikelezileyo lwamatye. 'Le ibizwa ngokuba yiNdawo eNkulu ebiyelweyo kwaye yayilikhaya leekumkanikazi!' wacacisa njalo umpheleki wabo. Wadlula wenjenje,' IZimbabwe ithiywe ngesi sakhiwo sikhulu. UZimbabwe uthetha indlu enkulu yamatye – kanye njengale!' | |
| Utata kaShamiso wagoba wamsebezela endlebeni, 'Esi sesona sakhiwo selitye sikhulu eAfrika – ngaphandle kweephiramidi zaseYiputha.'<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oko!' wacinga njalo uShamiso, ecinga ngookhokho bakhe besakha iindonga ezinkulu zamatye. | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso ebuka indlela amatye ahleli ngayo kwisigebengakazi sodonga kwaye eziqhayisa ngenjineli eyaqulunqa inkangeleko yeNdawo eNkulu ebiyelweyo. |
| Okulandelayo, umpheleki wabo wabasa kwilali encinane. 'Le lali yakhiwe ngokutsha ukuze nibone indlela ezazikhangeleka ngayo izindlu ngexesha ekwakuhlala ngalo abantu apha eGreat Zimbwabwe!' wacacisa. Babona neqela labadanisi.<br><br>'Aba badanisi basebenza ukugcina imixhentso yamandulo iphila!' watsho umpheleki.<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oku!' wacinga njalo uShamiso, ngomculo omhle nomxhentso wookhokho bakhe. | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso ephulaphule ukubetha kwegubu eziva enokuziqhayisa ngesingqi segubu sookhokho bakhe abasidlulisele kwabalandelayo! |
| Ekugqibeleni, umpheleki wabo wabasa kuhambo oluthambekileyo benyuka induli enkulu. 'Le yayiyindawo yenkolo, apho kwakusenziwa khona imisebenzi ebalulekileyo,' wacacisa. 'Apha kulapho iintaka ezenziwe ngomthi ezisemuziyam zafunyanwa khona! Jonga!' watsho esalatha idwala encotsheni yenduli.<br><br>'La madwala akhangeleka okwentaka nawo!'<br><br>'Wowu! Kuyabukeka oko!' wacinga njalo uShamiso, ecinga ngookhokho bakhe bethandaza kunye. | ------ |

IVEKI 7

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UShamiso wema ekupheleni kwenduli kunye notata wakhe, bajonga ezantsi ezindulini eziluhlaza kude phaya. Babewabona amabhodlo amatye ethe saa kulo ndawo. 'Wowu! Kuyabukeka oku!!' watsho.<br>'Ndiyazidla ngawo wonke lo msebenzi wenziwa ngookhokho bam!'<br>'Nam ngokunjalo!' watsho utata wakhe, encumile. | Ndizenzela **umfanekiso-ntelekelelo** kaShamiso notata wakhe bencumile bezele ukuziqhayisa njengoko bejonge umsebenzi oncomekayo wookhokho babo! |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Baziva njani uShamiso notata wakhe ekupheleni kwebali? | Baziva beziqhayisa ngookhokho babo. |
| Sesiphi isakhiwo samatye ekuphela kwaso esikhulu kuneGreat Zimbwabwe | Ziiphiramidi zaseYiputha. |
| **Zenzele umfanekiso-ntelekelelo** wosapho lwakho luseGreat Zimbwabwe. Yintoni oya kuyichwayitela ukuyibona? | *Ndiya kukuchwayitela ukubona...* |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Yintoni eyenza uShamiso notata wakhe banokuziqhayisa ngayo? | • Kuba ookhokho babo benza izinto ezininzi ezimangalisayo.<br>• Kuba ookhokho babo babengabakhi bokwenene.<br>• Kuba ookhokho babo babeyazi indlela yokwenza ubucwebe obubukekayo.<br>• Kuba ookhokho babo babengabakhi bokwenene ngamatye.<br>• Kuba ookhokho babo ... |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala   Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.

**9** Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ubume
- imyuziyam
- umhlaba
- ngaphantsi

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Kudala dala sithi yimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Konke okulapho kungumangaliso | *Beka isandla esilevini unge umangele* |
| Imihla yonke sifunda okutsha | *Beka umnwe entloko* |
| Awugqibeki unzulu okolwandle | *Vula izandla emacaleni ubuye wehlise sibe sinye ubonise ubunzulu* |
| Kudala dala sithi uyimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Ngumdla omkhulu ukwazana nawe | ----------------- |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Eli bali limalunga…
Into enye endiyifundileyo kweli bali…
Xa ndicinga ngeZimbabwe Enkulu, ndinombono…

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

IVEKI 7

6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo kwithemu.

| | | |
|---|---|---|
| ndy | ndw | ngc |
| a | m | e |
| nqw | ntsh | ndlw |
| i | d | o |
| ngcw | ntyw | ntsw |
| l | u | g |
| nkxw | ngqw | nyhw |
| h | k | n |

**BONISA ABAFUNDI**

1 Hlaziya izandi ezisebhodini
2 Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.

**ABAFUNDI BENZE**

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumsebenzi wabo
5 Cela abafundi bakunike amagama abawakhileyo, wabhale ebhodini

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA ISIGQIBO NGOKUFUNDA IBALI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1. Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba nepensile.
2. Cacisa kubafundi ukuba namhlanje baza kudibanisa iimeko ze bacinge ngoku nokwenzeka ebalini.
3. Yenza u**mfuziselo** ubabonisa **ukudibanisa iimeko** ngento enokwenzeka ebalini umzkl: UShamiso ujonge i-Great Enclosure kwaye uziva emangalisiwe!
4. Zoba umfanekiso wakho ebhodini, kaShamiso emangalisiwe!
5. Sebenzisa umfuziselo ukongeza isivakalisi okanye ezibini kumzekeliso wakho, njengo: Oku kuyamangalisa! Kazi kwakhiwa njani?
6. Emva koko, xelela abafundi ukuba baza kukhetha umlinganiswa baze badibanise imeko malunga noko bakucingayo okanye bakuvayo.
7. Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8. Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba izimvo zabo.
9. Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
    a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
    b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
    c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
    d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
    e **Sibhale ngantoni kule veki?**
    f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
    g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
    h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Imifanekiso kaNelson Mandela, imifanekiso kaSimon Nkoli, imifanekiso yomzabalazo wokulwa ucalucalulo, imifanekiso yoqhankqalazo yabantu abathandayo besini sinye eMzantsi Afrika namhlanje.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ukuba yayingubani u Simon Nkoli?
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 102, **Masifunde**

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 103–105, **Masibhale**

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 106, **Masifunde** kunye nephepha lama-107 ukuya kwi-109, **Masibhale**

**Umsebenzi 4: Zoba ubhale ngento oyaziyo ngembali.**

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1. Bonisa abafundi umfanekiso kaSimon Nkoli noNelson Mandela kwibali leNcwadi eNkulu: **Iqhawe eligama linguSimon Nkoli**
2. Xelela abafundi ukuba siqhubeka nomxholo :I**mbali**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - **a** Wazi ntoni ngembali?
   - **b** Kutheni ucinga ukuba imbali ibalulekile? (Sifunde ntoni ukuza kuthi ga ngoku?)
   - **c** Yeyiphi imibuzo onayo malunga nembali

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - Point – Khomba igama
   - Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - iqhawe
   - amalungelo
   - amalungelo alinganayo
   - ukulingana

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Kudala dala sithi yimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Konke okulapho kungumangaliso | *Beka isandla esilevini unge umangele* |
| Imihla yonke sifunda okutsha | *Beka umnwe entloko* |
| Awugqibeki unzulu okolwandle | *Vula izandla emacaleni ubuye wehlise sibe sinye ubonise ubunzulu* |
| Kudala dala sithi uyimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Ngumdla omkhulu ukwazana nawe | ---------------- |

## UkuBhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Amagama isinye ukuya kwisininzi.**
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1–5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3 Biza la magama alandelayo kwisinye. Abafundi mababhale igama ecaleni kwenani elichanelekileyo: **Amagama isinye ukuya kwisininzi**
   1 **isonka**
   2 **ingcuka**
   3 **ishelufu**
   4 **isela**
   5 **igqabi**
4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale amagama kwakhona kwisininzi.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo.
7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo: **Amagama isinye ukuya kwisininzi**
   1 isonka
   Izonka
   2 ingcuka
   Iingcuka
   3 ishelufu
   Iishelfu
   4 isela
   Amasela
   5 igqabi
   Amagqabi
   6 Iziko
   Amaziko
8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________

________________________________________

Isivakalisi: ________________________________________

________________________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Iqhawe eligama lingu Simon Nkoli**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

## UkuBhala: Imizuzu 30

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Yiba nodliwano-ndlebe nomntu osele ekhulile kusapho lwakho uzame ukufumanisa ukuba sasinjani na isikolo kubo. Emva koko bhala imihlathi emibini malunga nodliwanondlebe.

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakhe ubuncinci imihlathi emibini ( izivakalisi ezili-12)

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala itshekhlisti yokuhlela ebhodini phambi kokuqala ngesifundo.
- Bhala idrafti yakho ibe nempazamo enye ukuya kwezimbini phambi kokuqala ngesifundo.

**ITSHEKHLISTI YOKUHLELA:**

1 Ingaba ndibhale ngodliwanondlebe lwam ndisebenzisa ixesha elidlulileyo?
2 Ingaba ndisebenzise umntu wesithathu?
3 Ingaba ndizibhalile izivakalisi ezili-12 ubuncinci zahlulwe kwimihlathi emibini?
4 Ingaba ndiwapele onke amagama kakuhle?
5 Ingaba zonke izivakalisi zam ziqala ngonobumba omkhulu?
6 Ingaba zonke izivakalisi zam ziphela ngesingxi okanye uphawu lokukhuza?


**YENZA UMFUZISELO WENKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)**

1 Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela.
2 Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.

3 Jonga itshekhlisti yakho, ujonge nedfrafti yakho ukuba ichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4 Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.

**ABAFUNDI BAZALISA INKQUBO YOKUHLELA (UYENZA):**

1 Banike incwadi zokubhala. Abafundi bakhangele iidrafti zabo ezincwadini.
2 Xelela abafundi bajonge itshekhlisti yokuhlela ze benze izilungiso.
3 Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana – qinisekisa ukuba usebenza neqela elitsha kumsebenzi ngamnye.
4 Lungisa iimpazamo ezifanayo kumbhalo wabafundi.
5 Abafundi mabakunike inzolo ubhale zonke iimpazamo ebhodini.
6 Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 8.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ntsh**
2 Biza igama: **iintshaba**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/ii/**-**/ntsh/**-**/a/**-**/b/**-**/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/ii/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ntsh/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
8 Biza isandi sesine: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **iintshaba**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/ii/**-**/ntsh/**-**/a/**-**/b/**-**/a/** = **iintshaba**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/ii/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ntsha/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/ba/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/ii/**-**/ntsha/**-**/ba/** = **iintshaba**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngcw**
2 Biza igama: **ingcwangu**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ngcw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ng/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine? **/u/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-**/ngcw/**-**/a/**-**/ng/**-**/u/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingcwangu**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama: **/i/**-**/ngcw/**-**/a/**-**/ng/**-**/u/** = **ingcwangu**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ngcwa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ngu/**
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/i/**-**/ngcwa/**-**/ngu/** = **ingcwangu**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u – ntsh, ngcw**
2 Abafundi mababhale amanani 1–9.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **intsha**
   2 **iintshaba**
   3 **intsholo**
   4 **intshongo**
   5 **intshukumo**
   6 **intshumayelo**
   7 **ingcwaba**
   8 **ngcwele**
   9 **ingcwangu**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ntsh, ngcw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

ingcwangu

Intsha le intshumayelo.

Ingcwangu azikho ngcwele tu.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKHUMBULA/ KHANGELA KWITEKISI**


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Iqhawe eligama linguSimon Nkoli**<br>Utitshala wam wasixelela ukuba masibhale umhlathi ngamaqhawe ethu. Ngobo busuku, ndahlala etafileni ekhitshini ngexesha utata wam wayepheka isidlo sangokuhlwa. 'Ngubani iqhawe lakho?' ndambuza. 'Andiqondi ukuba ndinalo,'ndamchazela. | **Ngubani** iqhawe lombalisi? Oo, ndifunda ukuba akanalo. |
| 'Mna, elam iqhawe nguSimon Nkoli. Ingaba ndakhe ndakuxelela ngaye?' wabuza.<br>Ndanikina intloko. Andizange ndakha ndeva ngoSimon Nkoli ngaphambili. | **Ngubani** iqhawe likatata wombalisi? Ndifunda ukuba ngumfo owaziwa ngokuba nguSimon Nkoli. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Mamela ke, uSimon Nkoli wazalwa apha eSoweto,' watsho utata.<br><br>'USimon wayelitshantliziyo elingumchasi wocalucalulo. Walwela amalungelo ethu thina bantu baMnyama – ukuze sifunde, sisebenze, ze sihlale naphina apho sikhethe khona.'<br><br>'Oo, njengoNelson Mandela?' ndabuza. Sifundile ngoMongameli uNelson Mandela esikolweni, kodwa asifundanga ngoSimon Nkoli. Ndizicingela ingaba kutheni iqhawe likatata inguSimon Nkoli ingengoNelson Mandela. | Wayesuka **phi** uSimon Nkoli? Ndifunda ukuba wazalelwa eSoweto. |
| 'Uyabona, ngezinye iindlela, uSimon Nkoli wayefana noNelson Mandela,' wacacisa utata. 'Bobabini balwa uCalucalulo. Bobabini babekholelwa ngamandla kumlo wamalungelo ethu bade baya kungena entilongweni.'<br><br>'Kwakutheni ze baye kungengena entilongweni?' ndabuza. 'Ingaba benza into engalunganga?'<br><br>'Hayi, abazange benze nto ingalunganga,' wandiqinisekisa. 'Kodwa ngexesha loCalucalulo, amapolisa ayebabamba abantu abaqhankqalazayo bethetha ngokuphandle ngokuba nobuhlanga eMzantsi Afrika, watsho.<br><br>'Cacisa babesahluka njani ngelo xesha?' ndabuza. Kwakuvakala ngathi uSimon Nkoli noNelson Mandela babefana. | **Kwakutheni** ukuze amapolisa afake uSimon Nkoli entilongweni? Oo, ndifunda ukuba kungenxa yokuqhankqalaza athethe ngokuphandle ngokuba nobuhlanga – hayi kuba wenza into engalunganga. |
| 'USimon Nkoli wayengalwi kuphela uCalucalulo – wayesilwela amalungelo abemi bonke boMzantsi Afrika ukuba bathande ukwakha iintsapho nangayiphina indlela esiyikhethayo,' waqhuba watsho utata.<br><br>'Uthetha ukuthini xa usitsho?' ndabuza, ndinendawana ebubhideka.<br><br>'USimon Nkoli akazange alwe uCalucalulo kuphela. Walwela kunye namalungelo alinganayo abantu bonke. Wayesilwa imilo emibini, elwela mna kunye noPapa wakho – wayesilwela amalungelo ethu bantu bamnyama kunye namalungelo ethu okuba sibe kunye.'<br><br>'Ingaba uthetha ukuba, kwakukho ixesha apho wena noPapa naningavumelekanga ukuba kunye?' ndabuza. Abahlobo bam abaninzi babengenabo ootata ababini njengam, kodwa andizange ndacinga ngaloo nto ngaphambili. | Ndifunde ukuba uSimon Nkoli walwa ucalucalo. **Yintoni** enye awayilwelayo? Ndifunda ukuba walwela amalungelo alinganayo kumntu wonke. |

IVEKI 8

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Uchane ucwethe,' watsho utata. 'Siyabulela, lwathi lwakuphela uCalucalulo, urhulumente wethu omtsha wenza imithetho eqinsekisa amalungelo abantu alinganayo kumntu wonke. Siphila kwelinye lamazwe ambalwa ehlabathini apho kukho imithetho ekhusela wena, ingakhethi hlanga, nkolo, okanye umntu ozimanya naye ngeqhina lomtshato.' | Kwenzeka **ntoni** ukuphela kocalucalulo? Oo, ndifunda ukuba urhulumente wenza imithetho emitsha ukuqinisekisa amalungelo alinganayo kumntu wonke. |
| 'Kodwa,' watsho uPapa, 'Kusafuneka siqaphele ngokukodwa. Nalapha eMzantsi Afrika basekho abantu abasibiza ngamagama amabi, okanye abafuna ukusilimaza,' wacacisa njalo. 'Asingabo bonke abantu abakholelwa kumakulinganwe ngumntu wonke. Sisawadinga amaqhawe afana noNelson Mandela, uSimon Nkoli kunye noCharlotte Maxeke, abalwela amalungelo amabinqa amnyama.' | -------- |
| Utata wam wakhupha iifoto ezindala. 'Nantsi ifoto kaSimon Nkoli kunye noMongameli uMandela,' watsho encumile. 'Oo, nantsi ekaPapa nam noSimon!' utata wam wayinika mna le foto, ndaza ndathatha imagnethi ngayincamathelisa efrijini yethu.<br><br>'Ndinqwenela ukuba ezo foto zisikhumbuze ukuba akusoze kuba yinto elungileyo ukuba sicinge ngokuphatha abantu ngokungathi bazizinto ezingaphantsi komntu – nokuba kungasiphi isizathu,' watsho utata wam, esebenzisa ilizwi lakhe elingqwabalala. | Umbalisi wayincamathelisa **phi** ifoto kaSimon Nkoli noNelson Mandela? |
| Ndazijonga ezi foto ixesha elide ndicinga ngendlela obabuyiyo ubomi kutata wam ngexesha awayesemtsha. | -------- |
| Ndathatha incwadi yam yokubhala. 'Ndicinga ukuba ndiza kubhala ngoSimon Nkoli kumhlathi wam,' ndagqiba njalo. 'Wanceda usapho lwethu, ngokoke ndicinga ukuba ukwaliqhawe lam!' | **Ngubani** agqibe ukubhala ngaye umhlathi umbalisi? Ndifunda ukuba uza kubhala ngeqhawe likatata wakhe: uSimon Nkoli! |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Yayingubani iqhawe lombalisi ekuqaleni kwebali? | Umbalisi wathi akanalo iqhawe. |
| Wagqiba ukuba uza kubhala umhlathi wakhe ngabani umbalisi? | Wagqiba ukuba uza kubhala ngoSimon Nkoli. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze utata wombalisi ambalisele ngoSimon Nkoli? | • Kuba uSimon Nkoli liqhawe lakhe.<br>• Kuba wayefuna afunde ngoSimon Nkoli.<br>• Kuba umbalisi kwakufuneka ebhale umhlathi ngeqhawe, kodwa wayengenalo.<br>• Mhlawumbi wayefuna ukufundisa umbalisi ngendlela uSimon Nkoli awalwela ngayo amalungelo alinganayo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 8

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- urhulumente
- uqhankqalazo
- engenabulungisa

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Kudala dala sithi yimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Konke okulapho kungumangaliso | *Beka isandla esilevini unge umangele* |
| Imihla yonke sifunda okutsha | *Beka umnwe entloko* |
| Awugqibeki unzulu okolwandle | *Vula izandla emacaleni ubuye wehlise sibe sinye ubonise ubunzulu* |
| Kudala dala sithi uyimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Ngumdla omkhulu ukwazana nawe | ----------------- |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.



## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ndlw**
2 Biza igama: **indlwana**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ndlw/-/a/-/n/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ndlw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/n/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **indlwana**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ndlw/-/a/-/n/-/a/** = **indlwana**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ndlwa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/na/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/i/-/ndlwa/-/na/** = **indlwana**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ntyw**
2 Biza igama: **intywenka**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ntyw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/e/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/n/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/k/**
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
9 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ntyw/-/e/-/n/-/k/-/a/**
10 Bhala igama elipheleleyo: **intywenka**
11 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/-/ntyw/-/e/-/n/-/k/-/a/** = **intywenka**
12 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ntywe/**
14 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/nka/**
15 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/ntywe/-/nka/** = **intywenka**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u – **ndlw, ntyw**.
2. Abafundi mababhale amanani 1–4.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **indlwana**
   2. **Isandlwana**
   3. **ntywila**
   4. **intywenka**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________________

## UkuBhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ndlw, ntyw**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Udliwano-ndlebe nomntu osele ekhulile kusapho lwakho ukufumanisa ukuba sasinjani isikolo kubo. Emva koko bhala imihlathi emibini malunga nodliwanondlebe.

**UMSEBENZI:** Yila, ubhale, uhlele kwaye upapashe ibali lakho ubuncinci imihlathi emibini (izivakalisi ezili-12)

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Umhlathi 1**

Ndenze udliwanondlebe…

Ufunde isikolo… (Phi kwaye nini?)

Wayecinga ukuba isikolo yi… ngenxa……. … (Sixelele ukuba lo mntu ucinga ntoni ngesikolo kwizivakalisi ezi-2–4)

Lilonke, isikolo sasi…

**Umhlathi 2**

Kudliwanondlebe lwam, ndifunde…

Isikolo sisafana namhlanje nakudala kuba…

Isikolo sasihlukile ngoku kunakudala kuba…

Eyona nto inomdla endiyifunde kudliwanondlebe lwam kukuba……

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOSHICILELO (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela ukuhlela iidrafti.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje siza kushicilela ze sabelane ngemibhalo yethu.
3 Bonisa abafundi ukuba indlela yokubhala kwakhona umbhalo wakho ube nesihloko nomhla.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOSHICILELO (UYENZA)


1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala**.**
2 **Yalela abafundi ukuba babhale umhla nesihloko: Udliwanondlebe lwam no…**
3 Abafundi mababhale umbhalo wabo kwakhona kakuhle ngaphandle kweempazamo.

4 Abafundi bangafaka umzobo ukuba banexesha.
5 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo **ubambe iingxoxwana** nabo batsala nzima.

## ABAFUNDI BABELANA NGEMIBHALO

1 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela abafundi mababeke phantsi iipensile neepeni.
2 Abafundi mabaguquke bathethe nomlingani bafunde imibhalo yabo.
3 Biza umfundi omnye ukuya kwaba-2 babelane ngombhalo wabo neklasi.
4 Xhoma imibhalo yabafundi kwinqanaba apho kufikelela amehlo abo ukubavumela ukuba bafunde ukubhala kwabanye.

IVEKI 8



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 8

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukutshintsha Isandi

**NDIYENZA...**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **intsha, ingca**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **intsha, ingca**
4 Cacisa umahluko ku: **/tsh/** no **/gc/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **ingcwaba, inqwaba**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **ingcwaba, inqwaba**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **ntywila**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **lila, bila, igila, zila, chila, intsila**

**UYENZA ...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **intsholo**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**isikolo, izolo, itsolo, inzolo, igqolo**

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lwesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKHUMBULA/ KHANGELA KWITEKISI**


| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Iqhawe eligama linguSimon Nkoli**<br>Utitshala wam wasixelela ukuba masibhale umhlathi ngamaqhawe ethu. Ngobo busuku, ndahlala etafileni ekhitshini ngexesha utata wam wayepheka isidlo sangokuhlwa. 'Ngubani iqhawe lakho?' ndambuza. 'Andiqondi ukuba ndinalo,'ndamchazela. | **Ndiyakhumbula** ukuba iqhawe likatata wombalisi yayinguSimon Nkoli. |
| 'Mna, elam iqhawe nguSimon Nkoli. Ingaba ndakhe ndakuxelela ngaye?' wabuza.<br>Ndanikina intloko. Andizange ndakha ndeva ngoSimon Nkoli ngaphambili. | --------- |
| 'Mamela ke, uSimon Nkoli wazalwa apha eSoweto,' watsho utata.<br>'USimon wayelitshantliziyo elingumchasi wocalucalulo. Walwela amalungelo ethu thina bantu baMnyama – ukuze sifunde, sisebenze, ze sihlale naphina apho sikhethe khona.'<br>'Oo, njengoNelson Mandela?' ndabuza. Sifundile ngoMongameli uNelson Mandela esikolweni, kodwa asifundanga ngoSimon Nkoli. Ndizicingela ingaba kutheni iqhawe likatata inguSimon Nkoli ingengoNelson Mandela. | **Kwakutheni** ukuze uSimon Nkoli abe liqhawe likatata wombalisi? Ndicinga ukuba wayelitshantliziyo elalwela amalungelo alinganayo. |
| 'Uyabona, ngezinye iindlela, uSimon Nkoli wayefana noNelson Mandela,' wacacisa utata. 'Bobabini balwa uCalucalulo. Bobabini babekholelwa ngamandla kumlo wamalungelo ethu bade baya kungena entilongweni.'<br>'Kwakutheni ze baye kungengena entilongweni?' ndabuza. 'Ingaba benza into engalunganga?'<br>'Hayi, abazange benze nto ingalunganga,' wandiqinisekisa. 'Kodwa ngexesha loCalucalulo, amapolisa ayebabamba abantu abaqhankqalazayo bethetha ngokuphandle ngokuba nobuhlanga eMzantsi Afrika, watsho.<br>'Cacisa babesahluka njani ngelo xesha?' ndabuza. Kwakuvakala ngathi uSimon Nkoli noNelson Mandela babefana. | Babefana **njani** uSimon Nkoli noNelson Mandela? Ndifunda ukuba bobabini balwa ucalucalulo. Bobabini baya entilongweni ngenxa yoko babekholelwa kuko! |

IVEKI 8

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'USimon Nkoli wayengalwi kuphela uCalucalulo – wayesilwela amalungelo abemi bonke boMzantsi Afrika ukuba bathande ukwakha iintsapho nangayiphina indlela esiyikhethayo,' waqhuba watsho utata.<br><br>'Uthetha ukuthini xa usitsho?' ndabuza, ndinendawana ebubhideka.<br><br>'USimon Nkoli akazange alwe uCalucalulo kuphela. Walwela kunye namalungelo alinganayo abantu bonke. Wayesilwa imilo emibini, elwela mna kunye noPapa wakho – wayesilwela amalungelo ethu bantu bamnyama kunye namalungelo ethu okuba sibe kunye.'<br><br>'Ingaba uthetha ukuba, kwakukho ixesha apho wena noPapa naningavumelekanga ukuba kunye?' ndabuza. Abahlobo bam abaninzi babengenabo ootata ababini njengam, kodwa andizange ndacinga ngaloo nto ngaphambili. | Babohluke **njani** uSimon Nkoli noN.elson Mandela? USimon Nkoli wayesilwa ucalucalulo namalungelo abantu bonke okuba bathande ze bakhe iintsapho zabo ngeendlela ezahlukileyo. |
| 'Uchane ucwethe,' watsho utata. 'Siyabulela, lwathi lwakuphela uCalucalulo, urhulumente wethu omtsha wenza imithetho eqinsekisa amalungelo abantu alinganayo kumntu wonke. Siphila kwelinye lamazwe ambalwa ehlabathini apho kukho imithetho ekhusela wena, ingakhethi hlanga, nkolo, okanye umntu ozimanya naye ngeqhina lomtshato.' | **Yintoni** eyenza imithetho yoMzantsi Afrika ibe yeyodwa? Le mithetho ikhusela abantu ingakhathe hlanga, nkolo okanye lowo bakhetha ukuzimanya naye ngeqhina lomtshato. Oko kwahlukile kwamanye amazwe ehlabathi. |
| 'Kodwa,' watsho uPapa, 'Kusafuneka siqaphele ngokukodwa. Nalapha eMzantsi Afrika basekho abantu abasibiza ngamagama amabi, okanye abafuna ukusilimaza,' wacacisa njalo. 'Asingabo bonke abantu abakholelwa kumakulinganwe ngumntu wonke. Sisawadinga amaqhawe afana noNelson Mandela, uSimon Nkoli kunye noCharlotte Maxeke, abalwela amalungelo amabinqa amnyama.' | **Kutheni** usapho lombalisi kufuneka luqaphele ngakumbi? Kuba kukho abantu abangakholelwayo kumakulinganwe ngumntu wonke. |
| Utata wam wakhupha iifoto ezindala. 'Nantsi ifoto kaSimon Nkoli kunye noMongameli uMandela,' watsho encumile. 'Oo, nantsi ekaPapa nam noSimon!' utata wam wayinika mna le foto, ndaza ndathatha imagnethi ngayincamathelisa efrijini yethu.<br><br>'Ndinqwenela ukuba ezo foto zisikhumbuze ukuba akusoze kuba yinto elungileyo ukuba sicinge ngokuphatha abantu ngokungathi bazizinto ezingaphantsi komntu – nokuba kungasiphi isizathu,' watsho utata wam, esebenzisa ilizwi lakhe elingqwabalala. | Kulunge **nini** ukuphatha abantu ngokungathi bangaphantsi kwabanye? Oo, apha ndifunda ukuba, ngokukatata wombalisi, akulunganga nanini! |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ndazijonga ezi foto ixesha elide ndicinga ngendlela obabuyiyo ubomi kutata wam ngexesha awayesemtsha. | Wafunda **ntoni** umbalisi eyayahlukile ngexesha utata wakhe wayesemtsha? Ufunda ukuba utata wakhe wayengenawo amalungelo alinganayo. |
| Ndathatha incwadi yam yokubhala. 'Ndicinga ukuba ndiza kubhala ngoSimon Nkoli kumhlathi wam,' ndagqiba njalo. 'Wanceda usapho lwethu, ngokoke ndicinga ukuba ukwaliqhawe lam!' | **Kwakutheni** ukuze umbalisi agqibe ukuba uza kubhala umhlathi wakhe ngoSimon Nkoli? Oo, kuba uSimon Nkoli wancedisa ukulwela amalungelo alinganayo kubemi bonke boMzantsi Afrika. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Babefana njani uSimon Nkoli noNelson Mandela? | • Bobabini balwa ucalucalulo.<br>• Bobabini baya entilongweni ngenxa yoko babekholelwa kuko.<br>• Bobabini bathetha ngokuphandle ngokuba nobuhlanga. |
| Babohluke njani uSimon Nkoli noNelson Mandela? | USimon Nkoli yena walwela nokuba abantu bakwazi ukuthanda bakhe iintsapho zabo nangayiphina indlela abayikhethayo. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze umbalisi athathe isigqibo sokubhala umhlathi wakhe ngoSimon Nkoli? | • Kuba iqhawe likatata wakhe yayinguSimon Nkoli, umbalisi yena wayengenalo iqhawe.<br>• Kuba uSimon Nkoli wanceda usapho lombalisi.<br>• Kuba wathatha isigqibo sokuba uSimon Nkoli wayeliqhawe lakhe naye emva kokuba utata wakhe embalisele konke ngaye. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- Point – Khomba igama
- Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ukubanjwa
- intolongo
- thetha phandle

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Kudala dala sithi yimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Konke okulapho kungumangaliso | *Beka isandla esilevini unge umangele* |
| Imihla yonke sifunda okutsha | *Beka umnwe entloko* |
| Awugqibeki unzulu okolwandle | *Vula izandla emacaleni ubuye wehlise sibe sinye ubonise ubunzulu* |
| Kudala dala sithi uyimbali | *Khomba ngoobhontsi emva kwakho* |
| Ngumdla omkhulu ukwazana nawe | ----------------- |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Eli bali limalunga…
Into enye endiyifundileyo ngeli bali………..
Iqhawe lam ngu……ngoba ……

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukufumana Amagama

Imizuzu 15

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo kwithemu.

| | | |
|---|---|---|
| **ndy** | **ndw** | **ngc** |
| **a** | **m** | **e** |
| **nqw** | **ntsh** | **ndlw** |
| **i** | **d** | **o** |
| **ngcw** | **ntyw** | **ntsw** |
| **l** | **u** | **g** |
| **nkxw** | **ngqw** | **nyhw** |
| **h** | **k** | **n** |

### BONISA ABAFUNDI

1 Hlaziya izandi ezisebhodini
2 Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.

### ABAFUNDI BENZE

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumsebenzi wabo
5 Cela abafundi bakunike amagama abawakhileyo, wabhale ebhodini

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: Emva Kokufunda

Imizuzu 15

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / KHANGELA KWITEKISI**

**ISISHWANKATHELO SEBALI ESIBHALIWEYO**


1 Phambi kokuba siqale isifundo, bhala esi sihloko silandelayo, imibuzo, neziqali zivakalisi ebhodini.
2 Funda imibuzo nabafundi, ucacisa apho kukho imfuneko.
3 Yalela abafundi **baguquke bathethe** besabelana ngeempendulo zabo.
4 Yalela abafundu bavule iincwadi zabo, babhale umhla nesihloko ze baphendule imibuzo.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela, jonga iimpendulo nabafundi ze abafundi bazikorekishe.

**IQHAWE ELIGAMA LINGUSIMON NKOLI**

1 **Wazalelwa phi uSimon Nkoli?**
**Wazalwa...**
2 **Wayesilwela ntoni uSimon Nkoli?**
**USimon Nkoli walwela…**
3 **Yintoni enye eyayifana ngoSimon Nkoli kunye noNelson Mandela?**
**Bobabini….**

**IQHAWE ELIGAMA LINGUSIMON NKOLI – IIMPENDULO**

1 **Wazalelwa phi uSimon Nkoli?**
**Wazalelwa eSoweto.**
2 **Wayesilwela ntoni uSimon Nkoli?**
**USimon Nkoli walwela amalungelo alinganayo.**
3 **Yintoni enye eyayifana ngoSimon Nkoli kunye noNelson Mandela?**
**Bobabini balwa nocalucalulo / bathetha ngokuchasene nobuhlanga / baya ejele ngenxa yeenkolelo zabo.**



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli-15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.



## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

IVEKI 8